


AMANDLA AGQIBELELEYO

NGOBU THATHAKA

OBUGQIBELELEYO

 Molweni kusanje, zihlobo. Kumnandi ukuba siphume kwakhona ngale ntsasa inethayo, inekhephu, intsasa exubeneyo. Ndisazi ukuba uninzi lwenu lube nexesha elininzi lokuqhuba, lusuka kude. Kwaye sinabanye...aba bahlobo baxabisekileyo basuka eChicago nase Alabama nase Georgia neTennessee kunye ne-Illinois nageenzaxonke, kwezi ntsuku, ke siya...themba ukuba uThixo uya kuninika ukhuseleko Lwakhe njengokuba niseluhambeni. Kwaye ngumthandazo wethu ukuba Uyakunikhusela ezindleleni, kwezi ndlela zinobungozi njengoko zityibilika ngexesha lasebusika. Kwaye eli lilizwe elibi ngexesha lasebusika. Lelona lizwe lihle kakhulu entwasahlobo okanye ekwindla, kodwa ebusika nasehlotyeni libi ngolona hlobo.

² Ngoku, andiqondi ukuba bayashicilela okwangoku phaya. Kwaye ndithanda nje ukwenza intetha malunga neCawe edlulileyo, kumyalezo. Isizathu sokuba ndi—ndibambe iteyiphu kwaye ndingazange ndibavumele ukuba bathengise iteyiphu, bayikhuphe, ke, kungenxa yokuba bekufuneke ndiyikhangele kwakhona yona kuqala. Ngokuba ngamaxesha amaninzi, ngalo ndlela, ndiyakuthetha izinto ebandleni apha ezo endingayi kuzibeka phambi koluntu lonke phandle ngolo hlobo, kuba ngamanye amaxesha zibangela izikhubekiso. Kwaye ngamanye amaxesha ziye nkqu zibangele imibuzo phakathi kwabantu bethu apha emnqubeni. Kwaye zi...

³ Andikuthethi oku...thethi ezo zinto ukuze ndohluka, kodwa ngamanye amaxesha phantsi kwentambiso wazi izinto ezo obungenakwazi...obungayi kuba nabunganga bokuxelela abantu. Ngoko ngamanye amaxesha phantsi kwentambiso into ethile iyakutyibilika, uyabona, kwaye awuyi kuyiqaphela. Kwaye enye yezinto ezo endikholwa ukuba yathethwa (kula Cawe idlulileyo) enokubangela umntu othile...xana ndikhankanya ukuba andizange ndikholelwe ekubizeleni esiguqweni. Yabona?

⁴ Ndifuna ukuthetha oko kwaye ndikucacise oko ukuze niqonde. Akuzange kubekho ubizo lwesiguqo olwenziwayo kuyo yonke iBhayibhile. Akukho kwanto injalo kwiSibhalo. Akukho ndawo ukuhla kuzo zonke izigaba apho sathi senziwa khona kwada kwakwisigaba samaWisile, malunga namakhulu amabini

eminyaka eyadlulayo, yabona.

⁵ Ubizelo esiguqweni kuxana abantu besiza phezulu bezama ukucenga kunye nokutsala abantu, “Yiza, John. Uyazi, bona. . . Umama wakho wasweleka, ekuthandazela. Yiza, John.” Olo ayiloloyiseko, bahlobo. Hayi. Olo—olo hlobo, ndi. . . kunqabile kakhulu ukuba uve omnye owakhe waya kude kakhulu. Kwaye, kuloo nto, ufumana yonke into. Naso isizathu sokuba ibandla lilonke libemdaka ngale ndlela liyiyo namhlanje, kungenxa yezinto ezinjalo.

⁶ Uloyiseko, awunyanzelekanga ukuba uthethe nto, mzalwana, uThixo uphaya kwaye ugqibile ukuwenza umsebenzi. “Ngethuba uPetros esawathetha la Mazwi uMoya oyiNgcwele wawela phezu kwabo abo babeliva iLizwi.” Yabona? Yabona? Yabona? Akukho kubizelwa siguqweni, yabona, akukho nto injalo.

⁷ Ngoku, isiguqo yindawo yokuthandaza apho wonke umntu oza enkonzweni ekufuneka kuqala aye kuyo, baguqe esiguqweni, bathandaze ngokuzolileyo kuThixo baze benze isicelo sabo somthandazo nange—nangenxa yabo babathandayo, kwaye bambulele uThixo ngoko banako abenzele kona, baze babuyele esihlalweni sabo.

⁸ Kwaye ngoko ibandla liyindawo apho iLizwi likaThixo. . . “Kwaye umgwebo uqala eNdlwini kaThixo,” apho kuphuma khona umgwebo weLizwi. Ngoko. . . Kodwa namhlanje, si—siyakutshintsha oko ngeenzaxonke kangangoko.

⁹ Ngoku, andinanto nxamnye nabani na owenza iziguqo, yabona. Oko. . . Kwaye ndizenzile ezininzi ngokwam, kwaye mhlawumbi ndiya kwenza ezininzi ngakumbi ukuba ndisaqhubeka. Kodwa nje ngenxa yesiqu sam. . . Yabona, u—u—uqokelela kakhulu. Kwaye akukho nto inxamnye nalonto, akukho bungozi kuyo. Iyonke ilungile lonto. Yabona?

¹⁰ Kuba, phulaphula, uYesu wathi, “Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo waM amtsale kuqala. Kwaye bonke abo uBawo aNdinike bona baya kuza kuM.” Kunjalo oko. Ke ngoko, yabona, bona ba. . . Oko kuphosela isiguqo senu ngokupheleleyo ngaphandle konke konke. Yabona? Yayibona loo nto? “Bonke uBawo. . .” Wena. . .

¹¹ Olwethu—olwethu uxanduva “kushumayela iLizwi.” IBhayibhile yathi, “Bonke abo bakholwayo babhaptizwa.” “Guqukani, kwaye nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe, uxolelo lwezono.” Intoni? “Bhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu ukuze kuxolelwe izono, yabona, kwaye ngoko niya kwamkela isipho soMoya oyiNgcwele.”

¹² Kodwa xana ucenga kwaye utsale uze woyikise abantu, kwaye uthethe abantu ngaphakathi. . . Abantu kufuneka beze besezingqondweni, bezinzile, phantsi koloyiseko, baze bamkele uKristu. Ngoko into yokuqala abayenzayo bakuba bemamkele

uKristu behleli ezihlalweni zabo, into elandelayo kukuba babhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze kuxolelwe ezo zono ukuba baye boyisekela ekubeni abalunganga. Yiloo ndlela abathi baxolelwe ngayo kwizono zabo, yabona. Kuba baguqukile; bebhaptiziwe njengesikhumbuzo kubantu, ukuba, “Ndimamkele uKristu njengoMsindisi wam”; ngoko ungumgqatswa ngenxa kaMoya oyiNgewele.

¹³ Kwaye, ngoku, abantu abaninzi bayaqhubeka, becenga kwaye bebizela esiguqweni, na njalo njalo ngolo hlobo, noko konke kulungile oko. Ndiyakuhamba kunye naloo nto, oko kulungile ngokugqibeleleyo ngokokubona kwam, nabani na lowo ofuna ukuyenza lonto. Kodwa, kum, ayingokweSibhalo, uyabona, kwaye ke ndi—ndiyathanda nje ukuhlala kunye neSibhalo.

¹⁴ Kwaye ke ngoko isizathu sokuba ndibambe laa teyiphu yayingenxa yokuba ubuya kufumana okoua besiyakuba namakhulu amahlanu eeleta ngeveki zokuba siphendule. Yonke...Nyathela nje phezu kwesithethe esincinane umntu anaso, kwaye yiloo nto kuphela ekufuneka uyenzile, ngoko yonke iyaphinda lonto kwakhona.

¹⁵ Kwaye ndicinga, amaxesha amaninzi, ukuba ndinokugxeka nje kakhulu okuncinane phezu kwezinto ezahlukeneyo ezilolo hlobo. Kwaye andizimisele ukuba ngaloo ndlela, kodwa ngamanye amaxesha ii-ofisi zikutsalela kuloo ndlela, uyabona, zi—zikwenza woyame ngaloo ndlela. Kwaye ke ndiqinisekile ukuba abantu bayakuqonda oko.

¹⁶ Ngoku, sinombulelo omkhulu ukuba sisenoBawo waseZulwini onobubele Lowo—Lowo ukhangela phezu kweempazamo zethu kwaye angazibaleli zona kuthi.

¹⁷ Bendifunda ngapha eNcwadini ya—yabaseRoma, isahluko se-4, apho uPawulos wabhala khona i—inkcazo eNgewele ngobomi buka-Abraham. Ngoku, siyazi ukuba u-Abraham ngamaxesha amaninzi wayekhe abeluhlobo lokuphazamiseka njengokuba sisenza. Kodwa xana i...inkcazo yakhe yabhalwayo, kwakungekho nakuphi na ukuphazamiseka kwakhe kukhankanyiweyo, uyabona, zange wazikhankanya konke konke. Wathi:

U-Abraham akazange athandabuze ngokungakholwa
kwidinga likaThixo; kodwa womelela...enika
indumiso kuThixo;

¹⁸ Yabona, kwaye yiloo ndlela endithemba ukuba eyam iyakubhalwa ngayo phezulu Phaya, asizizo iimpazamo zam nayo yonke into, kodwa kanye nje oko ndizama ukukwenza, injongo yentliziyo yam ukwenzela abantu bakaThixo.

¹⁹ Kwaye ngoku sizile ngale ntsasa uku—ukuzama ukuzisa umyalezo omncinane apha lowo mhlawumbi iNkosi iwubeke phezu kwethu ukuba siwunike kubantu. Kwaye ngethemba

lokuba uya kunenzela okulungileyo kwaye undenzele okulungileyo, kuba sikunye kwaye siphila kwixesha elimangalisayo, kunye nemihla yokugqibela. Ke kanye nje ngaphambi kokuba sibe nomthandazo, ndingathanda ukufunda iindawo ezimbalwa eLizwini; enye ngaphambi komthandazo, nenye emva komthandazo. Kwaye kuqala, ukuvula inkonzo yethu, okanye, le nxalenye yayo, ndinqwenela ukuyifunda ukuphuma kwiNcwadi yamaHebhere. Isahluko se-11 samaHebhere, kunye namashumi amathathu-...umqolo wama-32, ukuqala, ethetha ngokholo.

Ngoku yintoni kwakhona endinokubuya ndiyithethe? okanye ixesha lingandiphelela ukubalisa ngoGidiyon, . . . ngoBharaki, . . . uSamson, . . . uYifeta; . . . uDavide . . . uSamuweli, kunye nabaprofeti:

Abo ngokholo beyisa izikumkani, basebenza ubulungisa, bazuza idinga, bavingca imilomo yeengonyama,

Bacima ubundlobongela bomlilo, basinda kwihlangothi lwekrele, kwaye ukuphuma ebuthathakeni . . . benziwa bomelela, baba ngamagorha ekulweni, bagxotha abasemzini, imikhosi yabasemzini.

Abafazi babamkela abafileyo babo bevusiwe ukuya ebomini . . . kwaye abanye bangcungcuthekiswa, bengayamkelanga intlangulo; ukuze bazuze olona vuko lungcono:

Kwaye abanye baba nezilingo . . . izigculelo ezikhohlakeleyo . . . ukutyakatywa, ehe, ngaphezu koko imixokelelwane . . . nokuvallelwa:

Baxulutywa ngamatye, basarhwa kubini, bona bahendwa, . . . babulawa ngekrele: . . . bebhadula benzibe iimfele zeegusha neengaga zebhokhwe; beswele, . . . kwaye bethuthunjiswa;

²⁰ Khangela ezi zibiyeli:

(Abo ihlabathi lalingabafanele:) bedinga koozintlango, kunye nasezintabeni, kunye nakwimihadi nakwimiqolomba yomhlaba.

. . . bonke aba, bakuba bezuze ingxelo elungileyo ngokholo, abalamkelanga idinga:

UThixo esasibonelelela thina ngeyona nto ingcono, ukuze bona ngaphandle kwethu bangenziwa bagqibelele.

²¹ Xana ndifunda loo mabali aloo majoni akhaliphileyo, ndiyazibuzisa ukuba ubungqina bethu obuncinane buyakuma phi nabobantu ngaloo Mini.

²² Ngaphambi nje komthandazo, ingaba kukho umntu ongathanda ukukhunjulwa kuThixo? Phakamisa nje isandla sakho, kwaye nantoni na oyisweleyo wanga Angayibona kwaye ayive kwaye akunike yona ngoku njengokuba sithobisa iintloko zethu.

²³ Bawo wethu onobubele, onothando, ngokuzithoba sisondelela kwiTrone Yakho ngale ntsasa eGameni likaYesu, uNyana Wakho, ukuba sinikele umthandazo ngenxa yethu kunye nabanye. Wena kuqala, Nkosi, uyakusixolela kuzo zonke izigqitho zethu kunye nobugwenxa bethu. Kwaye ngoko siyakuthandaza ngenxa yabanye, Nkosi, ukuze nabo ngokunjalo baxolelwe.

²⁴ Kwaye iBandla Lakho liyakutsalelwa kufuphi kuWe. Kuba ngokwenene, Nkosi, ezintliziyweni zethu siyakholwa ukuba Ukulungele ukusebenza umsebenzi kunye neBandla Lakho, ukulungele ukuLithabatha liphume ehlabathini kwaye uliguqulele ebuKumkanini bukaThixo. Kodwa, Nkosi, sancede ukuba sizilungiselele loo yure. Yanga kule ntsasa ingaba lixesha, Nkosi, lokuba ukusuka komnye ukuya kuthi sonke siya “kububeka ecaleni bonke ubunzima kunye nesono eso esisirhawula ngokulula, ukuze silubaleke ngomonde ugqatso olo lubekwe phambi kwethu.”

²⁵ Kwaye ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, namhlanje, ukuba Uyakuphilisa abagulayo kunye nabaxhwalekileyo. Abaninzi bayabandezeleka ukunqumleza isizwe, nezibetho, kunye “neentsholongwane” njengoko oogqirha bezibeka. Kwaye ndiyathandaza ukuba amandla Akho okuphilisa, Nkosi, ayakuba kwabo bantu.

²⁶ Ngoko ukuhla nokuza kwintlangano yethu encinane apha ngale ntsasa. Abaninzi baye baqhuba amakhulu eemayile, baqalise kubusuku obugqithileyo kunye ngobusuku baze bavuka kusasa, namhlanje, kwaye beqhuba kalukhuni besenza indlela yabo ukuya emnqubeni. Kwaye kunekhephu endleni. Thixo, siyathandaza ukuba Uyakubasikelela ngokukodwa. Ngokungathandabuzekiyo abaninzi kwafuneka ukuba banikele ngenxalenye enkulu yokutya kwabo kweveki ezayo, okanye nantoni na enokuyenza, okanye izinto ababenokuba nako ukuchitha imali yabo ngazo, kwipetroli nezinto, ukuba beze.

²⁷ Thixo, lowo uzayo kuWe engenanto uya kumka ezele. Ukuthembisile oko. Kwaye ndiyathandaza ukuba Uyakuzalisa iintliziyo zabo kunye neengobozi zabo (zemiphefumlo yabo) bezele kakhulu zizinto ezilungileyo zikaThixo ukuze bahambe nje bephuphuma zizo ngokungaphezulu “uvuyo olungathethekiyo noluzele Uzuko.” Zanga nje iindebe zaba bantu baxabisekileyo zingaphuphuma, ngezinto zokomoya kunye nezilungileyo ezivela kuThixo.

²⁸ Sikelela sonke isandla, Uyayazi intswelo eyayisemva kwesa sandla, Nkosi. Ndiyacela ukuba Uyakubasikelela ngokukodwa. SiKubonile kule veki edlulileyo ngokungummangaliso okukhulu Ophendule ngayo umthandazo ngemizuzwana nje embalwa, amaxesha kaxakeka kunye nokugula neenkathazo. Wena unguThixo, okho kwindawo yonke, oma ngakubakhonzi Bakhe. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakuma ngakwaba ngale ntsasa. Banike umnqweno wabo, Nkosi, wentliziyo yabo. Andikholwa ukuba yayingenxa yayo nayiphi na into yokuzingca, nayiphi na—nayiphi na injongo embi emva kwayo. Ndiyathandaza ukuba Uyakubasikelela.

²⁹ Kwaye ngoku, Bawo, ndikhumbule, thina, namhlanje, kwaye yanga ndingakwazi ukuzikhupha endleleni ngolona hlobo... Sonke, ukusukela kumalusi ukuhla ukuya ku—kubantwana, sanga singakwazi ukuzibeka ecaleni esibingelelweni sikaThixo kwaye sivule iintliziyo zethu kwaye siphulaphule kuMoya oyiNgcwele njengokuba Eya kuthetha kuthi. Guqula izitya zethu zentsikelele Yakho... ukwamkela iintsikelelo Zakho, ngecala elilungileyo phezulu. Ngoko galela ukuhla amandla e-Oli yentambiso kuzo. Kwaye usinike amandla, Nkosi, esiwadingayo ngenxa yeentsuku ezo zizayo ngaphambili. Siphe le ntsikelelo. Siyakucela eGameni likaYesu. Amen.

³⁰ (Hmm, andazi. Fumana nje inombolo yakhe yomnxeba kwaye umxelele ukuba ndiyakubuya ndimtsalele umnxeba emva kwenkonzo. Andazi.)

³¹ Ndithandazeleni. Ndi...UMZalwana uJack Moore emnxebeni, kwaye usandicenga ukuba ndibephaya kule veki. Yabona? Andiyiva nje i...kanye kuyo, uyabona, kwaye ke andazi ukuba mandenze ntoni na. Ndiyamthanda uMzalwana uJack. Kwaye laa ngqungquthela inkulu izayo ezantsi phaya waze wajika amadoda, anjengoBooth-Clibborn kunye nabo, besiza. Ke usabambelele, wabeka isibhengezo sakhe phandle nako konke ngoloo hlobo, endibambekele ukuba ndize. Ke ndi—ndithanda ukuziva ndicinezelekile ngokwenene ukuba ndiye, uyabona. Kwaye ndi... .

³² Kwaye, ngoku, njengokuba sityhila ngoku kwakhona AmaKorinte Esibini, kwaye siyakuqala ngomqolo we-12 wamaKorinte weSibini, kwaye sifunde umqolo omnye weSibhalo ukwezenela isiqendwana, ukuba uThixo ke uthandle. AmaKorinte Okuqala, i...Okanye AmaKorinte Esibini, gxebe, isahluko se-12 kunye nomqolo we-9. Ndifuna ukufunda ibinzana lokuqala...Okanye ibinzana lesibini lomqolo we-9, inxalenye yalo:

Yaze yona yathi kum, ubabalo lwaM lukwanele: kuba amandla am enziwe agqibelela ebuthathakeni... .

³³ Makhe ndiYifunde kwakhona ngoku ukuze niqiniseke ukuba nisifumene isiqendwana:

Yaze yathi yona kum, (lo nguThixo ethetha kuPawulos), Ubabalo lwaM lukwanele: kuba amandla am enziwe agqibelela ebuthathakeni . . .

³⁴ Ngoko ukuba ndingayibiza ngokuba sisiqendwana, ndingathanda ukusebenzisa oku, amandla . . . *Amandla Agqibeleleyo NgobuThathaka Obuggqibeleleyo*. Ukuba sinobuthathaka sinamandla. Sisiqendwana esigaqhelekanga kwi . . . kwintlango yamaPentekoste, ukwenza . . . ukuthabatha itekisi *yobuthathaka*, ngokuba sihlala singqina “somelele kakhulu.”

³⁵ Kwaye besele nditshilo ngaphambili, ukuba, ndizama kuphela ukuthandaza iveki yonke ukuze ndifumanise ukuba yintoni na eyakulunga kum ukuba ndiyizise phambi kwebandla. Ukuba ibikukuza nje apha ukuba ndiviwe, bekuya kuba ngcono kakhulu ndiphulaphule nabani na ngale ntsasa emi apha.

³⁶ Ngeliphandle, kude kube kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, bendisezantsi eKentucky nabantu bakuloMzalwana uGabehart phaya. Xana ndathi ndayishiya indawo yabo, lo mzalwana uthandekayo nenkosikazi nosapho kunye nabo, de ndabetha le ngcinga.

³⁷ Bendikhe ndaya ekhayeni nje kancinane ngaphambi koko. Ndaye ndimi ngaphandle, laze inenekazi lathi, “Ndingathanda ukuthetha nalaa mlungiseleli.” Kwaye ndaya kwikhaya labo elincinane. Kwaye kwakukho . . . Yena wathi, “UnguMzalwana uBranham?”

Ndaze ndathi, “Ewe mama.”

³⁸ Wathi, “Ndineentloni kakhulu ngenkangeleko yendlu yam,” kwaye wathi, “ukukucela ungene ngaphakathi.” Waqalisa ukulila. Wathi, “Kodwa ndi—ndinesidingo ngolona hlobo kwaye ndinentembelo yokwenene kuwe.”

³⁹ Kwaye ndaye ndafumanisa ukuba kwakulapho uDade wethu omncinane uCox lowo esasihlala kunye nabanye ezantsi—ezantsi phaya, u—umakhulu omncinane kunye neteyiphu rekhoda esiya ebumelwaneni edlala iteyiphu. Yiyo leyo! Leyo yimbono! Yabona?

⁴⁰ Ndakhangela ngeenxazonke kweli khaya, ikhaya elincinane elithobekileyo, malunga nokufana nelo ndakhulela kulo, kodwa udonga lwaluzele yimifanekiso kaKristu. Nakuya kulele iBhayibhile phezu kwetafile. Ndathi, “Andizange nanini ndiwongwe ebomini bam, olu luhlobo lwekhaya endithanda ukungena kulo.” Wacela isicelo ngenxa yomntu othile. Kwaye kwiiyure ezintlanu ukususela kwixesha elo sathandaza kunye, lo makhulu omncinane kwaye ndathandaza naye, uThixo wayesele ephendulile.

⁴¹ Ke sathandaza kwakhona, kwaye uMama uCox kunye nam kunye nabo singqonge itafile ngaloo ntsasa, saqubuda kwaye

sacela uThixo ukuba asinike ithuba lokuba senze into ethile ngeemizamo leyo ayenzileyo. Kwaye, ngokucela oko, uThixo wavula indlela. Uyabona? UnguThixo!

⁴² Sizama ukwenza ubuthathaka bethu izizathu. Sifuna ukuxela indlela esibakhulu ngayo, sibakhulu kangakanani na. Ndinga ukuba yenye yezinto endi...uThixo undinike isiqendwana ngenxa yazo, ibikukukhupha loo nto engqondweni yethu. Yabona?

⁴³ Kukho izinto ezincinane esizenzayo. Kwaye yiloo nto esiza enkonzweni ngenxa yayo, kukufumanisa apho iziphoso zethu zikhoyo, kunye nezinto ezo esinokuzenza sibengcono ngazo. Ukuba siza enkonzweni ngenxa yayo nayiphi—yayo nayiphi enye injongo ngaphandle kwale, Ndiyoyika asizukufumana kakhulu ekuphumeni kokuza enkonzweni. Kumelwe ukuba size ukufumana ubuthathaka bethu, sifumane iindawo zethu ezimbi kunye nezethu...njani...sibone ukuba sibancinane kangakanani na, kwaye sibeke ithemba lethu kuMntu othile lowo womeleleyo. Kodwa xana sinobuthathaka...

⁴⁴ Kukho abaninzi kakhulu bethu abathanda ukungqina okanye abathanda ukucinga ukuba asanelanga kwaye, ke ngoko, sikwenza oko kube sisizathu, “Andinamfundo, andinasakhono, andinako nje ukukwenza *oku*.” Kwaye ukuba uyayigcina loo nto kwaye wenze loo nto ngaloo ndlela, uqhubeka uhamba ngolo hlobo, ngoko awunakuze ufikelele nakwintoni na. Kodwa kwaloo nto esiyenza izizathu, ngobuthathaka bethu, uThixo usebenzisa kwaloo nto ukujongana nomsebenzi ngayo. Yabona? Ulinda ukuba sifike kuloo meko ukuze Abe nokusisebenzisa. Thina—thina sithabatha izizathu kwaye sithi, “Ke, ndi—ndi—ndi—ndingu...andinako ukwenza oku, andonelanga. A—andinako ukuyenza lonto.” Kwaye uThixo uthabatha kwaloo nto ukwenza umsebenzi ngayo. Yinyani leyo.

⁴⁵ Eso sisizathu sokuba kutheni Yena—Yena esikhethile, kungokuba sikuloo meko. Ngoku, oko kuvakala kungaqhelekanga, kodwa nje imizuzu ibemalwa sizakufikelela kwisizathu sako oko, ukuba uThixo uthandile.

⁴⁶ Si—sifumanisa ukuba, njengokuba besifunda, ukuba ubuthathaka kunye nokwaliwa...kwaye sifumanisa ukuba abo bantu bangabona babuthathaka nabacekisiweyo lihlabathi langaphandle, ngamagorha kaThixo, lawo oyisa kumgca ongaphambili, kuthabatha abo ba—ba...baziva bengafanelekile.

⁴⁷ Kwakukho umzalwana ongumWisile, abathathu kubo abo beza kule nkonzo bevela phezulu e-Ohio, okanye emantla e-Indiana. Bathi kum kungekudala, bathi, “Mzalwana uBranham,” bathi, “sisandula nje ukwamkela uMoya oyiNgewele, ingaba ngoku singafuna izipho ngenxa yolungiselelo lwethu?”

Ndathi, “Musani ukukwenza oko! Kuyekeni kanjalo.”

⁴⁸ Kwaye wajika waze wajonga kum, wathi, “Ndifunda nje incwadi yomzalwana othile lowo osixeleleyo emva kokuba samkele uMoya oyiNgcwele si ‘fanele sifune izipho,’ ukuze ngezi sisebenzise lo Moya oyiNgcwele.”

Ndathi, “Kwaye nibe nekratshi!” Yabona?

⁴⁹ Ukuba uyaqaphela eBhayibhileni, kusoloko kungabo bazama ukumka kuyo, abo uThixo abasebenzisayo. Okoko nje indoda... ifuna ukwenza into kwaye icinga ukuba inesakhono esaneleyo inokubeka umsebenzi phezu kwawo, UThixo akanakuze ayisebenzise loo ndoda. Khangela uMoses, ebaleka; khangela uPawulos, ebaleka; kwaye nabanye bonke, bezama ukubaleka ukusuka kuyo.

⁵⁰ Ndathi, “Musani ukufuna kwanto. UThixo unayo nantoni na ukwenzela wena, Uyakuyinikeza kuni yona.” Yabona? “Kwaye nje uMumeleni—Mumeleni akhathalele oko.” Ndathi, “Ngoko ufumana amanye alamaxesha njengokuba sinawo, sinawo namhlanje, wokuba wonke umntu ufuna ukwenza *oku* kwaye enze *okuya* kwaye abe ngumntu othile omkhulu. Khangela ukuba singene kwintoni na nako, uyabona.”

⁵¹ Endaweni yokuzama ukuba bakhulu sifanele ukuba siyazama—siyazama ukufumanisa ukuba singanako njani ukuba bancinane. Yabona? Ngoko uThixo anganokusisebenzisa. NdineZibhalo ezininzi ezibhaliweyo apha ezo ndimelwe kukuba ndibhekise kuzo, ndicinga njalo, kodwa ndi... thina... Mhlawumbi andiyi kuba nalo ixesha lokukwenza oko. Kodwa thina si... .

⁵² Qaphela ukuba kuthabatha a—ababuthathaka ngolona hlobo kunye nabacekisiweyo, kwaye eneneni lonke igorha uThixo akhe waba nalo emgceni wangaphambili wayelolo hlobo lomntu. Umntu lowo wayecekisiwe, umntu lowo wayecinga ukuba ubengonelanga, umntu lowo ubengenaso isakhono konke konke, ngoko loo mntu nje ukwimo entle ukuze uThixo aqalise ukumsebenzisa. Kunjalo oko. Kuxana beziva ngoloo hlobo lokuba abanako, abana kwanto, kuxana uThixo anokubabamba aze enze into ethile ngabo. Yabona? Xana... Kodwa xana sicinga ukuba sinako ukukwenza oko, ngoko uThixo akanako ukusisebenzisa ngokuba sifuna ukuyenza ngokwethu.

⁵³ Kwaye, ngoko, elinye icala, sifumana ezi mvakalelo kwaye sicinga ngoko ukuba asanelanga, kwaye asifuni kuyenza; kodwa ngoko ukuba nje siphulaphula kubizo lukaThixo, yiloo nto kanye uThixo afuna ukuba singene kuyo, olo hlobo lokumila, ukuze Abe nako.

⁵⁴ Xana thina singonelanga, ngokwethu, ngoko siphantsi kokuzinikezela kuMoya kaThixo. Okoko nje sicinga ukuba singanokuyenza lonto, ngoko asinako ukuyenza. Kodwa xana sifika kwindawo apho saziyo ukuba asinako ukuyenza, ngoko

sizinikezela kuThixo kwaye Uyakwenza oko. Ke ngoko ukuba sithi esizama ukukwenza oko siyakusilela, kodwa ukuba nje siyakuzinikezela kuThixo ngoko uThixo akanakusilela. Inye kuphela into uThixo angenakuyenza, kwaye, oko kukusilela. Angenza nayiphi na enye into ngaphandle kokusilela. Kodwa Akanakusilela.

⁵⁵ Ke okoko nje sizama kuthi ngokwethu kwaye sixhomekeke kwezizezethu izakhono, na njalo njalo, ke, akukho nto siyakuyenza. Kodwa xana sifika kwindawo apho saziyo ukuba asinto, ngoko uThixo anganokusisebenzisa.

⁵⁶ Into ebalulekileyo, enye yezinto ezibalulekileyo leyo ekumelwe siyilawule...Ngoku khumbulani oku, kwaye ngokukodwa nina bashamayeli abaselula, kwaye namalungu nje ngokufanayo. Kukho into enye leyo ekufuneka siyilawule ukuba silindele ukuzalisekisa umnqweno kaThixo ebomini bethu, leyo yi, kufuneka silawule ingcamango *yesakhono somntu*. Ukuba sakhe safika kwindawo apho sicinga ukuba singakwenza oko ngokobethu ubukrelekrele kunye nezizezethu izakhono, kufuneka siyilawule loo nto ngeyonandlela yokuba sibenako ukuyigxotha loo nto kwaye siyibekele ecaleni ukuze uThixo abenako ukusisebenzisa. Kunjalo oko.

⁵⁷ Kwaye senzeni ukuzinikela okugqibeleleyo! Asinako ukusebenzisa isakhono esinye. Kufuneka senzeni ukuzinikela okugqibeleleyo! Kwaye, ukuza kuThixo, kufuneka unikezele kuYe kokubini umphefumlo, umzimba, kunye nomoya. Yonke into oyiyo kufuneka inikezelwe kuThixo, ukuze Abe nokwenza intando Yakhe kuwe kunye nakum.

⁵⁸ Ngoku, oko kulukhuni, ndiyazi, kuba sisoloko sifuna ukufaka inxalenye yethu kuyo, into ethile leyo *siyaziyo*, siyazi ukuba sifuna ukuyenza lonto. Sithi, “Ke, ndi—ndiyazi nje ukuba oku kufanele kwenziwe ngale ndlela.” Kodwa okoko nje ukwenza ngaloo ndlela kuya kuba akulunganga, kwaye uThixo akanakuze awusebenzise loo mzamo. Mhlawumbi, ngoncedo lweNkosi, sizakungena kuloo nto kwimizuzu nje embalwa, kwaye ndikubonise nje indlela uThixo angenako ukusebenzisa ngayo isakhono sakho.

⁵⁹ Kwaye oko yiloo ngxaki ikhoyo ngehlabathi namhlanje: kukho namava amaninzi kakhulu wesikolo secawa, okuninzi kakhulu okubekwe phezu kwemfundo, okuninzi kakhulu okubekwe phezu kobudlelwane okanye ubudlelwane kwihlelo, siphumle omnye komnye, siphumla phezu kwamadoda anesakhono.

⁶⁰ IBhayibhile yathi, “Ungaba nokholo njani xana wena—xana ungu...” Makhe sibone, sinjani eso Sibhalo? “Ninokuba nokholo njani xana nikhethana omnye komnye?”

⁶¹ Xana silindele, sisithi, “Lo mfo, ungumntu omkhulu. Lo ungumntu omkhulu, ndiza kweyama phezu kwakhe,” oko

akumkholisi uThixo xana usenza oko. Kumelwe seyame phezu koThixo kwaye uThixo yedwa! Akufunekanga sithembele kwisakhono sethu okanye amandla ethu okanye nawuphi na umntu. Simele sizinikezele ngokugqibeleleyo kuThixo.

⁶² Hayi isakhono, andikhathali nokuba sesikabani na, asinakuze sisebenziseke emehlweni kaThixo. UThixo kufuneka akhuphe zonke izakhono zethu ngaphambi kokuba Abenako ukuzuza injongo Yakhe. Ukuba Unento yokuba siyenze, kwaye okoko nje siziva ukuba senza umsebenzi olungileyo ukuphuma kuyo, ngoko asiyi kuba nako ukuba sisetyenziswe nguThixo.

⁶³ Ngoku, uthi, “Wenza ingxelo ebanzi eyoyikekayo phaya, Mzalwana uBranham.” Kwaye leyo—leyo yeyona ibanzi, kodwa khangela nje kwaye ufumanise ukuba ilungile na okanye hayi.

⁶⁴ Khangela namhlanje kuyo yonke impumelelo yethu enkulu esicinga ukuba siyenzile, kwaye buphi ubuKristu e-United States? Khangela kuwo onke amabandla ethu kunye namahlelo, nabavangeli bethu namaphulo empiliso, nayo yonke enye into esibenayo, kwaye iyintoni na? Imbi kakhulu kunokuba yakhe yanjalo ekuqalekeni! Kubi kakhulu namhlanje kunokuba kwakhe kwanjalo, ngokuba sizamile ukuba sikwenze oko ngesakhono somntu.

⁶⁵ Bahlanganisana kunye kwaye benze imithandazo emide baze baphumele ngaphandle apha. Kwaye babene nenye imini apho babe nabaninzi kakhulu, ikhulu elinamashumi amahlanu lamawaka, okanye into elolo hlobo, behlanganisene ndawonye, kokubini amaProtestanti kunye namaKatolika; batsho imithandazo ethile, kwaye bathandaza imithandazo ethile, baze benza imithandazo ethile, na njalo njalo. Oko kuyafana nje nokuba abakhange bahlanganisane, ayinaxabiso emehlweni kaThixo.

⁶⁶ Ngoku, ukuba ndiyagxeka, ndixoleleni. Yabona? Kodwa ndi—ndiye. . . Kufuneka ukuba uyibethelele into ihle. Yabona? Kufuneka uyenze yona ukuba ibethe isikhonkwane.

⁶⁷ Kwaye yintoni elungileyo eyenzayo? Ayikho. Kwaye ayisayi kubanjalo lonto de wonke umntu lowo ozixela ukuba ungumKristu eya kusilibala esisesakhe isakhono aze azinikezele kuThixo.

⁶⁸ Ngoko uThixo anganokuzuza injongo Yakhe ngokuthumela. . . hayi imvuselelo, kodwa, mzalwana, into Aswele ukuyenza kuqala kukuthumela ukubulawa, kunjalo oko, ukuze sibe *nokuvuka*. Kufuneka ufe phambi kokuba ube nokuzalwa ngokutsha, kwaye kufuneka u. . . Uswele ukubulawa kwethu. Lo mnquba udinga ukubulawa, nam ndikunye nawo. Thina sonke, siswele u—ukubulawa ukuze sibenokuvuselwa kubomi obutsha, ukubamba okutsha, ithemba elitsha, amava amatsha! Sidinga kuqala imini yesijwili.

⁶⁹ Sidinga indawo yokuzinikezela kuMoya endaweni yokuxhomekeka kakhulu kangaka phezu kwemfundo naphezu kweenkqubo zethu, kwaye thina . . . amaphulo ethu kwaye nako konke oko sinako. Si—si—sithembele phezu kwentsebenziswano kunye nabaninzi kakhulu abohlukeneyo abalungiseleli ukusebenzisana. Sivumela abaninzi kakhulu. . . “Ukuba asinokwazi ukubafumana bebaninzi kangako, ngokuba, asiyi kukwenza oko. Asisayi kuya ezixekweni ngaphandle kwaloo nto.” Kwaye ngoko, xana sisenza oko, sikwenzela komkhulu omkhulu umatshini lowo unomsi onkqonkqozelwe ngaphakathi kuwo, yabona.

⁷⁰ Ke si—simelwe kukusuka simke kuloo nto, eso sakhono somntu. Kufuneka sifike kwindawo apho sinokunikezela khona imiphefumlo yethu kunye nobomi bethu, nkqu nakunkosikazi ongumgcini khaya, nakumfama, nakumkhandi wobuxhakaxhaka, nokuba singoobani na, kufuneka sizinikezele ngokugqibeleleyo kuThixo kwaye sikwazi oko “asinto.” Ngoko vumela uThixo aqalise ukusuka phaya. Ngoko Uqalisa ukuhamba, esebenza. Kwaye oko kubandakanya thina sonke, wonke ubani. Leyo yi—yinto leyo ekufuneka siyenzile.

⁷¹ Imbali iyangqina, iyenza ngoku, iyangqina (imbali iyenza) ukuba uThixo wasoloko ekhetha abantu abangento ukuba babe ngabantu abathile Bakhe. UThixo uthabatha umntu lowo ongento.

⁷² Namhlanje, ngaphandle kokuba ubenemvelaphi elungileyo yezakwalizwi, kungcono nkqu ukuba ungazami nokusondela esixekweni, kungcono ungazami nkqu nokusondela kumhlangano. Kodwa ukuba unemvelaphi enkulu, kunye nokuqeqeshwa okukhulu kunye nezinto ezisemva kwakho, unganako ukuya kuso nasiphi na isixeko kwaye ufumane intsebenziswano, ube nomhlangano omkhulu. Ke, asingomhlangano. . . Ngumhlangano, njengayo nayiphi eminye, kodwa kokuphi okulungile ekwenzayo? Yabona, u—usa. . . Ufumana la mantombazana amancinane kunye namakhwenkwe enyuka, ehlafuna itshungama kwaye enyuka esiya esiguqweni, kunye nabafazi namadoda benyuka baye phaya nje ukuze bathi “benyuke baya esiguqweni,” bangene kwigumbi ukuya kwimiyalelo kwaye babuye baphume kwaye bafefwe okanye bantywiliselwe, okanye nokuba bazintoni na, kwaye u—kwaye unyaka ukusuka phaya. . .

⁷³ Omnye wabona bavangeli bethu abakhulu kakhulu wathi, ukuba ebenokwazi ukuba ebenokugcina ishumi ekhulwini labaguqukileyo bakhe unyaka omnye, ubeya konwaba. Xana, ngoko, xana wayenewaka labaguqukileyo, kunyaka olandelayo kufanele ukuba kube—kubelishumi lamawaka wabo. Yabona, siyaliphosa inqaku, siyayiphosa injongo.

⁷⁴ Abanye bethu bokhela phezu konqulunqo lwengqondo,

“Owu,” ukuba, “oku kwazi konke, le ndoda sisifundiswa esiqeqeshiweyo. Kufuneka siqeqeshe abantu bethu kwaye sibafundise.”

⁷⁵ Okulandelayo kusekelwe phezu kwemvakalelo ethile ye—yentshukumo, ukuxhawula, ukulila, ukukhwaza, ukuxhentsa kuMoya, okanye into ethile, umsebenzi othile wangaphandle weemvakalelo. Kwaye oko kubi nje njengemfundo! Ukuba umtyholi akanako ukukufumana *kweli* cala, uyakutyhala usuke *kwelaa* cala.

⁷⁶ Kodwa into yayo kukuba, kukungabi nanto onokuxhomekeka kuyo kuwe ngokwakho okanye nantoni na leyo onokuyenza, nje okupheleleyo, ukuzinikela okupheleleyo kobuthathaka bakho kuThixo, kwaye uthi, “Ndilapha.” Ungabi nanto, hayi isakhono eso onokuthembela kuso!

⁷⁷ Phengulula emva kuso iSibhalo kwaye ufumanise, njengokuba ndineZibhalo ezibhalwe apha endibhekisa kuzo. Ezinye emva kuzo iZibhalo, sifumanisa, ukuba uThixo wayesoloko esebenzisa abantu abangento ukuba babe ngabantu abathile Bakhe. Wahhala ethabatha abo ihlabathi lalibacekisele, isigaba sangoku sabacekisa, kwaye lolo hlobo olo Alucholayo ukuze alusebenzise.

⁷⁸ Qwalaselani a—abapostile. Cinga malunga noPetros, indoda engumlobi weentlanzi, engenamfundo yoneleyo ukubhala igama elilelakhe. UYohane, ongenalwazi kwaye ongafundanga. Loo madoda! Wabagqitha ababekekileyo nabafundileyo ababingeleli nabadumileyo baloo mihla, izifundiswa, amalungu ebandla, kwaye wafumana ab- . . . bona bantu ababcinga ukuba babengumntu othile, kwaye wachola abo babengebantu waze wabasebenzisa.

⁷⁹ Ngoku, umntu othile usenokuba ngomnye wabantu Bakhe, UThixo unokubasebenzisa ukuba bakulungele ukulibala ukuba bangumntu othile. Ukuba ukulungele ukulibala ukuba *ungumntu othile* kwaye *ubengumntu ongento*, ngoko uThixo angakusebenzisa kwaye enze umntu othile ngawe. Yabona? Kodwa kufuneka ulibale ukuba ubaluleke ngakumbi.

⁸⁰ Kukho abaninzi bethu, abaninzi bethu senza oko e—ebomini bethu. Ngokukhawuleza nje. . . Abanye abantu, ngokukhawuleza nje bakuba ngamaKristu, babanekratshi, bangakhathali, kunjalo oko, xana nje bethabatha ngokubhidana indlela. Babuyela ngasemva endaweni yokuya phambili. Xana. . . Nangakumbi xana unokuphuma kuwe, uba nalo igumbi lokuba uMoya oyiNgcwele angene.

⁸¹ Njengokuba u-Elisha wamxelelayo uYehoshafati kunye nabo, wathi, “Yombani le ndawo izale imisele. Ekombeni nzulu kwenu, kokukhona niya kuba nendawo ngakumbi yamanzi.” Kwaye xana ngakumbi okusithi, kwe—kwenkunkuma yethu yezakhono zethu leyo esinokuyilahla iphume kuthi, kokukhona

kuya kubakho igumbi lokuzaliswa ngoMoya kaThixo; okoko nje sinokukwenza oko.

⁸² UPawulos, lowo nje besifunda malunga naye apha kwa—kwabaseKorinte, kumaKoritye Esibini, sifumanisa ukuba le ndoda yayiyindoda enkulu. Wayesisifundiswa, indoda ebalulekileyo. Kodwa kwafuneka ukuba alibale konke awakha wakwazi, ukuze amazi uKristu.

⁸³ Ndiya kuvumela...funda esinye sezi Zibhalo apha, ukuze u—ufuna ukuyifunda kunye nam. Makhe sityhile kumaKorinte Okuqala, isahluko se-2 kunye nomqolo woku-1, umzuzu nje. Kwaye makhe sifunde apha umzuzu nje lonto uPawulos wayithethayo, le ndoda inkulu yesifundiswa, lonto awayithethayo malunga naye, lonto awayefanele ukuyenza. AmaKorinte Okuqala, i—isahluko se-2 amaKorinte Okuqala, kwaye siqale ngomqolo woku-1. Phulaphula kwesi sifundiswa.

⁸⁴ Le ndoda yayiqeqeshiwe. Wayenokuthetha phantse naluphi na ulwimi olo olwalukho ehlabathini. Kwafuneka aqhayise malunga nayo. Wayekhuliswe phantsi kwehlelo elingqongqo labaFarisi, kwaye uyise wayengumFarisi. Kamva waba “ngumFarisi wakubaFarisi,” kwaye oko kuthetha ukuba waye—waye ngokupheleleyo o—oyena ungqongqo kubaFarisi. Wayengumfo omkhulu. Kwaye wayenegunya, kwaye wayesisilumko.

⁸⁵ Uyise wayemnike imfundo phantsi koyena mfundisi ntsapho ubalaseleyo lowo wayekho kulo lonke ilizwe, UGamaliyeli, ngelo xesha wayengoyena uqaphelekayo umfundisi ntsapho obalaseleyo kuso nasiphi na isikolo. UPawulos waba lolo hlobo lwendoda. Wafunda lonke ulwimi. Wafunda neppsychology. Wafunda zonke izinto ezahlukeneyo ezo zazikhoyo uku—uku... ukufundwa ngaloo ndlela. Kwaye wayama kalukhuni ku—kumnquba waba—wababingeleli kunye ne—nendoda enkulu. Kwaye wayejikeleza esenza uqhushululu eBandleni.

⁸⁶ Phulaphulani kule ndoda inye, nayo yonke le mfundo, emva kokuba yamkele uKristu. Phulaphulani into eyayithethayo. Indlela awayomelele kwaye emkhulu ngayo, kwafuneka akulibale oko. Kwakufuneka ukuba aqaphele ukuba wayengenakho ukuxhomekeka phezu kwakhe. Kwafuneka aqaphele ukuba imfundo yakhe yayingeyonto. Kwafuneka aqaphele, ukuba lonke uqeqesho awakhe wanalo, kuya kufuneka ayilibale yonke into awakhe waqeqeshwa ngenxa yayo. Phulaphulani kuye ngoku.

...Mna, bazalwana, xana ndisiza kuni, ...hayi ngokugqwesa kwentetho...yobulumko, yabona, ndivakalisa kuni ubungqina bukaThixo.

“Andizange ndize kuni ukunixeleva, ‘Ngoku, ndinguGqirha uSawule ovela kwiSikolo sikaNje-na-nje, ndingu... ukuphuma kwihlelo elikhulu leli hlelo.’ Andizange ndize kuni ngolo hlobo.”

Kuba ndigqibe kwelokuba ndingazi nto phakathi kwenu, ingenguYesu Kristu, naye ke ebethelelwe emnqamlezweni.

87 Phaya, phulaphulani ebungqineni bendoda elolo hlobo.

“Andizimisele ukwazi kwanto malunga nezakhono zenu. Ndiyazi ukuba akukho nto kuni kwaye ndizimisele kuphela ukwazi into enye leyo endiyibonayo kuni, lowo nguYesu Kristu naYe ebethelelwe emnqamlezweni. Umsindisi obethelelweyo emnqamlezweni phakathi kwenu, yiloo nto kwaphela endiya kuyiqaphela.”

88 Phulaphulani kuye.

Kwaye ndandikunye nani phakathi..(ubukhulu? Kwintoni?)...ubuthathaka, kunye noloyiko, kunye... nokugubha okukhulu.

89 Khawucinge nje indoda, umFarisi wakubaFarisi, umfundisi wabefundisi, indoda leyo eyayiqeqeshwe kususela ebuncinaneni bayo (ngenxa yolungiselelo) ukuba ibe liciko lendoda leyo yayilumkile kwaye ikrelekrele, ukuza phambi kodidi lwabantu abanjengabaseKorinte kwaye ithi, “Ndandikunye nani ebuthathakeni, nakuloyiko, nokugubha okukhulu”? Indoda eyajika ihlabathi yalenza uqulukubhode, eyona mishinari leyo yakha yaziwa, yavuma ukuba ye “yeza ibuthathaka,” hayi njengesifundiswa esiqeqeshiweyo, kodwa “ebuthathakeni, kuloyiko,” hleze aphume eNdleleni ndaweni ithile. “Ngokugubha okukhulu,” ngokuba wayengenako ukuthembela kwesisesakhe isakhono.

90 Isizathu sokuba abe “noloyiko,” hayi ngokuba wayesoyika nantoni na, kodwa wayenoloyiko lokuba angangamkholisi uThixo ngandlela ithile, ukuba uyakufumana esisesakhe isakhono sixubene naso kuYo; into ethile leyo awayeyifundile, leyo awayenayo...Wayebaxelela ukuba, “Andizanga kuni ngezi ntetho zokugqwesa (ndize kuni ngoloyiko lokuba ndiyakuza ngaloo ndlela), kodwa ndize kuni ndingazi nto ingenguye uKristu, kwaye naYe ebethelelwe emnqamlezweni.”

Kwaye ndize kuni ngoloyiko, nobuthathaka, kunye nokugubha okukhulu.

Kwaye intetho yam kunye nentshumayelo yam yayingengamazwi alukuhlalayo obulumko babantu, kodwa ekubonakalalisweni koMoya kunye... namandla:

91 Phulaphulani le ndoda yayingumlwi yaze yazihluba ngokwayo. Amen! Ukuba kukho nantoni na leyo izikolo zethu eziyisweleyo namhlanje, ukuba yiyo nayiphi na into amabandla ethu ayisweleyo namhlanje, kukuzihluba ngokwenu, kwezizezenu iingcinga kunye nezizezenu izakhono. Zihlubeni

ngokwenu phambi koThixo ngaphandle kokuba niyakuzama ukwenza into ethile ngaphakathi kwenu.

⁹² Ndiyathemba nina...oko kuya nzulu nzulu kuthi, kokubini apha nakwihlabathi leteyiphu, ngokunjalo, okokuba niaqaphela ukuba kufuneka ungabinto. Hayi umazi-ntozonke, hayi umntu othile omkhulu, kodwa *umntu ongento*. Wena ube...kufuneka ube luthuli. Kufuneka ufike kwindawo leyo ozaziyo ukuba awuyonto. Kwaye ungaze uphakame ngaphezu kwayo, kuba nje wakuba uphakame ngaphezu kwayo uphakame ngaphezu koThixo. Ufanele uzigcine eluthulini kunye nakwindlela eya eDamasko. Kufuneka nizigcine nehlike kumahashe enu aphakamileyo. Kwaye oko kungenxa yeendawo zonke, apha nakwihlabathi leteyiphu.

⁹³ “Intetho yam,” wathi, “ayi...ngamazwi alukuhlayo omntu nobulumko bomntu, kodwa ngembonakalo yoMoya wamandla.”

⁹⁴ Ngoku khangela! “Ngenxa yantoni, Pawulos? Kutheni ukwenza oku?”

Amandla! Ukuze ukhohlo lwenu lungemi ebulumkweni babantu, kodwa kumandla kaThixo.

⁹⁵ Owu, onjani yena umshumayeli! Le ndoda enkulu eya... Eyayifuna uThixo, kwaye yathi, “Thixo, ndibuthathaka kwaye a—andiyazi into emandiyenze. NdiyaKuthandaza nje, Thixo, ukuba undomeleze kwaye thabatha ubulwelwe bam ubususe kum, kunye nezi zinto, ukuze ndibe nokomelela.”

⁹⁶ UThixo wabuya wathetha kuye, wathi, “Pawulos, amandla aM enziwa agqibelele ebuthathakeni bakho.”

⁹⁷ Ngoko uPawulos wathi, “Xana ndibuthathaka ngoko ndomelele. Ewe!” Wathi, “Ngoko kuya...ndiya kuqhayisa ngobulwelwe bam bobuthathaka bam na njalo njalo. Ndiyambulela uThixo ngokuba ndikukhuphe konke ukuphuma kum. Kwaye xana ndikhupha yonke into kum, ngoko uThixo anganokungena. Kodwa okoko nje ndisenokuthile kwam phaya, ngoko uThixo akanakungena.”

⁹⁸ Phaya, yiyo leyo, si—siMkhuphela ngaphandle. SiMgxothelela kude ngeyethu...Ukususela kwabahlwempuzekileyo bethu ukuya kwabona batyebileyo bethu, ukusuka komncinane ukuya koyena umkhulu, siyamkhupha uThixo ebomini bethu ngenxa yeziq zethu.

⁹⁹ Ndihlala ndisithi, “Olona tshaba ndinalo likhulu nguWilliam Branham.” Nguye lo ongena endleleni kaThixo. Nguye lowo wonqenayo. Nguye ofika kwindawo ngamanye amaxesha apho acinga ukuba anganokwenza into malunga nayo, kwaye, xana ekwenza oko, oko kutyhalela uThixo kanye ngaphandle komfanekiso. Kodwa xana ndingamgxotha laa mfo, xana ndinokufika kwindawo yokuba uphumile endleleni, ngoko

uThixo anganokuza kwaye enze izinto uWilliam Branham angazi nto malunga nazo.

¹⁰⁰ Kulapho uThixo anokukusebenzisa khona. Kulapho Anokusebenzisa nabani na kuni. Unokusebenzisa nabani na xana siphuma endleleni. Kodwa okoko nje sizibeka thina endleleni, ngoko asinokwazi. Kulungile.

¹⁰¹ Ngoku sifumanisa ukuba, lo mfo omkhulu, uPawulos, wayeyi—wayeyinkosana phakathi kwabashumayeli. Wayehlonitshwa ngawo onke amahlelo. Loo ndoda yayinokuya esixekweni kwaye ibenomhlangano naphi na. Ngokuba kutheni? Wayeneziqinisekiso zokuthenjwa. Ngokuba, wayemkhulu kakhulu, kwaye ezimisele kakhulu ukutyumza bonke abantu abo ababebuthathaka, wade wafumana amandla asuka kumbingeleli omkhulu, elona gunya liphezulu liphakamileyo, ukubopha wonke ubani kuwo onke loo maKristu. Amandla ezopolitiko aphuma kwibandla lakhe, ukuze ababophe bonke! Owu, wayenamandla! Wayenokubopha amaKristu aze awaphose entolongweni ngokuba babengayi kuvumelana naye phezu kweemfundiso zakhe zezakwalizwi, phezu kweemfundiso zabaFarisi nabaSadusi. Wayebopha amaKristu.

¹⁰² Kodwa, qaphela, kwafuneka ukuba abotshwe, ngokwakhe, ukuze alahlekane nayo, abenokulahlekelwa ngamandla kunye negunya lakhe. Wabotshwa, ngokwakhe, ukuze alahlekelwe koko wayenako amandla abopha ngawo. Kwafuneka ukuba alahlekelwe yiloo nto awayeyiyo, ukuze abenokubotshwa.

¹⁰³ UThixo ugqitha ababekekileyo! Wagqitha ababingeleli. Wagqitha abo babenekratshi. Waze Wanyula uPawulos, le ndoda inkulu, kwaye wayenza yawela eluthulini lomhlaba kwaye enze izinto ezo yena. . . njengabo abanye ababezenza. Wabenza bona benza kwi. . . wamenza ukuba enze ngendlela efanayo naleyo yabo wayebabopha. Wambopha uPawulos ngoMoya kaThixo, ukuze amkhulule ukusuka kumandla awayenawo wokuba abophe amaKristu ngawo. Ndixelele ukuba uThixo akayazi into Ayenzayo na? Wawasusa amandla akhe ukuze alahlekelwe ku—kubamba kwakhe.

¹⁰⁴ Bangaphi abalungiseleli uThixo anokubasebenzisa ngale ntsasa ukuba nje banokumvumela uThixo ababophe ngeLizwi Lakhe kunye namandla Akhe, kwaye abakhulule ukusuka emandleni aloo mahlelo kunye nemibutho! Bangaphi abantu abanyanisekileyo kwesi sixeko, ngale ntsasa, abo baya kule mibutho mikhulu yeenkoko, bangaphi na Anokubazalisa ngoMoya oyiNgcwele, aze alitshise eli lizwe ngeVangeli kunye namandla, ukuba kuphela banokuthabatha kwaye bazikhulule ukusuka kumandla lawo abanawo kwaye babotshwe nguMoya Wakhe, ukuze babe njengoko uPawulos wayenjalo, ikhoboka lothando kuThixo!

¹⁰⁵ UThixo wamthabatha uPawulos kwaye wenza ikhoboka kuye, wambophelela kuYe waze wamthumela kwiiNtlanga ezo wayezithiyile. Kodwa, uyabona, kwafuneka ukuba akhululwe ukusuka kumandla akhe obucawa, ukuze abotshelelwe kumandla kaThixo. Kwanyanzeleka ukuba alahlekelwe ngamandla akhe abe buthathaka kwaye angabinto, ukuze amkele amandla kaThixo, ukubotshelelwa kuThixo, ukwenza lonto uThixo ayakumxelela yona ukuba ayenze.

¹⁰⁶ Yiloo nto kanye esifanele siyenze namhlanje. Yiloo nto endiyisweleyo. Yiloo nto wonke umntu ayisweleyo, kukulahlekelwa nguye, ukulahlekelwa sisakhono sakhe, ukulahlekelwa yilonto ayiyo, ukuze abe nokuzinikezela ngokupheleleyo kuMoya oyiNgcwele. Unkosikazi ongumgcini khaya uswele oko. Inkwenkwe yesikolo iswele oko. Sithabatha. . . nkqu nabantwana bethu abancinane.

¹⁰⁷ Inkwenkwe ethile encinane leyo endicinga ngayo, izolo emva kwemini okanye kusuku olungaphambi kwayizolo, okanye usuku olunye, yangena kwaye yafumana udade wabo omdala ukuba abhale isifundo sakhe kanye ngokukhawuleza, waze waphuma kwaye waxelela amakhwenkwe amancinane, wathi, “Whew! Ezo ngxaki bezilula.” Yabona, bafundisiwe, phantse, ukuqhatha.

¹⁰⁸ Kuya kuba ngcono kangakanani. . . Kwaye abo bantu bazintsika ebandleni. Bekuya kuba ngcono kangakanani kuTata, ngentsasa ngexesha lesidlo sakusasa, athi, “UJohn uza kuba noviwo lwakhe namhlanje. Owu Thixo, yiba noJohn! Nceda uJohn! Undicelile egumbini lokulala ngale ntsasa, wathi, “Tata, ndithandazele namhlanje, kufuneka ndimele uviwo lwam. Ndithandazele.”

¹⁰⁹ Ndingathanda ukuba inkwenkwe yam ifumane o— olungileyo, ondilisekileyo u “F” kwikhadi lakhe, ukutshona, kunokuba bendinokwazi ukuba ufumene “u-A” othe ngqo ize iqhathe phezu kwakhe. Ewe, mhlekazi! Into esiyidingayo kukuzilahlekela, sixhomekeke ngokupheleleyo kumandla kaThixo.

¹¹⁰ Ngoku, “botshiwe.” UThixo ugqitha ababekekileyo aze afumane ababuthathaka. UThixo ugqitha abo bacinga ukuba bayinto ethile, ukuthatha umntu lowo ongazi kwanto ukuze asebenze injongo Yakhe ebomini babo. Yiloo nto esiyifumanayo.

¹¹¹ UThixo wathi kuPawulos, “Amandla aM agqibelele kubuthathaka bakho. AwaM—awaM amandla abangagqibeleleyo njengokuba wena usibabuthathaka nangakumbi. Okungakumbi unokunikezela kuM kokungcono Ndinokukusebenzisa. Okukhona unokulibala ngakumbi ngemfundo yakho, kokukhona unokulibala ngakumbi ngehlelo lakho, okukhona unokulibala ngezinto zakho kwaye uzinikezele kuM, kokukhona Ndinokukusebenzisa nangakumbi. Kuba

ubabuthathaka, Ndiya—Ndiya kuyenza eyiYeyaM injongo yomelele.”

¹¹² UThixo unako ukuwenza amandla ngokuphuma ebuthathakeni! Naso isizathu sokuba Ahlale ekwenza oko. Xana Wenyula abafundi Bakhe, ngubani owayeya kucinga . . .

¹¹³ Ukuthobeka koNgoWakhe uNyana xana Wazalelwa emkhumbini wesitali, kwishedi elalinomgquba, kwisitali senkomo, kwaye waye songelwe kumalaphu edyokhwe! Yabona, ngeWayeze ngebhotwe. Ngewayehle ngeepaseji zeZulu, nazo zonke . . . isibuliso esipheleleyo seNgelosi. Kodwa Wenyula ukwenza uKristu uMzekelo wethu, ngenxa yethu, kwaye WaMzisa ngokuthobeka.

¹¹⁴ Akazange aMqeqeshe kwizikolo zeli hlabathi, kodwa WaMqeqesha Yena ngaWakhe amandla, uku . . . ke Okuze ngokugqibeleleyo Azinikezele, hayi kwiingcinga zomntu okanye amandla ehlabathi, kodwa Azinikezele emandleni kaThixo.

¹¹⁵ Kwaye yile nto siyiyo namhlanje, siyazinikezela namhlanje kumahlelo ethu amakhulu nakwimimango. Siyazinikezela kwihlelo, kulonto elimelwe kukuyithetha, nalonto *abayithethayo* malunga nalo. Kodwa oko kuchasene nokuthanda kukaThixo. Kufuneka sizinikezele kuMoya kaThixo kwaye siye apho uMoya athi siye khona. Kulungile oko.

¹¹⁶ AmaHebhere kaThixo lawo thina, okanye, amajoni kaThixo, gxebe, “amaqhawe.” Sisandula ukufunda nje kwiNcwadi yamaHebhere, isahluko se-11 umqolo wama-34.

. . . *ukuphuma ebuthathakeni benziwa bomelela*, . . .

¹¹⁷ Kwafuneka ukuba babe buthathaka ngaphambi kokuba bomelele. Ebuthathakeni babo benziwa bomelela. Nina abo babhala iZibhalo phantsi, phandle phaya, amaHebhere 11:34. Konke kulungile.

¹¹⁸ Nantsi into apha yokusithuthuzela. Nantsi into apha leyo ekhuthazayo. Ebuthathakeni kunye nasekuthobekeni uThixo unyula abantu ukwakha ubuKumkani Bakhe ngabo. Ukuba siyakukhe sifike eZulwini, ukuba sakhe sema eBukhoni bukaThixo kunye neBandla Lakhe, siyakuma kwigquba labantu abo ababebuthathaka kwaye becekisiwe kwaye bakhutshelwa ngaphandle lihlabathi, kwaye oongazi-kwa-nto.

¹¹⁹ Ingaba akumangalisi na ukuba uThixo usifanisa njengezimvu? Imvu yeyona nto ingenakuzinceda ekhoyo. Akukho nto ingonelanga ngakumbi ukuzikhusele kunemvu. Umvundla unokubaleka; unomatse unokungena emthini;inja inokuluma; ingonyama inokuqwenga; ihashe linokukhaba; intaka inokubhabha; kodwa imvu yona ima ingenakuzinceda.

¹²⁰ Kwaye yiloo ndlela uThixo asifuna ngayo. Siziqaphela ukuba asanelanga ngokupheleleyo, ngoko uThixo uthabatha loo mntu aqalise ukuZibumbela kuloo mntu; enze izandla zakhe

zenze loo nto uThixo afuna ukuba yenziwe zizandla, enze imilebe yakhe ithethe loo nto imilebe kaThixo ibiya kukuthetha; ngokuba asiyo yakhe ingekaThixo. Uqalisa ukwakha isimilo, uqalisa ukuthabatha obu buthathaka aze Azenzele uBuqu Bakhe.

¹²¹ Usizisa apha emhlabeni, kuba ngoko...Sifundile, sihlakaniphile. Ingaba ukhe waqaphela imigca, umnombo? Xana sithabatha, ngokomzekelo, njengaku-Abheli, ukusuka ku-Abheli kweza uSete; Umnombo kaSete weza wehla kanye, ukuhla ukuya kwixesha likaNowa, bebonke babengabalimi nje abathobekileyo. Kodwa abantwana bakaKayin baba nobulumko, nobuqili, befundile, amadoda amakhulu, abakhi, amadoda aqeqeshiweyo.

¹²² Kodwa icala likaThixo lalibuthathaka kwaye lithobekile. Yiloo ndlela uThixo athe wabasebenzisa ngayo. Elo lithuba likaThixo. Leyo yindlela kaThixo yokuza kuthi, kuxana sibuthathaka. Sifumana into ethile ngoko. Oku kuyakhuthaza, kakade, kuba uBukumkani buphela bukaThixo bakhiwe ngolu hlobo lwabantu. Ngoko xana ufika kolo hlobo lwendlela ngoko u—unganoku...usebuKumkanini Bakhe.

¹²³ Ingxaki yile, ngathi, ukuba...hayi ukuba sibuthathaka kakhulu, ingxaki yile yokuba somelele kakhulu. So—so—somelele nje kakhulu. Kuphelele apho. Eyona nto yayo kukuba sinenkani kakhulu. Kunjalo oko, sinenkani kakhulu entloko yethu. Sazi kakhulu. UThixo ufuna ukukhuphela oko ngaphandle kuthi. Kunjalo oko. Somelele kakhulu, somelele kakhulu ukuba singanikezela kuYe. Sifumana... Si—sizinikezela kuthi. Kufuneka ukuba sicinge, “Ke, ngoku, apha, nda—ndafumana ingqiqo ngokwaneleyo yokwazi!”

¹²⁴ Bendimangaliswe kubusuku obumbalwa obugqithileyo xana umama wayegula, ngaphandle esibhedlele. Ndaya kwi...Kwakukho inenekazi elincinane elingummelwane... Ukuba eloo nenekazi lincinane lilapha, undixolele, dade. Uyintombazana encinane yaseKentucky esuka phaya ezantsi, kwaye thina sasi...kwaye lowo yayinguninzala wakhe. Kwaye ndandithetha naye ngobo busuku, unkosikazi kunye nam, phaya ebudeni malunga nentsimbi yokuqala kusasa. Kwaye indoda yakhe yayisele ingqengqile phantsi emgangathweni kwaye yalala; wathi, “Phuma apha! Awulunganga kumama wakho, nakanjani na.” Wamkhuphela ngaphandle, umyeni wakhe, wamkhupha egumbini, ngokuba wayengqengqe kanye ngqo ukunqumleza umnyango apho abongikazi, kwakungekho mntu unokungena; nje erhona, emgangathweni. Ke wamvusa kwaye wangxotha.

¹²⁵ Kwaye waqalisa ukuthetha phaya. Ndaqalisa ukuthetha kuye malunga neNkosi, na njalo njalo. Kwaye wathi, “Ke,” wathi, “konke endakha ndakwazi yayiligaba lomqala werhanisi

kwisiziba secuba, ngentseni, siqumla ukhula kunye necuba elifunxwayo, na njalo njalo ngoloo hlobo.” Wathi, “Kodwa, ndiyakuxelela,” wathi, “utata wasithumela, sonke ngabanye, esikolweni.” Waze wathi, “Asikabi nayo nangoku imvakalelo.”

Ndacinga, “Ke, mhlawumbi eso sisizathu.”

¹²⁶ Yabona, u—umelwe kukugcinela kude izinto zehlabathi kuwe. Ngoku, andixhasi ukungazi, hayi—hayi oko, kodwa ndizama ukucinga ukuba xana ufika kwindawo apho ucinga ukuba wena nje—wena nje wazi kangako kude kungabikho mntu wumbi wazi nto malunga nayo. Ulwazi lwakho lulungile njengoko lunga—njengoko lungaphazamisani nezithembiso zikaThixo.

¹²⁷ Silawulwa zizimvo ezintlanu, kwaye ezo zimvo zintlanu (ukubona, ukungcamla, imvakalelo, ukujoja, kunye nokuva) zilunge kakhulu zide ziphazamise uluvo loKholo. Ngoko xana zisiza nxamnye noKholo... Kwaye wazi njani ukuba loluphi oluchanekileyo? Ngokuba uKholo luyakusoloko lumvelana neLizwi. Kwaye ngoko ukuba—ukuba ukhlo lwakho luchasene neLizwi, okanye ucinga ukuba lunjalo, ngoko awukalufumani uKholo. Unenkolelo yokuzenzisa. Unokuqhayisa kwizimvo zakho, zemfundo ethile leyo uthe wafunda malunga nayo, okanye into ethile. Kodwa xana umka usuka kuloo nto kwaye uxhomekeka ngokupheleleyo phezu koKholo, kwaye uKholo lunokwakhelwa kuphela phezu kweLizwi likaThixo kuphela (uKholo oluchanekileyo).

¹²⁸ Ugqirha ngaxesha lithile wathi kum, wathi, “Ndiyakholwa, Billy, ukuba aba bantu... ukuba ungabaxelela ukuba baphume baye phaya kwaye bachukumise la pali, laa mthi, kwaye bakholiwe ukuba bayakuphila, bayakuphila nje ngokufanayo.”

¹²⁹ Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Ayinakwenzeka, gqirha, ngenxa yale nto inye, yabona, abo bantu bayazi ukuba leya yipali nje. Bayazi ukuba akukho sidima kungekho mandla kulo pali.”

¹³⁰ Kodwa nawuphi na umntu olungeleleneyo ngokwasengqondweni angayazi ukuba elo liLizwi likaThixo ophilileyo, endinokuseka ukhlo lwam phezu kwaloo nto kwaye ndazi ukuba Ngu-ITSHO INKOSI! Kwaye ukuba kukho nantoni na echaseneyo naloo Nto, ngoko andizikholelwa izimvo zam. Hayi, mhlekazi, nje yiyeke lonto. Hamba ngolunye uluvo lwakho, uluvo loKholo.

¹³¹ Kunjalo oko, uThixo ubathatha abo bantu ukuba benze... Xana bengabantu abangento, bayakuzinikezela kuYe.

¹³² UD. L. Moody waseChicago, wayengowaseBoston, wayengumthungi wezihlangu; omncinane, intwana yomfo, ongonelanga, akazange axhomekeke phezu kwakhe. Ngoku, uthabatha ezi zikolo zikhulu ezo banazo, iSikolo sikaMoody phezulu phaya, ukuba uDwight Moody unokuvuka kwakhona

kwaye asibone eso sikolo, into yokuqala uDwight Moody angayenza kukusisusa eso sikolo.

¹³³ Ukuba uMartin Luther unokuvuka, into yokuqala ayakuyenza kukususa umbutho wamaLutere. UJohn Wesley ubeya kwenza kwaloo nto ifanayo. Loo madoda akazange ayiseke loo mibutho, yayingamadoda lawo ayebalandela, lawo akwenzileyo oko.

¹³⁴ UPawulos akazange abumbe bandla, ngokuba wathi, ngokwakhe, “Emva kokunduluka kwam, amadoda esihlwele senu ayakuvuka phakathi kwenu, ethetha izinto ezigqwethekileyo.” Kwakusemva kokufa kukaPawulos, kwaye ikhulu (okanye amibini) eminyaka emva koko, abathi baseka ibandla lobuKatolika, umbutho wokuqala.

¹³⁵ Amadoda avuka! Kwakusemva kokufa kukaMoody apho baba neSikolo sikaMoody; emva kokufa kukaWesley bathi baseka ibandla likaWesley; emva kokufa kukaLuther bathi baseka ibandla likaLuther. UThixo wathumela amagorha; kwaye okha. . .

¹³⁶ Akumangalisi ukuba uYesu wathi, “Nina—nina mandonga ndini aqatywe mhlophe!” Wathi, “Ni—niyawahombisa amangcwaba abaprofeti, kwaye nini abo enibabeke phaya!” Kunjalo oko.

¹³⁷ La madoda amakhulu avuka; ngoko wona abakhela isikhumbuzo. Ndinga, njengoDavide, “Wakhonza uThixo kakuhle kwisizukulwana sakhe.” Ke nantso indlela yokwenza oko. Yeka imibutho nezinto phaya, leyo, ihleli kude nani.

¹³⁸ UMoody, omncinane omdala umthungi wezihlangu, wayebuthathaka. Wayengumzekelo wobuthathaka. Into yokuqala itsho ukuba uMoody wenza. . .Wayengenamfundo kwaphela, kwaye negrama yakhe yayihlwempuzeke ngolona hlobo yayisoyikeka. Indoda yakha yafika kuye ngaxesha lithile kwaye yathi, “Mnu. Moody,” yathi, “igrama yakho yeyona ihluphekileyo ndakha ndayiva ebomini bam.”

¹³⁹ Wathi, “Ndizuzwa imiphefumlo ngokungazi kwam, wenza ntoni wena ngemfundo yakho?” Ndinga ukuba leyo yayiyimpiculo elungileyo. Ngokuqinisekileyo kwakuyiyo!

¹⁴⁰ Kwaye ngoku, uba lilungu leso Sikolo, ngokuqinisekileyo kuya kufuneka ube sisifundiswa esiphucukileyo mpela. Kunjalo oko. [Umzalwana uthi, “Nje bayibuyisela umva lonto!”—Mhl.] Ngoku, ehe, bona “bayibuyisela umva lonto” injalo, buyela kanye umva ngenye indlela.

¹⁴¹ Yiloo nto kanye abantu abayenzayo. Xana bendisathi ekuqalekeni komyalezo wam. . .Endaweni yokuba amaKristu azithobe kwaye aziqongqothe ngokwawo ukuze afumane ngakumbi igumbi likaThixo, bazama ukuzakhela kulwazi olwenziwe ekhaya, okanye ulwazi oluthile lwesikolo sobugcisa,

okanye into ethile, ebaqhubela kude ukusuka kuThixo kunokuba babenjalo xana baqalayo.

¹⁴² Oko koko endicinga malunga nako ngezi ziguqo zokuzenzela. Nimzisa ngaphakathi, kwaye kwixesha elilandelayo kuba lukhuni ngokuphindwe kalishumi ukumbuyisela umva kwakhona. Myekeni ahlale kwaye aphulaphule de uThixo amenzele into ethile! Kuze emva koko umeke eze kwaye ayivume, aze aphakame, ebiza eGameni leNkosi. Kunjalo oko.

¹⁴³ Qaphela uMoody, ebuthathaka kwimfundo, ebuthathaka entethweni, entswina ngempumlo yakhe. Ndandifunda nje imbali yakhe ngenye imini, “Entswini ngempumlo yakhe, imeko yempumlo.” Ngokomzimba emncinane, umfo onempandla, amabhovu ejinga ukuhla ngeyakhe...?...; omncinane, intwana, yomfo omfutshane. Emzimbeni, waye waphuka ngokwasemzimbeni. Ke wayengenanto ngaphandle kobuthathaka ngokuqhubekayo. Kodwa uThixo wamsebenzisa ukuba ashukumise ihlabathi ngomhla wakhe!

¹⁴⁴ Ngelinye ixesha kwabakho intatheli eyaya kumhlangano wakhe (bendifunda), kunye neentatheli, ukuba zenze ingxelo yokuba yayiluhlobo olunjani na lwendoda olu (indoda enkulu, umfo omkhulu).

¹⁴⁵ Liphi elaa qhoshela lincinane elo nicima iiteyiphu ngalo? Eli lilo? Kuya kufuneka nje ndikubambe oko phaya.

¹⁴⁶ I—indoda enkulu, uMoody wayeyiyo. Wayeyindoda elungileyo. Kwaye ke wayenokutsala ingqalelo yabantu, ababambe bame ngxi. Ke kwakukho intatheli eyaya kuMnu. Moody kwaye yathi...yaya kumhlangano ukwenza ingxelo malunga nokuba luhlobo luni lolwakiwo olukhulu... .

¹⁴⁷ Njengoko intatheli yaya nje kwaye yanikela ngengxelo ngomnye umvangeli omkhulu, kutshanje, yathi, “Laa ndoda iliciko. UnguGqirha woBungwele. Usebenzisa eyona grama ingcono endakha ndayiva. Ubamba abantu ngepsychology yakhe. Unako ukubabamba abantu bame ngxi.”

¹⁴⁸ “UDwight Moody,” xana intatheli ihamba, yathi, “Andiyiboni into ekuye enomtsalane nakubani na.” Yathi, “Into yokuqala, mbi njengoko enokuba njalo. Into elandelayo, unomzimba owaphukileyo. Into elandelayo” yathi “uyi, akanamfundo. Igrama yakhe yeyona ihluphekileyo endakha ndayiva!” Kwaye yathi, “Uyancwina kwaye uyatswina xana eshumayela.” Kwaye yathi, “Andiboni nto kuDwight Moody enokutsala ingqalelo kuye nabani na.”

¹⁴⁹ UMnu. Moody waziselwa inqaku. Walifunda, eluhlobo lokuhleka eyedwa, wathi, “Ngokuqinisekileyo akunjalo; nguThixo. Ngokuqinisekileyo! Abantu abazi ukubona uDwight Moody, beza ukuza kubona uThixo.”

150 Abantu abakhathaleli ukuba ungqina kangakanani, bafuna inyani ethile phaya ebomini bakho leyo engqina ukuba uThixo ukubambile. Mawube ungumWisile, umBhaptizi, umPentekoste, nokuba uyintoni na, bafuna ukubona uThixo. Kunjalo oko, madoda we...amadoda amakhulu, amadoda abuthathaka kwaye aqaphele ubuthathaka bawo.

151 Khangela uMoses, indoda ekrelekrele eselula. Owu, wayesisifundiswa. Wayeqeqeshwe kakhulu kubo bonke ubulumko bamaYiphutha ade abenako nokufundisa amaHebhere. Wayengawafundisa namaYiphutha. Wayengafundisa nabani na, ngokuba uMoses wayeyindoda enkulu, umfo ohlakaniphileyo. Owu, wayeyindoda enamandla.

152 Kwingcamango kaCecil DeMille ngayo, xana—xana wayedlala i *IMithetho Elishumi*, kwaye waba nale ndoda yezayo leyo yayi...Ndiyilibala igama lendoda leyo eyadlala indawo kaMoses phaya, umdlali othile, kodwa indoda enkulu enengalo ezinkulu kunye namandla. Kwaye uMoses mhlawumbi waye lolo hlobo lwendoda.

153 Siyazi ukuba waye ngowomeleleyo kwaye eqeqeshwe kakuhle, ke wathabathela kuye, ebona intswelo yosuku. (Owu, wanga uThixo angakuvumela oku kuzike ekhaya!) Ebona intswelo yosuku, uMoses ngamandla akhe engqondo kunye nesakhono sakhe eso ekwafuneka ukuba enze ngaso...Wayeyindoda ekhaliphileyo. WayenguFaro ozayo. Wayenepsichology. Wayena—wayenamandla. Wayenamandla ngokwasemzimbeni. Wayena—wayenayo yonke into. Ke wathi, “Ndixhotyiswe kakuhle. Ndiyayazi yonke loo nto. Kwaye ukuba kukho indoda elizweni leyo enako ukukwenza oko, ndiyiyo. Ke, ndiyindoda yeyure ke ndiya kunyathela ndiphume.” Kwaye waphuma ukuya kufeza umsebenzi lowo owawulungile nokuthanda kukaThixo, kwaye wanikela ngezakhono zakhe zemvelo. Kwaye uThixo wazala zona! Wayengenakusebenzisa nanye into uMoses awayenayo.

154 Wayengenakuyisebenzisa ngoko, okanye Yena...kananjalo Akanako ukuyisebenzisa ngoko. UThixo akanako ukusebenzisa izakhono zethu zemvelo. Simelwe kukuzikhupha thina kunye nezakhono zethu endleleni, kwaye sinikezele kwintando kunye namandla kaThixo.

155 Yithi, “Ke, mzalwana, ndingashumayela.” Akanakukusebenzisa oko okoko nje *wena* unako ukushumayela. “Kulungile konke oko, ndingakwenza *oku*, ndingakwenza *okuya*.” Akukho nto unokuyenza. Ke, ngoko uThixo akanakuyisebenzisa. Kodwa ukuba uyakuzinikezela kuThixo kwaye uMvumele ukuba ayenze!

156 Uthi, “Ke, Mzalwana uBranham, ndiyazi. Ndingumfundisi.” Ke, okoko nje *ungumfundisi*, ngokuba, Akayi kuya kude kakhulu. Kodwa uMoya oyiNgcwele unguMfundisi wethu.

Ngokuqinisekileyo, unguYe! UThixo wathumela uMoya oyiNgcwele ukuba abe nguMhlohli phezu kweBandla.

¹⁵⁷ Abanye abantu baya esikolweni iminyaka ngeminyaka ngeminyaka. Yintoni abayenzayo? Bafunda amanqaku kwiGumbi eliPhezulu, kwaye ke (owu, oko kulungile) uthabatha isifundo sesikolo seCawe seSizwe. Andinanto inxamnye noko. Lawo ngaMazwi kaThixo, kunye nezinto, kodwa adityaniswe kunye neengqondi! Imelwe kukuba ize ngamandla kunye novuko lukaKristu, kwaye awunako ukuxhomekeka kwezakho izakhono zemvelo.

¹⁵⁸ Ke, uMoses, le iselula, ilungileyo yomeleleyo ingxilimbela, indoda eyingqondi, wazimisela ukwenza umsebenzi olungileyo; kodwa uThixo ngokulula, ngokuqinisekileyo wayengenakusisebenzisa. Wayengakwazi ukusebenzisa izakhono zakhe zemvelo.

¹⁵⁹ Kwaye asinako...Akunamhlanje, ukuba singabi nako... uThixo akanakusebenzisa izakhono zethu zemvelo.

¹⁶⁰ Kodwa kukho into enye uMoses awayenayo leyo endimncoma ngayo, wayenengqondo ngokwaneleyo yokwazi ukuba wayengowoyisiweyo. Asinayo. Kuphelele apho. "Siya kwenza ihlelo *elitsha*. Siza kufumana umntu othile onesibabalo sempiliso, okanye into ethile," amaPentekoste, uyabona. Yabona? A—asazi nje ngokwaneleyo ukuba siqaphele ukuba soyisiwe. Ibandla lamaPentekoste, i-Assemblies of God, i-United, bonke abanye, kubonakala ngokungathi abanaso isakhono sokwazi ukuba boyisiwe. Haleluya! Owu, ndiqwenela ukuba ndingakwenza oku kuhlale. Boyisiwe. Umbutho wecawe woyisiwe! Kanye ngokufanayo le United States yoyisiwe, ingcangazela kwaye isoyika, kwaye iziqhushumbisi zixhonyiwe ngaphaya ngenxa yabo, bayazi ukuba baye baxhentsele kude kwaye banikela ubomi babo esihogweni. Kwaye boyisiwe, uMoya waphuma kubo. Kuya kufuneka ukuba urhugule imithi ukuze ufumana amandoda aselula aye emkhosini; abonile oko kwenzekileyo komnye. Soyisiwe! Ibandla loyisiwe. Bayakwazi oko.

¹⁶¹ UMoses wayiqaphela loo nto, ngoko wazi ngokwaneleyo ngoko... UThixo wamthabatha wambuyisela umva ngasemva, entlango, ukuze amfundise ubuthathaka obuthile bomntu. Wamthabatha wamsa emva ukuze amfundise ukuba konke kwakumalunga nantoni na. Wafunda kakuhle! Owu, bethu, ingaba wakha wafumana isifundo! UThixo kumele ukuba wayenexesha kunye naye emva phaya! Uyazi, uMoses wayenomsindo; kwaye uThixo wamnika umfazi ogama linguTsipora, wayenawo, naye. Ke ndiyacinga ukuba yonke into ayikhange ithandeke kakuhle ngakwicala langasemva kwentlango okwethutyana, xana iimisindo yabo yomibini iphuma elulawulweni ngaxeshanye.

¹⁶² Ndinginga ukuba uqulunqo lwakhe lwengqondo yokuba kufuneka ufundo lwengqondo limlawule njani umntu alwenzanga nto ilungileyo kangako, ngokuba, xana wayesindleleni yakhe esihla ukuya eYiphutha, ndibona uTsipora esenomsindo nangoko. Wanqumla inyama yokwaluswa yonyana wakhe wayiphosa phambi koMoses, wathi, “Ungumyeni onegazi kum.”

¹⁶³ Kwaye uThixo waba nomsindo kakhulu kuye Wa... wamkhangela endlwini yabahambi, ukuba Wayethe wamfumana Ngewayembulele. Ndiyaqikelela ukuba kwakukho izinto ezincinane uThixo ekwafuneka ukuba amfundise zona emva phaya, yabona, ukuba wayengumntu. Bonke ubulumko bakhe baseYiphutha kunye namandla akhe onke obukrelekrele, uThixo wayengenakusebenzisa nanye yazo.

¹⁶⁴ Uyeza, uthi, “Ngoku, Nkosi, ndiyendafundiswa amashumi amane eminyaka ngoku, ndingu—ndingumfundi onengqondo. Ndinganako ukucaphula loo Bhayibhile ngamehlo am evaliwe.” UThixo akanako ukusebenzisa nentwana yoko. Yabona? Hayi.

¹⁶⁵ “Owu, ndingoweyona nkonzo inkulu leyo ikhoyo elizweni. Ndi—ndiko...ndi *koku*, Nkosi. Owu, ndingumPentekoste. Ndi...Uzuko kuThixo! Bendisandula ukwamkela uMoya oyiNgcwele nje ngobunye ubusuku. Haleluya! Uya kundenza ukuba ndenze into *enje-na-nje*.” UThixo akanako ukusebenzisa nentwana yaloo nto. Nah!

¹⁶⁶ Nanini na woyisiwe kwaye uqaphela ukuba woyisiwe, kwaye ubuyela umva uze uzithobe. Yiba buthathaka, fumanisa ukuba ungumntu. Kwaye akukho nanye yobukrelekrele bakho enokukwenza uku...Ubuthathaka babantu abusoze busetyenziswe nguThixo; UThixo ngobuthathaka bomntu uyazigalela ngoKwakhe kuwe, ngoko Uyazisebenzisa ngoKwakhe. Wena nje ubasisixhobo. Ngokuqinisekileyo! Kufuneka ukuba uzikhuphe nje endleleni.

¹⁶⁷ UMoses, owu, wafunda, wafunda ubuthathaka bobuntu kakuhle ngenene. Wabufunda kakuhle kakhulu, wade, xana uThixo wambizayo, wayenobuthathaka obusixhenxe obo awayengakwazi ukuziphikela nxamnye nobizo lukaThixo ngabo. Ingaba wakha wafunda kwinxalenye yokuqala ye-Eksodus, ubuthathaka obusixhenxe? Ndi—ndizibhale apha. Ndifuna ukuba ubuphulaphule. Ubuthathaka bokuqala awayenabo yayikukunqongophala komyalezo. Okwesibini ubuthathaka awayenabo yayikukunqongophala kwegunya. Ubuthathaka besithathu awayenabo yayikukunqongophala kobuciko. Obesine yayikukuqhelanisa. Obesihlanu yayi bobempumelelo. Kwaye obesithandathu yayikukwamkela.

¹⁶⁸ Ngoku, thelekisa obakho nobakhe uze ubone ukuba unganako ukuza nako oko na, ubone ukuba ungaba buthathaka njengoko wayenjalo na. “Nkosi, andi—andilunganga. Andikwazi

kuthetha. Nda—nda—ndabulala umYiphutha. Andinako ukubuyela umva. Owu, yonke into! Abayi kundamkela. Andina myalezo. Ndine... andikwazi kuthetha. Kwaye ndiya—ndiyacotha ukuthetha.” Kwaye ubone ukuba wayenjani? Wayengeyonto! Mzalwana, wayephilisiwe. Ehe, uThixo wayenokumsebenzisa ngoko emva kokuba ephilisiwe. Yabona? Ehe.

¹⁶⁹ Yiloo nto...Unokusisebenzisa emva kokuba siphilisiwe, ukufumana ukuba “IPh.D. yam kunye neLL.D. kunye ne-L.D ngokuphindwe kabini,” nokuba yintoni na enokuba yiyo, “zonke izidanga zam aziyonto.” UThixo akanakuzisebenzisa!

¹⁷⁰ “Ke, ndingu-Assembly of God. NdingowoBunye. NdingumBhaptizi. NdingumRhabe.” UThixo akanako ukusebenzisa nentwana yaloo nto! Ngokukhawuleza wakuba usukile kuyo, ke, kokukhona kungcono u—uya—uyakuzinikezela kuThixo.

¹⁷¹ Njengokuba wayenjalo umprofeti, wathi, “Ndingumntu omilebe iyingqambi, naphakathi kwabantu abangahlambulukanga.” Yaze iNgelosi yaya yaze yafumana i—iziphatho, yaze yaya phezulu esibingelelweni kwaye yathabatha ilahle lomlilo kwaye yachukumisa imilebe yakhe. Ngoko wadanduluka, “Nkosi, ndilapha; thuma mna.” Ehe, emva kokuba eqaphele ukuba u...Kananjalo ekubeni engumprofeti, wayenemilebe eyingqambi.

¹⁷² Ngokukhawuleza nje sakuba siqaphele ukuba asi—asinto, ukuba aninto, niluthuli lomhlaba...UThixo akanakukusebenzisa...Ewe, awakho amav-...Bonke ubuthathaka bakho bebungayi kuthelekiswa noMoses. Wayenobuthathaka obuthandathu obahlukeneyo apha, kwaye wayefunde ubuthathaka bobuntu.

¹⁷³ Ngoku khangela umahluko phakathi *kwaloo* Moses ehlangana noThixo, kwaye *uMoses* ekhangele phezu kwe...?... njenganamhlanje. Wathi, “Yithi, siswele *unje-na-nje!* Siswele imvuselelo elizweni. Ndiya kukuxelela lonto endiya kuyenza, ndibuyela emva kwaye ndifunde ndide ndifumane iSidanga sobuGqi. Uh-huh! Ndibuyela emva kwaye ndifunde ndide ndibenokumiselwa njengeLL.D. Ndiya kufunda uncwadi. Ndiya kukwenza konke oku, ngoko ndiya kuphuma kwaye ndiya kuba ‘yindoda yeyure.’ Ndiya kubabhuqa bonke aba babafu abo baqalisileyo phandle apha.” (Owu, mzalwana!) “Ndiya kuzifumanela isakhiwo sezigidi ezintathu zeedola. Ndiyakuzifumanela iicadillacs ezilishumi elinesibini. Kwaye...” Owu, mzalwana! Usenoku—usenokungaqalisi, kuba woyisiwe kwa ukuqala nje, uyabona. Kodwa inkathazo yako oko kukuba abayazi loo nto!

¹⁷⁴ Bacinga ukuba kufuneka ube nenwele ezijikojiko kwaye unxibe iisuti zetuxedo kwaye uthi “ah-indoda” intle kakhulu,

kwaye konke okufana noku, kwaye ube yinkosana. Lowo ngunopopi womfazi!

UTHixo ufuna amadoda, amadoda anobuthixo, amadoda lawo anokushukumisa!

¹⁷⁵ Kodwa namhlanje sifuna iHollywood. Sifuna into leyo—leyo inqwenelekayo elisweni. Sifuna into ethile leyo enokuthetha ngobukrelekrele kangangokuba angasivumela silale imizuzu emihlanu ngelithuba yena . . . kusasa ngeCawe.

¹⁷⁶ UTHixo ufuna abohluli aya kumthumela yena njengelangatye lombane, basigwebe isono ukuya ezingcanjini, (kunjalo oko) basombe basikhuphe.

¹⁷⁷ Kodwa thina si. . . Sifuna abelusi bethu abazingqondi. Uninzi lwabantu lufuna umalusi osebezayo, umntu othile uthi, “Ewe, thandekayo.”

UTHixo ufuna iindudumo! Ewe, mhlekazi.

¹⁷⁸ Babambambathe emqolo, kwaye ezo nwele zimfutshane kunye nokokuziqaba kubo, nayo yonke enye into, kwaye benxibe iimpahla ezo ababegalelwe kuzo, nazo zonke ezilolo hlobo, kwaye bangathethi nalizwi malunga noko.

¹⁷⁹ Indoda enkulu yandibizela e-ofisini yayo apha, (hayi i-ofisi yakhe) i-ofisi yakhe yentsimi, apha kancinane kungekudala kwixesha elidlulileyo, yathi, “Ndifuna ukubeka izandla phezu kwakho ukuze ukuyeke oko!”

Ndathi, “Musa ukuyenza. Musa ukuyenza. Hayi, mhlekazi.”

¹⁸⁰ Xana umisa oko, umisa uMyalezo. Umisa uThixo xana usenza oko. Ewe, mhlekazi. Asifuni nanye yoko.

¹⁸¹ Ingaba uThixo wavelana noMoses ngenxa yabo bonke ubuthathaka bakhe, wathi, “Usizana oluncinane olunguMoses, into ethile—into ethile eqinisekileyo eyenzekileyo kuwe, uyewawa kwisidanga sakho. Owu, bethu! Apha, ehe, wawuyindoda enkulu, eyingqondi, kwaye kwakungekho nto eyayiza kukumisa. Mzalwana, ubunazo zonke ezakho iiPh.D. kunye neeLL.D., nayo yonke enye into, kwaye ngoku naku ufika uvuma ukuba awuyonto, awunako ukwenza kwanto. Ubu—ubuthathaka ngolona hlobo”? Hayi! UThixo wayengavelani naye. UThixo akazange abe nosizi ngaye. UThixo wamphilisa ngoko kuyo yonke loo nto. Wayengenavelwano ngaye.

¹⁸² Kodwa sifumanisa ukuba, ukuba uyakubhala phantsi, i-Eksodus 4:14, “Umsindo kaThixo wavutha ngokuchasene naye.” UThixo wayengamsizeli kuba wayebuthathaka.

¹⁸³ Uthi, “Owu Nkosi, ndiziva kakubi kakhulu, andikholwa ukuba ndingakwazi ukuyenza.” UThixo akakusizeli; uziva ngokungathi angakukhaba ujikeleze kancinane kancinci. Yabona? Yabona? Ngokuqinisekileyo. UThixo akavelani nawe;

U—Uba nomsindo ngakuwe. Ungena nje esimeni ngoko apho Anokukusebenzisa khona. Ehe.

¹⁸⁴ UMoses uyaphiliswa, uThixo wayenokumsebenzisa. Wayenalo unyango, wayekude ukusuka kwizakhono zomntu ngoko. Wayengenanto awayenokuthembela phezu kwayo ngoko, kuba wa—wayesele eyilungele ngoko intsebenzo.

¹⁸⁵ UThixo wathi, “Iminyaka engamashumi amane apha ngaphandle Ndinani kunye noZipora nixambulwana kwaye niqhubeka nijikeleza ngaphandle apha kule ntlango, nokuba ungafumanisa ukuba kukho ubuthathaka bomntu okanye hayi, apho umi khona phezulu phaya njengenkosana enkulu, ‘Molo, Gqirha Moses. Molo kusasanje, Mfundisi, Mhlekezi. Ewe, mhlekazi. Moses, uyinkosana ezayo. Sonke... Sonke sicinga ngawe.’ Ngoku ulapha phandle entlango negquba lezimvu kunye nomfazi onomsindo omkhulu.” Yabona? Loo nto yamlungisa. Ewe, mhlekazi. UMoses ekwimo embi kakhulu, kodwa Wathi, “Ngoku Ndingakusebenzisa, xana uqaphela ukuba awuyonto. Ngoku yiza apha kweli tyholo elivuthayo, Ndifuna ukukuthumela ezantsi ngaphaya.” Owu, bethu!

¹⁸⁶ Thixo, siphe abanye ngakumbi bolo hlobo, siphe abanye ngakumbi ababuthathaka. Yiloo nto kanye esiyisweleyo, abanye ababuthathaka. Ngokuqinisekileyo!

¹⁸⁷ YayinguYakobi, niyazi. UYakobi wacinga ukuba wayengumfo omkhulu ngaxesha lithile, uyazi, wayenokuqhatha nje kwaye agqithe ngayo nantoni na. Waya wabeka iintonga zompopulari apho izimvu kunye neenkomo zikayisezala xana zazimithi, kwaye wazijika ukuba zibe namachokoza, kwaye waziphosela phandle ngolo hlobo xana zisiya emanzini ukuya kusela. Kwaye, into yokuqala uyazi, uYakobi waba yindoda enkulu. Ngokuqinisekileyo. Waye ngu... “Ngokwenene wayebizwa ngokuba nguYakobi, akukho mpazamo,” u-Esawu wathi, “waye ‘ngumqhathi’ kunjalo oko.” Ke wayengumqhathi. Wayesiza ehamba kakuhle, ezuzo, enemihlambi emikhulu kunye nabafazi nezimvu kunye neenkomo neenkabi, kwaye—kwaye yonke into, wayenayo yonke into.

¹⁸⁸ Kodwa ngobunye ubusuku (owu, bethu!) xana efika ezantsi kumlambo omncinane ngelinye ixesha, wayeza kuwelela ngaphesheya, wafika kwindawo leyo eyathi iNgelosi yambamba. Mzalwana, uYakobi omdala wabambeleva ubusuku bonke. Ngokuqinisekileyo wabamba ixesha elide. Kodwa xana ezinikezela ngokwakhe, xana esibabuthathaka kwaye akabinako ukubambeleva kwakhona...

¹⁸⁹ Owu Thixo, makhe ibandla libe ngolo hlobo, lifike kwi...ibandla lifike kwindawo apho lingakwaziyo ukubambeleva ngezakhono zalo zemvelo, kodwa limelwe kukunikezela kuThixo. Makhe amaWisile abe neentloni ngawo ukuba engamaWisile. Makhe amaBhaptizi kwaye makhe

amaPentekoste abe neentloni ngesiqu sawo, kwaye ayeke ukubambelela, aze azinikezele kuMoya.

¹⁹⁰ Kwaba ngoko apho uYakobi waba “yinkosana kaThixo.” IBhayibhile yathi waba “yinkosana,” kwaye igama lakhe latshintshwa. Yabona? Kwaye—kwaye, khumbulani, wayeyindoda enkulu eyomeleleyo *kweli* cala, ngokwasengqondweni enamandla; kodwa *kwelinye* icala wayeyinkosana eqhwalelayo, ebuthathaka kwaye ephelelwe, kodwa enamandla phambi koThixo.

¹⁹¹ Ehe, unga.. Umbutho wakho usenokuqhekeka ube ziziqwenga. Udumo lwakho ebumelwaneni, usenokuba “ngunomyayi wodidi lwakudala” ukusukela ngoko ukuya phambili, ebumelwaneni. Oko kunokuba kulungile. Kodwa ndiya kukuxelela, uyakuba namandla kunye noThixo. Kungangecono ukuba ndibe ngolo hlobo. Ndiya kuthabatha loo ndlela nanini na.

¹⁹² Abafundi babuya bevuyile ngokuba babonwabile ukuba babalelwa bekufanele ukuthwala ungcikivo lweMbhangi kunye noYesu. Ngokuqinisekileyo! Baya kukubiza “umqengqeleki ongcwele.”

¹⁹³ Phuma kuloo ndawo ngaxesha lithile, yiyeke yaphuke loo nto. Khululeka ukusuka kweyakho, “Ke, yithi, ndingumWisile,” okanye “UmRhabe” okanye “Ndingum-Assemblies,” “NdingowoBunye, ndilungile kanye njengoko nawe unjalo.” Kunjalo oko. Phuma nje kuloo nto kube kanye, yiyeke. Fumana konke . . .

¹⁹⁴ Vumela ingelosi ikubambe ngelinye ixesha, ingelosi yeNkosi leyo eyakukuzisela iNyaniso yoMyalezo. Mvumele akubambe ngelinye ixesha, uyakuzithoba kanye wehle ukuya kubhaptizo eGameni likaYesu, uyakuzithoba kanye ukuhla kuyo yonke enye Into. Ewe, uya kuyenza lonto, ngokuqinisekileyo uya kuyenza lonto. Ehe, uya—uya kuzilibala zonke ezi ngqondi.

¹⁹⁵ Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, omnye wabona bahlobo balungileyo abo ndinabo, umntu olungileyo, wathi kum, eshiya igumbi emva kokuba ndibe nodliwano ndlebe, washiya igumbi, wathi, “Mzalwana uBranham. . .” Kwaye lo mntu ubengomnye wabaxhasi bam bezimali kumhlangano phandle phaya. Ndafika kwindawo apho bendingazi ukuba yeyiphi indlela endiya kuyenza ngayo iqhubeka loo nto, ndithembele nje kuThixo; lo mntu ubeyibhala nje iphele lonto. Ewe, nje umntu olungileyo! Kwaye lo mntu ubethabatha uhambo kwaye uvela kwisixeko esikhulu, apha kubusuku obumbalwa obudlulileyo, kwaye uyewama egumbini waza wathi kum, ngolunye urhatya, wathi, “Mzalwana uBranham,” wathi, “Ndifuna nje ukuthetha into ibenye.” Wathi, “Akukho mntu kuphela lowo okuthandayo endimaziyo.”

Ndathi, “Ndonwabe kakhulu ngaloo nto.”

196 Wathi, “Mzalwana uBranham, kunento enye nje, into enye engalunganga.”

Ndathi, “Yintoni leyo, dade?”

197 Wathi, “Ke, into enye yile, Mzalwana uBranham, ukuba unokwenzelela nje kancinane kuleMfundiso unayo,” wathi, “wonke umbutho uya kukwamkela.”

198 Ndayibona kanye ngoko, ndacinga...ndathi, “Eyiphi iMfundiso, dade?”

Kwaye wathi, “Owu, olwabhaptizo eGameni likaYesu.”

199 “Owu!” Ndathi, “Kodwa, dade, ubungenakundilindela ukuba ndenzelele ngeLizwi likaThixo kwaye nangoko ndibe sisicaka sikaThixo.”

200 Kwaye wathi, “Ke, apha, kukho igquba labalungiseleli abo endilapha ukuzobamela ukuphuma kwesi sixeko sikhulu.” Wathi, “Ukuba uya kubaxelela ukuba iNgelosi yeNkosi leyo ekunika le mibono ikuxelele ukuba ubhaptizele eGameni likaYesu, ngoko bakulungele ukuYamkela.”

201 “Ke,” ndathi, “amava abo abuthathaka kunamanzi okuhlamba izitya!” Ndathi, “Andikhathali nokuba na nayiphi na ingelosi iyakukutsho, ukuba loo nto ayingokweLizwi andiyikholwa!” Ndathi, “Ukuba laa ngelosi yayindixelele into eyahlukileyo ukusuka kuLeya, bendingayikuyikholwa ingelosi.” Kunjalo! ILizwi likaThixo lelokuqala, ngaphezu kwazo zonke iingelosi nayo yonke enye into! INgelosi yokwenyani... Ndathi, “Ukuba ibingandixelelanga Oko, bendingayi kuyiphulaphula.” Ewe.

202 Inenekazi lalingazi ukuba lenze ntoni na. Lathi, “Andizange ndeva ngento enjalo. Andizange ndazi malunga naYo.” Yabona, nantso ke. Ke ndanika inenekazi elincinane iSibhalo esithile. Kwaye lathi, “Ndibuyela ekhaya ngqo ndize ndifunde iTestamente eNtsha. Andizange ndaYifunda.” Yabona, nantso ke. Owu, bethu! Owu, bethu! Kulapho ufika khona. Owu, bethu!

203 Yeka ukuzama ukubambelela. Yiyeke! Yiloo nto ofuna ukuyenza: yiyeke. UYakobi, xana wayekayo wayelungile, waba yinkosana waba namandla kunye noThixo.

204 YayinguDavide *omncinane* enxibe ibhatyi yakhe yobucawa kaSawule, lewo waphumayo ukuya—ukuya—ukuba alwe noGoliyati. Kwaye xana uDavide eqalisa phaya ukulwa noGoliyati kunye naso sonke esi sikrweqe sikhulu esinxibile, wabhekabheka, wakhangela ngasemva, wayekhangeleka efana nabo bonke abanye, ke wathi, “Kukho into engalunganga apha.”

205 Okoko nje usafana nehlabathi kwaye usenzelela kunye nehlabathi, kwaye usenza kwaloo nto inye ihlabathi liyiyo, kukho into engalunganga.

206 UDavide wathi, “Oku kubonakala kunqatyiwe kakhulu. NdinesiDanga sobuGqirha, ndinePh.D. Yabona, ndingowombutho omkhulu, ndingathini ukuya kulwa ngazo zonke ezi zinto? Andazi kwanto malunga nazo. Andazi nto malunga nazo!” UDavide wathi, “Susani izinto kum.” Kulungile oko. “Ukuba ndiya kulwela uThixo andifuni kukhangeleka njengeligquba lamagwala limi apha, bonke bexhobile kwaye begqobhozile. Andinako ukuba nomhlangano . . .”

207 Uninzi lwemihlangano, uninzi lwamadoda, uninzi lwabalungiseleli abo abeza kum kwaye bevuma ukuba bayakholwa ukuba iGama likaYesu Kristu lilungile ukuba ubhaptizelwe kulo, kodwa bathi, “Umbutho wethu uyakusikhuphela ngaphandle.” Ukuzithethelela kwakho okuhluphekileyo! Khulula isikrweqe sikaSawule!

208 Ndinike amandla kunye nokomelela koMoya oyiNgcwele! Thixo, ndithumele kunye nesilingi, akukhathaliseki nokuba yintoni na (incinane kangakanani na), lubethe utshaba luwe phantsi. Yinyani leyo. Ndithume, kodwa ungandivumeli ndinxibe njengabo bonke abane L.L., Ph.D., ooGqirha, lonke olo hlobo lwento.

209 UDavide wathi, “Into ayikhangeleki ilungile.” Wathi, “Andazi nto malunga naloo nto.” Wathi, “Inye kuphela into endiyaziyo, leyo ndinayo leyo ndi . . . Emva kwicala elingasemva lentlango bendilusa izimvu zikabawo.” Kwaye wathi, “Ingonyama yangena yaze yabamba imvana encinane yaze yabaleka nayo, kwaye ndayazi ukuba leyo yayiyimvana kabawo, kwaye, owu, ndi—ndi—ndingu . . . ndandingaxhotyiswanga, kodwa ndathabatha nje isilingi sam kwaye ndalandela emva kwayo.” Wathi, “Ndayibulala kwaye ndayibuyisa imvana.” Owu, bethu! Bona bemi phaya, umkhonto esandleni sabo, babengenakuyenza loo nto.

210 Yiloo nto eyinkathazo namhlanje. UThixo unezimvu ezininzi ezo zibhadulayo, iimibutho kunye nezinto zibabile, zabazisa kufundo lwengqondo. Thixo sinike ooDavide kunye neLizwi likaThixo namandla kaThixo, ukuyelathisa xana sisiya kuhlangana nezi ngqondi zengxilimbela (Kunjalo!) nazo zonke iiPh., LL.D.’s, Q.U.S.T.’s, okanye nokuba yintoni na enokuba yiyo. Ndinike iLizwi likaThixo kunye namandla woMoya oyiNgcwele kwaye, ndiyakuxelela, singabulala yonke ingxilimbela ekwithafa ledabi. Kulungile! Siswele amadoda lawo anako . . .

211 Ngokuba, uDavide wayesesona sizathu siphantsi esasikhona ethafeni ledabi, ukuya kulwa nengxilimbela. Yena, ngokuba, wa—wayengeyonto ngaphandle kwenkwenkwe nje. Kwaye iBhayibhile yathi waye “bomvurha,” umfo omncinane omdala okhangeleka ekrwada, mhlawumbi onamagxa agobileyo, isiqwenga sefele lwemvu sisongelwe ukujikela

kuye. Wayengenazo ezi zidanga zikhulu zobukrelekrele kunye noqeqesho olululo. Wayengazi kwanto malunga nekrele. Wayengazi nto ngalo lonke olu qeqesho olo uSawule...

²¹² USawule wayengoyena ungcono ababenokuba naye, uBhishophu uSawule. Ngokuqinisekileyo, wayeyintloko kunye namagxa ngaphezu kwawo wonke umkhosi. Ngokuba, yayi—yayinguye owayefanele ukuya aze alwe naye, kodwa wayesoyika.

²¹³ Kwaye namhlanje siyazi ukuba siswele imvuselelo. Siyazi ukuba siswele ukuvuselela phakathi kwabantu. Ayinakuthabatha uGqirha woBungcwele. Iya kuthabatha ubuthathaka (Haleluya) oko kuyakuthabatha iLizwi likaThixo emandleni ovuko lukaKristu lize liyibulale le nto. Liyakuzisa uKristu elizweni kwi... libavumele babone ukuba Usenako ukuwavula amehlo eemfama, ukuphilisa abagulayo, ukuvusa abafileyo, kwaye UnguThixo, uMeyisi! Amen. Siswele uDavide, ongaqeqeshwanga kwizikolo zakwalizwi, siswele indoda engazi nto malunga naloo nto, inkwenkwe encinane yekhuba okanye into ethile, umfo othile omncinane namagxa akhe agobileyo, ekungekho nto ingako inokukhangelwa kuye, oya kuza esihla ehamba endleleni kunye namandla kaThixo.

²¹⁴ Umama wayesifa, wathi, “Billy, ndiyendakuthemba kwaye ndakukholwa. Ubungamandla am okomoya, undikhokelele kuThixo.”

²¹⁵ Ndathi, “Mama, xana ndandiyinkwenkwe... Imvelaphi yethu, kakade, ubu-Irish, besiluhlobo lokungqiyama kancinane kubuKatolika.” Kwaye ndathi, “Ibandla latsho ukuba—ukuba babe—babengumzimba wabantu, babenayo yonke into, yonke into ababenza yayilungile. Andizange ndikukholwe oko, kuba amaLutere athi, ‘Singumzimba wabantu, sinako konke.’ AmaBhaptizi athi, ‘Singumzimba, sinako konke.’ Baninzi kakhulu, kukho malunga namakhulu alithoba emibutho eyahlukeneyo.” Ndathi, “Mama, andizange ndikwazi ukubeka ithemba kulonto, ngowuphi kuyo olungileyo?”

²¹⁶ Ndaza ndafumanisa, ndithetha oku ngokuthobeka nangobumnandi, kodwa ndiyakholwa akukho namnye wayo olungileyo. Kunjalo oko. Ndibuyela emva kwiLizwi likaThixo, ndalibona loo nto Layenzayo emva phaya. (Kwaye ngoko, Thixo, makhe sibuyele sonke emva phaya.) Kwaye kunye nobuthathaka, kwaye hayi inkxaso yombutho, hayi inkxaso yamahlelo, hayi inkxaso yesimo sobucawa, kodwa ebululeni nakumandla kaMoya oyiNgewele lowo owawa ngePentekoste, ngomyalezo okwamnye nalowo uPetros wayenawo ngoMhla wePentekoste, “Guqukani, nonke ngabanye, kwaye nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu.”

²¹⁷ Awuyi kubotshwa njengegquba laba befundisi bezakwalizwi, ngekholo yakho ejikiweyo kunye neZidanga zobuGcisa. Kodwa, mzalwana, uyakuba nento esandleni

sakho, kwaye okoko nje uMoya kaThixo uyakungena kwela Lizwi Liyakoyisa kwaye lizibuyise ezo zimvu zilahlekileyo ezo zibhadulayo. Amen! Sivume ubuthathaka bethu! Lahla iMfundiso yakho yobuNgcwele! Lahla ukwazi kwakho konke, ubulungu bakho! Zihlube ngokwakho phambi koThixo, ngokuthetha kwasemoyeni, kwaye uzibize “ngongafanelekanga!” Ngoko uThixo angaya ekukusebenziseni. Musa nje ukuyithetha ngokusuka emlonyeni wakho, yizise isuka entliziyweni yakho.

²¹⁸ UYakobi, uDavide, banyanzeleka ukuba bazihlube. Wayengoyena ubuthathaka phakathi kwesihlwele siphela.

²¹⁹ Cinga nge, mhlawumbi, ishumi lamawaka okanye ikhulu lamawaka amajoni aphezu kwenduli. Bonke babeqeqeshiwe, ngamnye kubo ene Ph.D., ngamnye kubo benemikhonto, babengamajoni. Ngamnye kubo wayenguCorporal *Nje-na-nje*, Private *Nje-na-nje* (nkqu nakwabaBucala), uNjengele *Nje-na-nje*, Lieutenant *Nje-na-nje*. “Omkhulu weenkwenkwezi ezine uNjengele uSawule, uBhishophu, ewe, Mhlonitshwa, Mhlekazii!” Wonke ubani emi phaya, amadoda aqeqeshiweyo.

²²⁰ Kwaye utshaba lumi phezu kwenduli, lwathi, “Nina gquba ndini lamagwala.” Owu!

²²¹ Kwaye phezulu enkampini kweza omncinane, onamagxa agobileyo, (Owu Thixo!), umfo omncinane okhangeleka ebomvurha, isilingi esincinane ngasemqolo wakhe, ephethe ipayi yerasentyisi esandleni sakhe ngenxa yomzalwana wakhe. Kwaye laa ngxilimbela yaphuma kwaye yayisenza ukukhwaza kubekanye rhoqo. Wathi, “Nifuna ukundixelela ukuba nina gquba labafundi abaqeqeshiweyo apha niyakuma phaya kwaye nivumele laa mFilsti ongalukile adelele iLizwi likaThixo ophilileyo?” Amen! Wathi, “Niyamoyika kusini na?”

²²² USawule wathi, “Ukuba uyakufuna ukuya, yiza apha. Ndiya—ndiya—ndiya kukuthumela esikolweni iminyaka engamashumi amabini ngoku, kwaye ndiya kukufumanela i—iPh.D. Ndiya kukuxelela into endiya kuyenza, ndiya kukunika isidanga sam.”

²²³ Wathi, “Thabatha lento uyisuse.” Owu, bethu! “Andifuni kwanto yakwenza nayo.” Wayefuna ukuthembela kuThixo. Wathi, “Ndiyazi ukuba yintoni uThixo awayenzayo ngenxa yam ngale nto, kwaye ndikulungele ukuthembela kuThixo ebusweni bayo nantoni na ngayo.” Amen! Lawo ngamava omKristu.

²²⁴ Nkqu noSawule, xana kwafuneka akhulule isikrweqe sakhe, wakhulula isikrweqe senkonzo, wenza njengoko uDavide wenzayo. Kodwa xana uSawule efika ekupheleni kwendlela, wathi, “Ndiwuzamile umzamo omhle.” Olo yayilutshaba lokugqibela ukuloyisa. “Ndiwuzamile umzamo omhle, ndilufezile ugqatso lwam, ndilugcinile uKholo. Ukususela ngoku ukuya phambili kunesithsaba endisibekelweyo, eso

iNkosi, uMgwebi olilungisa, eyakundinika sona ngaloo mini.” Wathi, “Hayi mna kuphela, kodwa nabo bonke abakuthandayo ukubonakala Kwakhe.”

²²⁵ Ukufa okudala kwathi, “Kodwa ndiya kukufumana kwimizuzu nje embalwa.” Kwaye ingcwaba lathi, “Ndiya kukubumba ngaphaya ngaphandle.”

²²⁶ Wathi, “Owu kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Ndiyazi ukuba ndilele apha kule ntolongo yamaRoma, ndibotshwe ngamatyathanga, izihlahla zam nezandla, kwaye ndi—ndinemivimbo engamashumi amathathu anethoba ukunqumla umqolo wam. Ndilapha neenyembezi zigwele amehlo de ndingabi nakubona kwakhona. Andiboni ngeliso lam lenyama, kodwa ndiyasibona isithsaba sobulungisa sibekiwe ngaphesheya. Amaqatha am aphelele. Ndiwe kakhulu ukusuka kwisonka esidala esibunjiweyo abasiphose apha ngaphakathi, kwaye iimpuku ziye zabaleka phezu kwam, kunye nezigcawu nezinto, ndade ndabuthathaka.” Kodwa wayenokuma ebusweni bokufa aze athi, “Luphi ulwamvila lwakho? Ngcwaba, luphi uloyiso lwakho?” ngamatyathanga eshukuma ezandleni zakhe. Haleluya! (Yiloo nto kanye esiyiswelelo.) “Ngcwaba, luphi uloyiso lwakho?”

Ingcwaba lathi, “Ndiyakukubolisa, Pawulos.”

²²⁷ Wathi, “Kodwa makubulelwe kuThixo, sele ndilufumene uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu.”

²²⁸ Xana wayebuthathaka, obakhe—obakhe ubucawa, obakhe... onke amasiko akhe ayenyibilikisiwe ukusuka kuye. Onke amaphepha akhe okumiselwa ayethatyathiwe ukusuka kuye. Wayengasenguye owe-Assemblies kwakhona, okanye i... nayiphi na kuzo. Yabona, wayengenguye owayo nayiphi na kuzo kwakhona. Wayethethe kakhulu nxamnye nabo bade abo bhishophu babe... bathi, “Ufuna ukundixelela indoda etsala amashumi amabini eminyaka kwintolongo yamaRoma phaya phezulu kwaye ingasixelela ukuba singabavumeli abafazi bethu bashumaye? Huh! Musa ukusixelela oko,” wathi, “sazi ngcono. Ngubani laa mfo uphaya phezulu, kakade, usixelela ukuba senze *oku, okuya* okanye *okunye*?” Wathi, “Siyayazi into esiyenzayo.”

²²⁹ “Ehe,” uPawulos wathi, “kukho amadoda avukayo kanye phakathi kwenu, ayakuqala umbutho kungekudala, avuke kwaye emke esuka eluKholweni ngolo hlobo, engenawo uMoya kaThixo.” Wathi, “Sele ephumile ukusuka phakathi kwethu kuba ebengengabo abethu.”

²³⁰ Kwaye, yintoni, yenzekile loo nto? Yiza kanye kwibandla lamaKatolika; ukusuka kubuKatolika ukuya kumaLutere; kwaye ukuhla ukuya kweyokugqibela, i-Assemblies of God, into efanayo, isenza kwaloo nto inye.

Ngalo lonke ixesha, yinto enye!

²³¹ Kodwa, owu, kwindoda okanye kumfazi lowo obuthathaka ngokwaneleyo, lowo obuqaphelayo ubuthathaka bakho, lowo oyakumvumela uThixo akusebenzise! Ndiqhubeka nje ndithetha, ndiqikelela ukuba ndithetha ixesha elide.

²³² Ngoku, yayiyintoni leyo? Ngoku, wayengu... uDavide wayengoyena mntu ungafundanga kwigquba. Wayengenamfundo yakulwa, wayengazi nto malunga naloo nto. Ke wayengenamfundo yalo nalinye yeli dabi elalibekwe phambi kwakhe, kodwa waqaphela ukuba kwakukho uThixo. Kwaye wathabatha eyona nto ibuthathaka; babenemikhonto, izikrweqe, izaphetha, nayo yonke enye into, kwaye uDavide wayenesilingi esincinane kunye nelitye kuso. Kodwa, yabona, wayeyazi into awayenokuthembela kuyo. Wavuma ubuthathaka bakhe, kodwa ukholo lwakhe kuThixo.

²³³ Wathi, “Andifuni ikhaka phezu kwam ukuba ndingangqubani nanto. Andifuni ukufika phezulu phaya, ndithi, ‘Ngoku, ingaba bazalwana niya kusebenzisana nam? Ndingowe-Assemblies, ndingowamaRhabe, ndingumWisile, ndingumBhaptizi, ingaba bazalwana niya kusebenzisana kunye nam?’ Andifuni kwazi nanye yezo zinto. ‘Apha, ndiya kunibonisa epokothweni yam, ndinesidanga sam. Ndisandula nje ukufumana isidanga sam soBugcisa. Ndisuka kwiYunivesithi ka *Nje-na-nje*, ndandi—ndandifundiswe phezulu phaya. Ndifumene ke. Owu, ndiyakwazi ukuthetha! Ndi *koku, okuya*, okanye *okunye*.” Wayengafuni nanye yezo zinto!

²³⁴ Konke ebekufuna, wathi, “Ndifumene ithemba lam kuThixo kwaye naku ndiyaya.” Yiyo leyo. Kwaye ingxilimbela yehla. Kunjalo oko.

²³⁵ Yiloo nto esiyisweleyo namhlanje, mzalwana. Sidinga, namhlanje, amadoda afana noDavide, hayi amava asedyunivesithi.

²³⁶ YayinguMikaya omncinane, uMikaya omncinane, unyana ka-Imla, olihlwempu, owaliweyo, olahlewe ngaphandle kwawo onke amahlelo ngenxa yokuma kwakhe kwenyani ngenxa kaThixo. Kodwa phaya kweza umfo wakwaThixo ngaxesha lithile, wehla, ogama lingu Yehoshafati, kwaye wathi phaya, “Ndifuna ukwazi iLizwi lenyani likaThixo.”

²³⁷ USawule wathi, “Ndinamakhulu amane angcono owakhe wabazi.” Wathi, “Bonke banezidanga zabo, bonke baqeqeshwe phezulu apha esikolweni.” Wathi, “Ngokuba, bangabona bashumayeli bangcono owakhe wabeva.” Wathi, “Ndiya kubazisa kanye phandle kwaye siya kubuzisa iNkosi ngenxa yakho.”

²³⁸ Kodwa ngoko waphuma phaya waze wakhangela ngeenzaxonke, uYehoshafati wathi, “Ehe, ndiyamva lo ethetha *okuya*, kwaye ndiva nalo eyitsho, kodwa,” wathi, “ingaba ninaye omnye? Awunaye omnye?”

239 UThixo wayeya kuzisa umyalezo kule ntliziyo yokwenyani. Kwakukho omnye kuphela kubo emi phaya, kodwa uThixo ubenendoda ngenxa yalowa. Amen. Ukuba kukho intliziyo enye kuphela yokwenyani, ndaweni ithile uThixo unendoda ngenxa yakhe. UYehoshafati wayeyindoda yokwenene, ukumkani owayemoyika uThixo, kwaye wayenoluvo ngokwaneleyo ukuba azi ukuba umyalezo wabo wawungalunganga. Wayesazi ukuba wawuchasene neLizwi, amen (Owu, Mzalwana uNeville!), uYehoshafati wakwazi oko.

240 Wathi, “Ke, ndi—ndiye ndehla yonke irekhodi, itshati apha kwesi sikolo sabefundisi, ndibafumene bonke ngabanye balapha phandle.” Wathi, “Ke, khangela apha, lo une . . . ke, khangela izidanga anazo. Khangela lo apha,” uthi, “khangela—khangela izidanga ezo anazo. Khangela uZedekiya apha, uyintloko yako konke oku. Ngokuba, ungubhishophu, uphezu kwethu sonke. Ngokuqinisekileyo uya kulithabatha ilizwi lakhe!”

UYehoshafati wathi, “Ehe,” wathi, “Ndi—ndi—ndi . . .”

241 “Ke, khangela, khangela, bonke abanye bayavumelana kunye naye. Bonke bayimbumba enye enkulu! Kwaye awukwazi ukuthi abangawo amaHebhere. Awungekhe uthi asingabo abaprofeti, nasi isidanga esingqina ukuba bangabo.”

242 UYehoshafati wathi, “Ehe, ndi—ndi—ndiyazi, Ahabhi.” Wathi, “Oko—oko kulungile konke, kodwa . . .”

243 Wathi, “Uyintoni . . . Uya kundibuza njani ngokungakumbi? Naso sonke isikolo sam! Kukho yonke imibutho ndawonye.”

244 “Kodwa ingaba awunaye omnye lowo ongenguye owelaa qela? Akasekho omnye, ndaweni ithile?”

245 “Ke, wayeya kuba yintoni? Uya kuba ngumntu ongafundanga ongafundanga! Ke, yintoni oyifunayo kunye nomfo ololo hlobo?”

246 “Kodwa—kodwa ndiyabuza nje, ingaba awunaye omnye, ndaweni ithile?”

247 “Owu,” wathi, “ehe, ukho omnye onjalo.” (Phaya, owu, ndiyambulela uThixo ngaloo nto!) “Kukho omnye onjalo, kodwa,” wathi, “Ndimthiyile. Kwaye nabo bonke abanye bamthiyile, ngokunjalo.” Wathi, “Samkhaba, kwaye bamkhabela ngaphandle kuloo mbutho, ngamnye kubo.” Wathi, “Wehla weza apha ukuza kuba nomhlangano, samkhuphela ngaphandle kwedolophu. Ewe, mhlekazi. Asiyikuba nanto yakwenza kunye naye. Ke,” wathi, “ubuthathaka, kwaye uphuma kusapho oluhlupheka kakhulu. Igrama yakhe iyoyikeka.” (Uh-huh, njengoMoody, uyazi.) “Ehe, igrama yakhe iyoyikeka.” Kwaye wathi, “Ngokwenene, ngokwesifundiswa senkolo, ungoyena mntu ulihlwempu ndakha ndeva ngaye. Andizange ndeva nantoni na enjengaye. Owu, lula nje uchitha isiko labo. Ngokuba, iMvumo nkolo yabo yabaPostile iqwengwe

yaziziqwenga nguye. Andizange ndeva ngento enjalo! Owu, usuka nje ayiqwenge loo nto, baze bamthiya kwaye nam ndimthiyile, wonke umntu umthiyile.”

248 “Owu,” uYehoshafati wathi, “makhe angatsho njalo ukumkani, kodwa ndingathanda ukumva.” Wayeyazi into u-Elisha aya kuyithetha! Wayesazi ntoni.

249 UThixo wabagqitha bonke abakhulu, abomeleleyo, abashumayeli abazingqondi, kwaye wabeka uMyalezo Wakhe kumfo omncinane lowo wayebanga ukuba akazi kwanto. Kodwa yintoni ayenzileyo?

250 Bamnika uvavanyo, kwaye bathi, “Ngoku, uthetha into enye naleyo abayenzileyo.”

Wathi, “Ndiya kuthetha loo nto uThixo ayakuyibeka emlonyeni wam, kuphelele apho.”

251 Wathi, “Ukuba ufuna ukomelela ngoku, khumbula nje ulu...ulu—uluhlobo oluphumileyo kulungelelwano apha, nkwenkwe. Khumbula, ukhatyelwe ngaphandle kulaa mbutho. Basenokuphinda baqwalasele ubudlelwane bakho ukuba nje uvumelana nabo ngeli xesha lengxaki enje. Sonke silungiselela ukuba nephulo elikhulu,” wathi, “ukuba uyavumelana nje kunye nam.”

252 Wathi, “Andisayi kuthetha nto ngaphandle kwaloo nto uThixo ayithethileyo!” Ukwenzelela, ungalindela indoda yakwaThixo ukuba yenzelele ngeLizwi likaThixo? Hayi, mhlekazi, musa ukuyibeka kuye.

253 Wathi, “Kodwa ubuthathaka. Uphuma kusapho oluhluphekayo. Ngokuba, uyazi ukuba yintoni, basenga . . .”

“Andikhathali nokuba benza ntoni.”

254 “Ke, baya kukuthabatha ukusuka kwilizwe ukuya kwilizwe ngenqwelomoya. Bayakwenza nantoni na, yabona, ukuba u—ukuba uye nje . . .”

255 “Hayi, hayi. Ndiya kuthetha kuphela oko uThixo akubeke emlonyeni wam.” UThixo waligqitha lonke elaa gquba, (ewe, mhlekazi, ukuma kwakhe kwenyani kwakwenza oko) wagqitha kumakhulu amane kwaye wamnika u-ITSHO INKOSI!

256 Ngoko ingaba bakholwa yiLoo nto? Hayi, mhlekazi! Bathi, “Lowo asingo-ITSHO INKOSI, isikolo sethu sakwalizwi alizifundisi izinto ezilolo hlobo. Ke, nanku ubhishophu wethu, sele elithethile ilizwi, wabhala isiko. Sonke sihlanguana kunye,enze izikolo zethu. UThixo ukunye nathi! Yeyiphi indlela ahambe ngayo uThixo ukusuka kuthi xana Esiya kuwe?”

Wathi, “Uya kubona, ngelinye ixesha.” Uh-huh, kunjalo oko.

257 Wayeyintoni? Wayebuthathaka, kodwa wayengoyena womeleleyo phakathi kwabo. Ngokuba? Ngokuba wayeneLizwi leNkosi. Owu, mzalwana, ngowuphi umahluko ewenzayo

malunga ne...nantoni na eyenye okoko nje uno-ITSHO INKOSI?

²⁵⁸ “Uthi, Mzalwana uBranham, ukuba unokwenzela eGameni likaYesu ngenxa yobhaptizo, ke, siya kuba nomhlangano omkhulu eChicago okanye ezi ndawo ezinje ngale.” Huh! Ucinga ukuba wenza oko? Andikhathali nokuba kuphi na apho nihlangana kunye, yintoni na eniyenzayo, mzalwana, hlala no-ITSHO INKOSI.

²⁵⁹ Ndifuna abanye babo beze bandixelele ukuba kuphi apho Oko kungalunganga khona. Ndibonise eLizwini likaThixo apho Oko kungalunganga khona. Ehe. Abayi kuyenza loo nto. Hayi, mhlekazi. Kodwa ngu-ITSHO INKOSI! Hlala naLo, ukuba bonke ngabanye bayakukhaba. Andikhathali nokuba uba buthathaka kangakanani na, “Ngoko ke ndiyomelela.” Xana bendikhabela ngaphandle, uThixo uyakundigenisa. Uh-huh, ehe. UThixo...Bakukhabela ngaphandle, uThixo uya kukundigenisa.

²⁶⁰ Khumbulani, ngabangacocekanga abo uThixo ahlala ebachola, abantu abangeto. Ngoko Ubenza *abantu abathile* ngenxa Yakhe. Usenokungayazi lonto kobu bomi, kodwa iyakubakho kobo buzayo; yabona, yiyo leyo.

²⁶¹ Kwaye wamnika u-ITSHO INKOSI, kuba kutheni? Wahhlala kunye neLizwi. WayenoMyalezo olungileyo. UThixo wamnika umbono. Abanye babo babengenambono. Yabona? Wayenombono. Ngokuba? Ngokuba wahlala kunye neLizwi. Phaya kulapho sabona khona imiqondiso kunye nezimanga. Ngokuba...Abanye benza ngokufanayo naLo, kodwa wahlala kunye neLizwi. Ngoku makhe sikhawuleze.

²⁶² U-Eliya, kuxana ibandla lakhe lalimkhuphele ngaphandle laze lamshiya ngenxa yehlabathi langoku. Ndiyacingela ukuba u-Eliya wayebarhuqele phezu kwamalahle. Ingaba awucingeli njalo? Uyazi ukuba u-Eliya wayeyintoni na. Ndiyacingela, kulungiselelo lwakhe ekuqaleni, wema phaya waze wathi, “Ngokuba, nina bafazi nizama ukufana neNenekazi lokuQala,” ezo bhonethi, uyazi, “UNKosazana uJezebhele! Nina bafazi bangoku, nifana neNenekazi lokuQala lelizwe, ninxiba njengaye, nisenza njengaye. Nina bashumayeli!” Owu, bethu, indlela awabarhugula ngayo! Kwaye bonke baqhubeka besiwa kwade kwangabikho mntu.

²⁶³ Kwafuneka ukuba afikelele esiphelweni sendlela yakhe ngoko. Kwakungasekho mntu uya kuphinde asebenzisane kunye naye kwakhona. Akukho nalinye lamabandla elalisebenzisana kunye naye. Lonke ibandla lakhe lamshiya, labuyela emva kwihlabathi (njengoko linjalo ngoku), kunjalo oko, labuyela emva laqhubeka kwihlabathi. Nje abambalwa kakhulu ababambelela, omnye apha kunye nomnye phaya, usuka kude ukunqumleza ilizwe apho umelwe kukuya ukuze umbone, na

njalo njalo. Wayekwimo embi kakhulu, wayefikelele esiphelweni solwazi lwakhe.

²⁶⁴ Wathi, “Nkosi, ndema kwiLizwi Lakho, ndaxela iNyaniso. Kwaye bebonke bemkile, akusekho mntu ushiyekileyo apha. Andinaye, nkqu andinamntu endinokushumayela kuye.” Amen. “Ewe, ndema eLizwini Lakho, Nkosi, kwaye ngoku khangela apho ndikhoyo ngoku, akukho namnye kubo oya kundamkela. Ndiya edolophini, bathi, ‘Nanko esiza loo omdala ongenangqondo. Ehe, ehe, nanko loo omdala ongenangqondo esiza edolophini, ngoku uyakuqala aqhube—aqhubele phambili malunga nale yokuphila kwangoku nayo yonke into.’”

²⁶⁵ “Musa ukuba naye! Malusi, musa ukusebenzisana nalaa mfo! Hayi, mhlekazi!”

²⁶⁶ Malusi, “Ngoku laa mbaxi mdala usedolophini kwakhona. Yabona, laa Eliya ngaphandle phaya, umfo omdala onempandla. Musa ukunikela ingqalelo kulaa mfo omdala. Mkhangele, akanxibi nkqu nanjengomfundisi kunye nempahla yakhe yobubingeleli njengeyam (umnqwazi wakhe, uyazi; kwaye umi ngaphambili, kunye nekhola ijikele, uyazi).” Wathi, “Akayenzi. . .” Wathi, “U—u. . . bona. . . uluhlobo olwahlukileyo. . . U—ungumfo ongaqhelekanga.”

²⁶⁷ Kwaye ndiyacingela ukuba abanye baba bafo bakhulu bathi, “Uyazi yintoni? U—ungumntu oxinzelelekileyo ngokwengqondo. Uh-huh, ewe, u—ungumntu oxinzelelekileyo ngokwengqondo, uphila ngaphandle phaya entlango, uhlala ngaphandle ematyholweni ixesha lakhe elininzi, ungena kunye nesiqwenga sofele lemvu sisongelwe sajikela kuye. Owo, bethu! Kwaye ngoko ugweba abo bafazi! Andizange ndiyibone into enjalo. Musa uku. . . musa—musa—musa akubananto yakwenza kunye naye, konke konke! Musa ukusebenzisana!”

²⁶⁸ Ke, umbutho wobulungiseleli uyewahlanganisana ndawonye, uyazi, wathi, “Musa—musani nina nonke ukuba nayo nantoni ku. . . Mkhululeni, ekugqibeleni uyaku. . . uya kufika esiphelweni solwazi lwakhe. Myekeni—myekeni akhuphele obakhe ubuchopho ngaphandle. Kuphelele apho, myekeni.”

²⁶⁹ Kodwa u-Eliya omdala, ehamba kanye enyanisile kunye noThixo, (Bethu, bethu.) wahlala kanye kunye neLizwini. Babeya kuba nomhlangano omncinane ezantsi phaya, kwaye wayekhangela ukunqumleza kwizihlewe, athi, “Nonke nina booJezebhele!”

²⁷⁰ “Owu, isibindi esingako! Andisoze ndiphinde ndiye kuva laa ndoda kwakhona! Hayi, mhlekazi, andiyi kuba nayo nenyel!”

²⁷¹ Loo nto ayizange immise, wahlala kanye phaya nje ngokufanayo. Xana elahlekelwa libandla lakhe, xana elahlekelwa lelakhe. . . onke amahlelo abanxamnye naye, kwakungoko (xana wababuthathaka) wathi, “Ndim kuphela oseleyo, kwaye bafuna ukundibulala.” Wathi, “Bangandidubula

ukuba banokudlula ngayo lonto.” Uh-huh. Yabona? “Kodwa ndi. . . Bafuna ubomi bam. Kwaye ndim kuphela oseleyo, Nkosi, yintoni endinokuyenza?”

²⁷² Kwaku ngoko, xana wababuthathaka (nangoko emi ngenyani, evuma ubuthathaka bakhe nezinto zonke), ukuba uThixo wathi, “Yiza nyukela entabeni, Ndiya kukunika umyalezo omtsha. Ndiya kukuthumelela umyalezo omtsha ngoku. Sele ndikuxelele, ‘Hamba uzigwebe ezi zinto,’ ngoku Ndizakukuthumela emva kunye nento ethile ukungqina ukuba Yayilungile.” Wathi, “Wenze umsebenzi omhle, Eliya. Ubaxelele ngeNenekazi lokuQala, nayo yonke loo nto, kunye nendlela abenze ngayo. Ugwebe u-Ahabhi nazo zonke izinto zakhe zangoku nawo onke amabandla angoku, kwaye sabaxelela abo bashumayeli apho bengabakhona. Wawungumzekelo. Wema phaya ngaphandle kwalo naluphi na uncedo, nawuphi na umbutho, nantoni na emva kwakho, kodwa wahlala kunye neLizwi laM. Ngoku ndiza kukunika into ethile. Yihla uye phaya uxelele laa mhanahanisi, ‘ITSHO INKOSI! Akusayi nkqu nokuwa nombethe ukusuka eZulwini ndide ndiwubize.’” Bethu! Bethu! Wamthabathela phezulu encotsheni yentaba ukuze ambonise okuthile!

²⁷³ Owu, ndiyambona ngaloo ntsasa, esiza, esihla ngaloo ndlela yamaSamariya. Wayengakhangeleki kakhulu, ngokuqinisekileyo, loo ntloko inempandla ikhazimla elangeni, iinwele ezingwevu namabhovu ejinga engqonge ubuso bakhe, isiqwenga sefele lemvu. IBhayibhile yathi waye “noboya,” egcwele uboya konke kuye, ndiyacinga ukuba wayekhangeleka edlakadlaka; laa ntonga incinane indala esandleni sakhe, kunye naloo mehlo mancinate madala ekhangele kanye esibhakabhakeni, ehamba esihla ngendlela. Kwaye wena. . . yena. . . Ndiyaqikelela ukuba wenza njengoneshumi elinesithandathu leminyaka ubudala xana wayemalunga namashumi asibhozo. Nanko wayesiza, ehamba esihla ngendlela, kanye esinge ngqo eSamariya. Mzalwana, wayegqibile enziwe womelela ngoko ebuthathakeni bakhe, “Amandla aM onele. Musa ukukhathazeka malunga nemibutho, Eliya. Musa ukukhathazeka malunga nabo, amandla aM kuko konke okusweleyo.”

²⁷⁴ Ndikhumbula ndimi ngasetempileni enkulu ngaxesha lithile, kwaye ndathi, “Nkosi, ndingayithiya into yokuba bona beze kweyam—kweyam i-ofisi.”

Wathi, “NdisiSabelo sakho.” Yabona? “NdisiSabelo sakho.”

²⁷⁵ “E—ebuthathakeni ngoko ndo—ndo. . . amandla aM omelele. Intando yaM egqibeleleyo inokwenziwa (Pawulos, okanye Eliya, nokuba ungubani na) xana uphuma endleleni.” Yabona? “Ebuthathakeni bakho, ngoko ndenziwe ndomelela. NdinguYe! NdingoWomeleleyo lowo ungenayo kwaye azalise.”

276 Ndiyambona ehamba kanye esihla ngaloo ndlela yamaSamariya, loo mehlo mancinane madala ekhangele ngolo *hlobo*, nkwenkwe, uhlobo loncumo olusisiqingatha ebusweni bakhe. Mzalwana, wahamba kanye waya ngqo kubukho buka-Ahabhi. Akazange athintithe, akazange athintithe. Hayi, hayi! Ukubetha phantsi kweso sifuba sincinane sibhityileyo yayiyintliziyo enoMoya oyiNgcwele iphila phaya. Ewe, ngokunjalo! Weza ehamba esihla ngaloo ndlela, wahamba kanye waya phambi kuka-Ahabhi, kwaye wathi, “Hayi nkqu nombethe oyakuwa ndide ndiwubize.”

277 Wanyathela iinyawo zakhe kwaye, wajika, ukubuyela emva entlango wahamba. Wathi, “Lowo yayingumsebenzi omhle, Eliya. Yiza nyukela apha, ndiyalele bonke oonomyayi ukuba bakondle ngoku, kwaye u... kwaye uhlale apha phantsi ithutyana.” Owu, bethu!

278 Xana wayebuthathaka, ngoko womelela. Ewe, mhlekazi. Wavala amazulu ukuba kunganethi. Kulapho wathi womelela khona, xana elahlekelwa libandla lakhe, walahlekelwa yiyo yonke into ebenayo, yonke enye into. Kodwa wahlala kunye neLizwi likaThixo, ngoko waba namandla okuvala amazulu.

279 Xana uYakobi elahlekelwa ngamandla akhe onke, ngoko uThixo wamnika amandla wokuba yinkosana. Yabona?

280 Xana uPawulos elahlekelwa yimfundo yakhe nayo yonke imfundo yakhe yezakwalizwi, uThixo wamenza imishinari kwabeNtlanga.

281 Xana uMoses elahlekelwa siso sonke isakhono sakhe kwaye waba buthathaka, UThixo wamenza waba namandla kwaye wamthumela eYiphutha kumandla kaMoya, emashumi asibhozo eminyaka ubudala; amabhovu ejingela phantsi, unkosikazi wakhe ephezu kondlebende kunye nomncinci ehleli esinqeni sakhe, kunye nentonga esandleni sakhe, wehla waza wayoyisa iYiphutha. Ehe. Yabona? Hayi kunye nomkhosi emva kwakhe, njengokuba wayefuna ukuya ngako, kodwa kumandla kaMoya. Amen!

Xana ubuthathaka ngoko ke womelele.

282 Nje ukuhamba esihla ngaloo ndlela, akazange athintithe, akazange akhubeke, akazange enze nto, wahamba kanye ukuya kubukho buka-Ahabhi, kwaye wathi, “NdineLizwi leNkosi.”

Wathi, “Nguwe lo uwakhathazayo amaSirayeli.”

283 Wathi, “Nguwe lo umkhathazayo uSirayeli.” Ewe, mhlekazi. Owu, mzalwana! Ewe, mhlekazi. “Zisa phandle abo babingeleli bazingqondi unabo phezulu apha, kwaye makhe sibone ukuba ngubani na uThixo.” Nantso ke. “Khwelani phezulu kwiNtaba yeKarme, makhe uThixo owaphendulayo ngePentekoste aphenyule kwakhona. Makhe sibone ukuba uThixo usenguye na uThixo, ukuba uYesu ikwanguye izolo,

namhlanje, nangonaphakade.” Wehla entabeni, wayenoMyalezo. Ewe. Waba buthathaka ngokwenene ngaphambili, nangona, walahlekelwa yiyo yonke into ngaphambi kokuba ayenze loo nto. Kwakufuneka ukuba abe buthathaka ngaphambi kokuba omelele.

²⁸⁴ Bubulula beVangeli obo bubangela abantu bagxadazele. Bazama ukuYenza ibe yinto yegqondo enkulu eyenye, xana iyinto elula. Kodwa uThixo uthabatha esona sixhobo sokuthobeka kunye nobuthathaka nobulula, ukuze asebenze imisebenzi Yakhe ngaso. Eso kukuphela kwesixhobo esandleni sikaThixo.

²⁸⁵ UYohane umBhaptizi, uMyalezo wakhe, unozakuzaku kaKristu, ulula ngolona hlobo Wadlula phezu kweentloko zabantu. Phulaphulani nje umzuzu. (Ndiyathemba ukuba andinibambanga xesha lide kakhulu, nimi ukujikeleza iindonga, yabona.) Khangela! UYohane, xana...Bonke abaprofeti banikela ubungqina ngokuza kukaMesiya. Omnye wabo wathi ukuba “Tintaba ziya kudloba okweenkunzi ezincinane zegusha.” Abanye bathi, “Amagqabi ayakuqhweba izandla zawo.” Omnye wathi, “Zonke iindawo eziphantsi ziyakwenziwa ziphakame, kwaye iindawo eziphakamileyo ziyakwenziwa zibephantsi.” Owu, bethu! Olunjani usuku!

²⁸⁶ Ingaba ubukhe wasicinga iSikolo sabaProfeti kunye noqulunqo lobukrelekrele lwaloo nto? Owu, bethu, babenayo yonke into ikumgangatho ophezulu ngolona hlobo! Kodwa xana isenzeka, ukuphuma entlango kweza umshumayeli omdala ongazange abe nalo nosuku olunye lokufunda ebomini bakhe, mhlawumbi igrama yakhe yayingaphucukanga ngolona hlobo. Uyise wayengumbingeleli, kodwa uThixo wamsusa kuloo nto. (Besinayo kwisifundo seCawe egqithileyo.) Wayengenakumvumela ukuba axutywe kunye naloo mahlelo, waze wamkhuphela entlango ukuze amqeqeshe ngoKwakhe. Olo luhlobo—olo luhlobo oluya kuhlala kunye neLizwi likaThixo.

²⁸⁷ Waphuma entlango, emalunga namashumi amathathu eminyaka ubudala; ndiyacinga intshebe emnyama ijingile ingqonge ubuso bakhe, ingacacanga; isiqwenga esikhulu esidala sefele lemvu sisongelwe kuye; wema eludakeni, ukuyakuma emadolweni akhe; wathi, “Ndingulowo wayethetha ngaye umprofeti u-Isaya.” Kwaye amanye amahlelo aphuma; wathi, “Musani ukucinga ukuthi ngaphakathi kwenu, ‘Sinako *oku nokuya*,’ UThixo unako kuwo la matye ukumvelisela abantwana u-Abraham!” Owu, bethu! Ngokuba? Wayeno-ITSHO INKOSI! WayenoMyalezo. UThixo waxela kwangaphambili ukuba wayesiza. Kwaye isizathu...Yeza ngobona bulula, Yadlula phezu kweentloko zabo.

²⁸⁸ Xana uYesu esiza, Wathi, “Naphuma ukuyobona ntoni, isithethi esikrelekrele eso esinokutshintshwa ukusuka

kubuWisile ukuya eBhaptizi, kwaye ukusuka eBhaptizi ukuya eRhabe, ukusuka eRhabe ukuya ePentekoste, kwaye umPentekoste ukuya kwenye into? Ingaba naphuma ukuyobona ingcongolo izanyazanyiswa nanguwuphi na umoya? Hayi uYohane!” Wathi, “Ingaba naphuma ukuya kubona ngoko indoda leyo yambethe ilinen ecikizekileyo?” Wathi, “Bakumabhotwe ookumkani, olo hlobo lomlungiseleli.” Wathi, “Naniphume ukuya kubona ntoni na, umprofeti?” Wathi, “Ongaphezu komprofeti!”

²⁸⁹ UYohane wayengaphezu komprofeti. Kwaye, khangela, weza engoyena uthobekileyo kunabo bonke abanye. Kodwa wayengaphezu komprofeti. Uyazi ukuba uYohane wayeyintoni? Wayengumthunywa womnqophiso. Ngokuqinisekileyo, wayenguye. Wadlulela ngaphaya komprofeti. *Umprofeti* imboni ebona izinto. UYohane wenjenjalo, naye, kodwa wayengaphaya koko. Wayengumthunywa womnqophiso. Wathi, “Ehe, lo nguye lowo kwathiwa, ‘Ndiya kumthumela umthunywa waM phambi kobuso Bakho.’” Oko nguye awayekuko, wayengumthunywa womnqophiso. Ngokuqinisekileyo. Ngendlela elula yokuza kwakhe, yamfamekisa nje ingqondi.

²⁹⁰ Ngoku kufuneka sivale ngokukhawuleza, malunga nemizuzu embalwa ngokuthe chatha, ndinezinto ezimbalwa apha endifuna ukuzithetha, iZibhalo ezithile kunye nenqaku elithile.

²⁹¹ Kuthekani ngomhlokokazi kunye nesandla esizele umgubo? Wayefikelele ebuthathakeni bakhe, mhlawumbi wazilambisa ukusa ukufeni. Wayengenakutya. Wayengenakuya naphi na kwaye aboleke ukutya, akukho mntu wumbi wayenako. Kodwa wafika kwindawo, ikholwa elikhulu, umyeni wakhe wayeyindoda enkulu yakwaThixo. Kwaye wayengumhlokokazi, enomntwana. Kwaye wayenesandla nje sokutya, kodwa kwakwanele, yiloo nto kuphela awayeyiswele; kungcwalisiwe ezandleni zikaThixo, waphila ngako iminyaka emithathu eneenyanga ezintandathu, ngokutya okwanele isandla. Wababuthathaka.

²⁹² Waphuma ngaloo ntsasa ukuya kuchola amakhuni amabini, ukuze awophule kwaye awabeke ndawonye. Yabona, amakhuni amabini nguMnqamlezo. Yabona? Wophule. . . Wathi, “Ndiya kufumana amakhuni amabini.” Akazange wathi, “Ndifumana ingalo egcweleyo,” ngoku, nje amakhuni amabini. Yiyo leyo. Bona umzekeliso?

²⁹³ Kwaye, ehe, indlela endala yamanyange. . . Indlela yokubasa umlilo ngoku, kuthabatha iziqobo kwaye uzinqamlezise, uzitshise kanye esiphakathini. Xana ndisiya enkampini, ndi. . . ezintabeni ngexesha lasebusuku, ukuzigcina ndingagodoli, ndibeko isiqobo *ngale* ndlela nesiqobo *ngale* ndlela, kwaye ngexesha lasebusuku ndiqhubeka nje ndityhala iziphelo zazo,

kwaye uyayitshisa kanye ngolo hlobo njengoko unyukela phezulu, yabona, kanye emnqamlezweni.

²⁹⁴ “Ndinamakhuni amabini. Ndiya kwisonka, ndilungise esi sidlo, esi sidlo singangesandla, kwaye ndenze iqebengwana ngenxa yam kunye nonyana wam. Silitye ukuze sife.” Wayesebuthathakeni ngokwenene, wayengenjalo na? Wathi... Kwaye wajika kwaye waqalisa ukuhamba ebuyela emva. Owu, loo ntsasa ishushu! Owu, kwakulixesha elide ngoko ngaphandle kwayo nantoni na. Yonke into... Akukho manzi, kwaye abantu bekhwaza, abantu besifa, kuyo yonke indawo; akukho ndawo yokuboleka, akukho nto yakwenziwa. Wayesekupheleni kwendlela. Wayekubuthathaka bakhe. Wathi, “Ndiya kulungiselela mna nonyana wam, kwaye ngoko siyakutya kwaye sife.” Ke wajika waze wathi... .

²⁹⁵ “Nje umzuzu!” Wakhangela ngasemva. Kwaye obo buso budala bufipheleyo buvele ngaphesheya kwesango ezantsi phaya, wathi, “Hamba undenzele iqebengwana elincinane kuqala, kwaye ulizise kum.” Owu! “Ndiphathele intwana yamanzi esandleni sakho, neqhekeza lesonka, kuba, ITSHO INKOSI!” Owu, bethu, oko kwayenza loo nto. Owu, bethu! Loo nto incinane incinci awayenayo, yabona, wayingcwalisela kuThixo. Oko kwakonele ukumondla lonke ixesha. Ehe. Yabona, xana wayebuthathaka ngoko wayenamandla.

²⁹⁶ Omnye wayenesitya nje esine-oli encinane kuso. Kwaye wayengenanto, oonyana bakhe ababini babeya kuthengiswa babe ngamakhoboka. Wayengenayo enye into awayenokuyenza ngesisitya sincinane se-oli. Yayingekho kakhulu, wayesekupheleni.

U-Eliya wathi kuye, wathi, “Yintoni onayo endlwini yakho?”

Wathi, “Nje i-oli encinane kwisitya.”

Wathi, “Yiya kubamelwane bakho, uboleke ezininzi zazo.”

²⁹⁷ Phaya, khangela, uyazilungiselela nangaphambi kokuba lento nkqu yenzeke. Hmm? Lungela! U Davide weva eso sandi ematyholweni equnube. U-Eliya wabona ilifu nje elingangesandla, wathi, “Ndiva isandi solwamvila lwemvula.” Ukuba uThixo ubenganokufumana kuphela nje izitya ezithile ezingenanto! Kulungile oko.

Wathi, “Yizalise indlu izale zizo.” Amen!

²⁹⁸ Yabona ukuba uThixo ufuna ntoni? UThixo umelwe kukuba abe nezitya ezingenanto. Phulaphulani! Sinemfundiso eninzi kakhulu, imfitshimfitshi engako yobucawa, de sifike ezantsi ekupheleni komphanda. Inye kuphela into eseleyo, buyelani kuThixo nakwiLizwi Lakhe. Kwaye ukuba uyakuyenza loo nto, fumana izitya ezithile ezingenanto. Khupha bonke ubuWisile kuzo, bonke ubuPentekoste buphume kuzo, nabo bonke ubuBhaptizi buphume kuzo, kwaye nje ubavumele babe

zizitya, kwaye uzibeke endlwini. Uze uthabathe ukusuka kwesi Sitya kwaye uqalise ukugalela, amen, uqalise nje ukugalela.

²⁹⁹ Wayenokwaneleyo ukumkhathalela yena kunye nabantwana bakhe, nayo yonke enye into, kunye nokuhlawula onke amatyala. Ngokuba? Ngokuba? Nje loo nto incinane wayenayo, ingcwaliselwe kuThixo, kwaye elandela ilizwi lalo mprofeti, waphuma elungile.

³⁰⁰ Thixo, sithumelele umprofeti lowo oya kuthabatha iLizwi likaThixo, oko akuyi kuthabatha enye *into ethile*, kodwa ukufumana nje izitya ezingenanto. Ukuba uThixo anganokufumana nje izitya ezingenanto, aze ngoko athabathe iLizwi likaThixo aze aLigalele emntwini.

³⁰¹ Hayi abanye bathi, “Owu, ndashukuma xana ndiMamkela. Ndathetha ngeelwimi xana ndiYamkela. Ndaxhentsa ndikuMoya.” Yilibale, yabona, yilibale loo nto!

³⁰² Hlala nje phaya ide Ifike, kuphelele apho, side isitya sizale. Yiyo leyo. Yiloo ndlela oyenza ngayo. Ewe, mhlekazi, ubulula baYo! “Izitya zazizalisiwe,” indlela ebesinokuhlala kuyo loo nto!

³⁰³ Yayingabafundi, bonke bekhathazekile ngenye imini, UYesu wathi kubo, wathi, “Kukho amawaka amahlanu abantu apha,” kwaye wathi, “batyhafile, balambile.” Owu, ndingahlala kuloo nto enye iyure kwakhona. “Amawaka amahlanu, elambile,” kukho ikhulu lebhiliyoni elilambileyo!

Bathi, “Bandulule.”

Wathi, “Akukho sidingo sokwenza oko.” Wathi, “Nina bondleni.”

³⁰⁴ Oh, bethu! Ndinokuyicinga nje beqokelela yonke into abanokuyifumana, kwaye uyazi xana befumene konke (yonke into) bayiqokelela yonke loo nto. . . Xolelani intetho, “okuqokelelweyo.” Kodwa bafumana yonke into, bathi, “Ngoku, apha, siyesahamba kuyo yonke inkampu. Asinayo nesenti yemali, ke asinakuba nalo iphulo.” Uyabona? “Ke sinayo yonke into apha, kodwa inye kuphela into esinokuyifumana ngamaqebengwana nje amahlanu kunye neentlanzi ezimbini ezisuka kulo omncinane” njengoDavide, ephuma entlango ngaphaya. “Yiyo kuphela into esinayo. Yiloo nto kuphela esinokuyifumana. Sifike esiphelweni solwazi lwethu. Akukho nto yimbi sinokuyenza, Yohane.” UPetros wathi, “Yiloo nto kuphela esinokuyenza. Yiloo nto kuphela esinokuyenza. Sifike esiphelweni solwazi lwethu. Yiloo nto kuphela kumgca wokutya oko esinako.”

³⁰⁵ Ke, ndingathabatha nje iSibhalo esinye esincinane, iZenzo 2:38, kwaye yiloo nto kuphela esiyisweleyo, nje ukuthobela Oko. Awunyanzelekanga ukuba ufunde kwizikolo zakwalizwi, konke malunga *noku, okuya, okunye*, nje thabatha Okuya. Ehe, nje—nje thabatha Oko, yiloo nto kuphela oyisweleyo, “Guqukani, nonke

ngabanye kuni, kwaye nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, kwaye niya kuzaliswa nge-Oli.” Yabona? Nje qongqotha, zilungiselele Okuya, yiloo nto kuphela oyisweleyo. Faka nje ithontsi kuyo, yikhangele izala.

³⁰⁶ Uyazi, kwakungekho nzima ngokwaneleyo kwesaa sitya ukwenza ithontsi kwisitya ngasinye. Mhlawumbi wathabatha umnwe wakhe, ngolu hlobo, nje wathontsizela kuso ngasinye ngoloo hlobo; wakhangele ngasemva kwaye sasizele. Nje wayithontsizela, yabona, yiloo nto kuphela ebeyiswele, kuba yayiyi-oli esikelelweyo.

³⁰⁷ Musa ukuthabatha amava esikolo sakwalizwi esithile. Thabatha iLizwi likaThixo kwaye uLiwisele ngaphakathi phaya, ubone indlela eliyakusizalisa ngayo.

³⁰⁸ Wathi, “Ke, loluphi uhlobo lwethontsi ekumele silwenze? Mhlawumbi sinokuthabatha into ethile kwiiNdumiso.”

³⁰⁹ Uthabathe loo nto ndikuxelele yona, “Guqukani, kwaye nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niya kuzaliswa ukusukela kweloo Thontsi.” Nje wisela oko ngaphakathi phaya, kwaye uya kuzaliswa ukusukela kweloo Thontsi. Elo liThontsi elo uPetros awalisebenzisayo ngoMhla wePentekoste. Elo liThontsi elo uPawulos walisebenzisayo. Elo liThontsi elo bonke abafundi abalisebenzisayo. Uninzi lwayo luya kongezelelwa, uthabatha nje elo Thontsi kwaye ulandele oko, kwaye konke okunye kuya kulunga.

³¹⁰ Yiba buthathaka! Yiba ngongenanto! Qongqotha konke, kwaye ukusuka ngoko ukuya phambili iyakuqhubeka ithontsiza, kwaye uThixo uyakukwenza okuseleyo ukuthontsiza. Yenza nje oko. Uwela kumadolo akho kwaye wamkele oko ngentliziyo yakho yonke. Ithontsi entliziyweni yakho kanye ngoku kwaye uthi, “Thixo, ndiyaYikholwa, ngentliziyo yam yonke!” UThixo uya kuwakhathalela amanye amathontsi, iya kuzaliswa, “Uyaku za- . . . zaliswa ngoMoya oyiNgcwele.”

³¹¹ Ngoku babe namahlanu amancinane amaqebengwana kunye neentlanzi ezimbini. Ke yintoni ababeya kuyenza? Ngoko beza baze bathi, “Oku kukuphela koko esinokukuqokelela. Sifike ekupheleni kolwazi lwethu. Asinako ukufumana elinye iqhekeza lesonka naphi na, akukho mntu. Kwaye le nkwenkwe encinane, mhlawumbi ibonisa . . . idlala ukulova, iye esikolweni ngale ntsasa, kwaye yaphoswa sisikolo yaze yahamba yayakuloba ezantsi apha. Kwaye siyichole ezantsi apha emfuleni, yeza ukuba iphulaphule. Kwaye, phaya, unezintlanu.” Ndiyambulela uThixo ngaloo nkwenkwe incinane! Ewe, mhlekazi. Wathi, “Thina . . . inye into esiyifumeneyo emgceni wobomi yile nto incinane yethontsi apha.” Wathi . . .

³¹² UYesu wathi, “Oko kwanele. Waziseni apha.” Yabona? “Yiziseni apha, makhe Ndiyifumane. Makhe Ndifumane elaa thontsi lincinane, Ndiyakukukhathalela konke okuseleyo.

Ngoku, qhubeka uhambisa njengoko ndikunika ukusuka kweli thontsi.”

³¹³ Kwaye ngamnye kuni makathabathe ithontsi leZenzo 2:38 ngale ntsasa, entliziyweni yenu, kwaye nje thabathani ukususela phaya kwaye niMkhangele eqalisa ukuqhekeza iSonka soBomi kuni. Guqani, nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, nize nibone ukuba uMoya oyiNgcwele akangekhe angene ngaphakathi na, eqhubeka ewela *kule* aze awele *nakuleya*, ukuthontsizela *apha* nokuthontsisela *phaya*, kwaye ethontsizela *phaya*, kwaye kuyakubakho ukuzalisa koMoya oyiNgcwele! Kunjalo!

³¹⁴ Awunyanzelekanga ukuya kwizikolo zakwalizwi. Awunyanzelekanga ukuba uhlakaniphe. Inye kuphela into ekufuneka uyenzile kukuqaphela ukuba awazi nto. Vumela uThixo akubambe, Uyakukukhathalela okuseleyo kwako.

³¹⁵ Kulungile oko, ngoko iZwi lathi, “Waziseni apha.” Nantso into uThixo ayifunayo ngale ntsasa, ukuMzisa igquba lezitya ezingenanto. Uya kukukhathalela okuseleyo kwako. Ewe, mhlekazi.

³¹⁶ UBhartimeyu oyimfama ehleli ngasesangweni, exwebile, egodola, owu, owona mzuzu wakhe wobuthathaka, xana weva iZwi, lathi, “Mziseni apha.” Kunjalo oko, lona, ngalinye ixesha, lelona xesha lakho lobuthathaka.

³¹⁷ Kwakukho uMariya engcwabeni, intliziyo yophukile, uSana lwakhe, iNkwenkwe yakhe yayibulewe, yonke into, onke amathemba ayephelile. Kwaye waya ukuya kuMqhola, kwaye nkqu nomzimba Wakhe wawungekho phaya. Kwaye weva iZwi lisithi, “Ulilelani na, mfazi?”

³¹⁸ Wathi, “Bayithabathile iNkosi yam. Kwaye ndi...” Usizana lwento encinane, yayinguMntwana wakhe owayebekwe ehlazweni; baMhluba wabaze kwaye baMxhoma phezulu phaya eMnqamlezweni, kwaye baMbethelela emnqamlezweni kwaye baMbethelela phezulu phaya, emveni kokuba Ebange ukuba unguMesiya, emva kokuba esazi ukuba uMoya oyiNgcwele wamsibekela kwaye wazisa lo Mntwana. YayinguMntwana kaThixo. Wayeyibonile imisebenzi Yakhe, nayo yonke into, waze wabona kanye ngowona mzuzu ubuthathaka. . .

³¹⁹ Kwaye phaya uYesu weyemi nxamnye nobubi, emi nxamnye naloo mibutho, emi nxamnye nabo baFarisi; waba buthathaka kwaye Wazinikela ekufeni, kwaye wafa njengomoni eMnqamlezweni, ethwele izono zethu. Kwa ezoNdumiso, kwa abobaprofeti abo ababekholelwa kubo, babecaphulile (kumakhulu eminyaka ngaphambili) kwawona loMazwi lawo Awawathethayo eKhalvari, baza basilela ukuwabona. Obabo obukhulu ubuc- . . .

³²⁰ “Thixo wam,” watsho uDavide, “Thixo wam, uNdishiye ngani na?” Indumiso 22, “Onke amathambo am, adijamele,

akukho nalinye kuwo elaphukileyo. Bahlunguzela intloko zabo bathi, "Wayethembele kwabanye...Wa—Wabasindisa abanye, Yena akanako ukuzisindisa." Nazo zonke izinto ezo abaprofeti ababezithethile, zaziphaya kanye! Kwaye uYesu, esifa, ebambe elaa Lizwi, wazinikela ngoKwakhe. UThixo, u-Imanuveli, waba buthathaka ngolona hlobo waze Wazinikela ngoKwakhe ekufeni, nasengcwabeni, nomphefumlo Wakhe esihogweni. Ubuthathaka! Kodwa ukuphuma koko kuzinikezela okugqibeleleyo...weza ngaloo ntsasa yePasika, ejikeleza indlela Yakhe ukusuka kwelona lizezantsi.

³²¹ Wayengoyena uPhakamileyo, kwaye waba ngoyena uphantsi. Weza kwabona bantu baphantsi, waya kwesona sixeko siphantsi. Kwaye eyona ndoda incinane edolophini kwafuneka ikhangele ezantsi kuYe. Wemka ukusuka phaya waya ekufeni, kwaye ukusuka ekufeni ukuya engcwabeni, kwaye ukusuka engcwabeni ukuya esihogweni; ukuya kokona kusezantsi okunokufunyanwa, ukuya kwesona siphantsi isihogo eso kunokucingwa ngaso, Waya kuso.

³²² Kodwa ngoko, ukusuka phaya, uThixo waqalisa ukuMphakamisa. NgeParadesi, ukusuka phaya ukuya kwi—ukuya engcwabeni, kwaye ukusuka engcwabeni ukuya eluZukweni, kwaye ePhakame ngolona hlobo kwaze kwafuneka ukuba Ajonge ezantsi ukuze abone iZulu. Waphakamisa iitrone Zakhe eZulwini!

³²³ Laa mama mncinane wophukelwe yintliziyo, engakwazi oku, emi phaya, "Bayithabathile iNkosi yam, kwaye andazi ukuba phi na." Waye...eyona yure ibuthathaka wakha wanayo. I—iNkosi yakhe yayihambile. BabeMbethelele emnqamlezweni, nangoko Wakuvumela oku...baMbethelela ehlazweni lokuMxhoma phaya phezulu eze phambi kwabo bantu; kwaye baMhlaba ngomkhonto ecaleni, kwaye esopha, baze bamva Elila eMnqamlezweni, baze bawubona umhlaba ushukuma, kwaye amazulu onke aqaphela ukuba Wayefile. BaMhlista, eqinile kwaye ebanda, baza baMbeka engcwabeni. Wacinga, "Imbeko yokugqibela endinokuyenza kuMntwana wam endimthandayo kukuza kwaye ndiMqhole, kwaye ngoku baMthabathile." Kwaye wayemi phaya elila, laa mama mncinane emi phaya elila, elila. Owu, owona mzuzu ubuthathaka!

"Ulilelani na, mfazi?" yayiliZwi emva kwakhe.

³²⁴ Wayecinga ukuba ngumgcini emangcwabeni, wathi, "Owu, bathabathile bemka..." Akazange nkqu ajike nokujika, wayebuthathaka ngolona hlobo. Wathi, "Bendihleli ngoku zonke ezi ntsuku zintathu nobusuku bazo. Bendimi kwaye ndibukele ukubethelelwa, ndabukela owam endiMthandayo lowo bendimazi ukuba unguNyana kaThixo. Ndiyazi ukuba wayenguYe! Kwaye nangoko..." (Ekhangele kwelinye icala, kwaye Yena ngasemva.) "Kwaye baMthabathile baze

baMbethelela emnqamlezweni. NdaMbona evusa abafileyo ukusuka engcwabeni. NdaMbona esenza imimangaliso emva kwemimangaliso. Kwaye ndiyamazi uMoya oyiNgcwele... UThixo uyayazi intliziyo yam, bendimsulwa kuyo nantoni na, waza uMoya oyiNgcwele wandinika olwaSana ngaphandle kokwazi indoda. Indlela ebendisazi ngayo ukuba oko yayiyinyani! Kwaye ndaMbona ehlaziswa kwaye... babetha iingubo Zakhe ukusuka kuYe, baze baMxhoma phezulu phaya kwaye baMhluba ukuhla. Wafa okona kufa kubi. NdiyaMthanda, andikhathali nokuba kwenziwe ntoni na kuYe. Ndisafuna ukuMngcwaba, ndifuna—ndifuna ukuMnika uhlobo olululo lokungcwatywa, kwaye baMthabathile. Ndibe zintsuku emva kweentsuku, intliziyo yam yaphukile. Ndimi nje kule meko. Andazi ukuba benze ntoni ngeNkosi yam.”

³²⁵ Wathi, “Mariya.” Waze ngoko womelela. Amen! “Hamba uye kuxelela abafundi baM ukuba Ndiya kuhlangua nabo eGalili.” Owu, bethu!

³²⁶ Ebuthathakeni ngoko senziwe somelela. Xana ubuthathaka, kulapho womelela khona.

³²⁷ UPetros, emva kokuba ephaya eloba, waye... umsebenzi wakhe yayikukuloba. Ndiluhlobo lokuwuthanda umsebenzi wakhe. Kwaye ke, wayephandle phaya eloba, wonke edimazekile, esazi ukuba wayemkhanye uKristu. Owu, bethu! Weva laa Mprofeti emi phaya waza wamxelela, “Petros, uthi uyaNdithanda na?”

³²⁸ Wathi, “Owu Nkosi, Uyazi ukuba ndiyaKuthanda.” Wathi, “NdiyaKuthanda. Ndikulungele nokufa ngenxa Yakho.”

³²⁹ Wathi, “Petros, ucinga ukuba uthetha oko, kodwa uya kuNdikhanyela kathathu ngaphambi... Uya kuNdikhanyela ngaphambi kokuba umqhagi ulile ixa lesithathu. Yabona, uya kuNdikhanyela kathathu ungekalili umqhagi.”

³³⁰ Kwaye ngoko ekubona oko kusenzeka, xana emi phaya waze wathi “AndiMazi. Hayi, andazi nto malunga nawo phaya loo maPentekoste.”

³³¹ Ayiloxesha lokuyeka ukushumayela, yiwotshi yam nje inomlingo. [I-alarm kwiwotshi kaMzalwana uBranham yenzisandi—Mhl.] Yabona? Wathi, “Ndi—ndiyazi...” be—bekufanele ukuba ndiyeke ngoko, kodwa a—andinako ukuyeka kanye ngeli xesha, yabona, ke ndimelwe kukugqibezela oku apha umzuzu nje.

³³² Wathi, “Ndi—ndi—ndi—ndiyazi ukuba ndaMkhanyela. NdaMkhanyela phambi koPilato. NdaMkhanyela ebukhoneni xana laa mfazi mncinane weza apho ndandikho, wathi, ‘Ingaba wena awunguye omnye wabo?’ ‘Hayi!’ Waza nkqu waqalekisa!” Owu, wayekwimo embi kakhulu. Wathi, “Nda—nda—nda...” Wakhanyela... WayeMkhanye. Kwaye wambona uYesu emi kwaye ekhangele ngaphaya, ngoko kulapho umqhagi walila,

wakhangela ngaphaya kuPetros. Waphuma. Owu, wayetyhafilaye naye ngokwakhe, wathi, “Ndisaphilelani na?”

³³³ Kwaye ngoko, ngaphandle koko, wathi, “Ndicinga ukuba ndiya kubuyela umva kwaye ndiye kuloba kwakhona. Andinako ukushumayela kwakhona, ke ndiya kubuyela umva kwaye ndiqalise ukuloba.” Wayephose iminatha yakhe ngaphakathi waza wayiphosa ubusuku bonke, akazange abe nentlanzi. Kwaye wayekwindawo ebuthathaka, wayengenanto, etyhafilaye kuye ngokwakhe, wafika ekupheleni kwezakhono zakhe.

³³⁴ Ke, wayecinga ukuba wayeyindoda enkulu, wanqumla iindlebe zonyana wombingeleli omkhulu ngolo hlobo. Ke, wayecinga ukuba wayengumfo omkhulu, uyazi, wayefunde into ethile. Kodwa wayengazi nto! Kwafuneka ukuba alibale konke malunga naloo nto.

³³⁵ Kwaye phaya wayephandle phaya, wathi, “Ke, ndazi into enye, ndingumlobi. Ndisengakwazi ukuziphilisa, ndiloba.” Waphosa ubusuku bonke kwaye akazange afumane nto. Owu, okunjani ukudimazeka! Ngalo lonke ixesha eyitsalela phezulu, umnatha ongenanto. Kwaye wayetyhafilaye ngolona hlobo! Wayekweyona ndawo ibuthathaka, wathi, “Ndisenokuziva nje ngokungathi ndingatsiba ndihle kulo mkhumbi. Andifanelanga nto, nakanjani na.”

Wathi, “Ingaba ninentlanzi, bantwana?”

³³⁶ Wakhangela ngaphandle elunxwemeni, kwaye phaya kwakumi iNdoda. Wathi, “Hayi, sibulaleke ubusuku bonke kwaye asibambanga nto. Bendinga ukuba ndingumlobi.”

“Ingaba nguwe lowo, Simon?”

³³⁷ “Ehe. Ke, ndibulaleke ubusuku bonke andibambanga nto. Owu, ndi—ndi . . . Asinantlanzi phandle apha.”

Wathi, “Ke, phosa umnatha wakho kwelinye icala.”

³³⁸ “Sikwenzile . . . Intoni?” Ngoko waba- . . . Wathi, “Kwelinye icala? Sikwenzile oko!”

“Wuphose kwelinye icala.”

³³⁹ Waphosa iminatha yakhe ngaphandle, waze watsala. Wathi . . . Ngoko womelela. Owu, bethu! Wabamba idyasi yakhe endala yokuloba wayibeka kuye ezijijela ngayo, wathi, “Bazalwana, nguYe Lowo!” Waza wabashiya bonke abanye ukuya elunxwemeni, naphambi kokuba babe nokubhexa ezo zikhephe nje ngokukhawuleza kangangoko babenako, wadada ukubegqitha, enxibe idyasi yokuloba, waya elunxwemeni. Ngokuba? Xana wayomelele. Xana wayomelele wayengenakwenza nto, kodwa xana ebabuthathaka ngoko womelela. Ewe, mhlekazi.

³⁴⁰ Owu, icebo likaThixo kukuthabatha izitya zabantu ezingenanto aze alishukumise ngazo ihlabathi. (Ngoku,

kancinane nje kwaye siyakuhamba.) NjengasePentekoste, ePentekoste, Wenza ntoni? Kwabathatha iintsuku ezilishumi ukuba baqongqothe yonke into. Kodwa bonke babemi phaya nezitya zabo zijongiswe phezulu, waze uThixo wazithabatha ngoKwakhe kwaye wazizalisa. Kuphelele apho! Balishukumisa ihlabathi; wazigalela ngoKwakhe kubo.

³⁴¹ Leyo yintswelo yanamhlanje. Yiloo nto esiyisweleyo namhlanje, zizitya ezingenanto, ewe, mhlekazi, ukuze uThixo abe nokuzizalisa. Kwaye awunakuzithabatha...ndimelwe kukugqitha okuninzi apha. UThixo akanako ukuzisebenzisa okoko nje sele zizalisiwe. Ukuba uzele luqeqesho lwezakwalizwi, uThixo akanakukusebenzisa. UThixo umelwe kukuba abe nezitya ezingenanto ukuze Akwazi ukuzizalisa.

³⁴² Ngoku, u-Eliya akazange athi, “Hamba uye kufumana izitya ezithile uze uboleke i-oli eninzi, kwaye siya kubona ukuba asinakufumana ixabiso elilungileyo lokuthengisa kuyo, kwaye ufumane engaphezulu kancinci kwaye ubenokuhlawula ummelwane kwakhona ngolo hlobo.” Wathi, “Fumana nje izitya ezingenanto. Yiloo nto kuphela oyisweleyo.”

³⁴³ Nantso into ekwakuyiyo ngePentekoste, babenezitya ezingenanto ukuze uThixo abe nokuzizalisa. Mzalwana, olu suku lufuna oko. Lo mhla; kufuneka sibe nako oko. Siya kuba naloo nto okanye sitshabalale. Ndiza kuvala ngoku, phulaphulani. Simelwe kukuba nako oko okanye sitshabalale. Ewe, mhlekazi.

³⁴⁴ Oomatshini abakhulu bezenkolo abo esinabo, oomatshini abakhulu bebandla bayiqhumisele, banokunkqonkqoza ngokomoya kubo. UMzalwana uCollins ukho ndaweni ithile apha, noMzalwana uHickerson. Ndinga ukuba i-crankshaft imbi. Into ethile ayihambanga kakuhle. Basebenzisa uhlobo olungalunganga lwepetroli, iqhunyelwe yonke. Basebenzisa amava esikolo sakwalizwi endaweni yoMoya oyiNgcwele.

³⁴⁵ Iimvuselelo zethu ezinkulu zelizwe, amandoda ethu amakhulu, amaphulo ethu empiliso, onke asilele. Siyazi ukuba kuye kwenzeka oko. Khangela kumvangeli wethu obekekileyo, uBilly Graham, enqumla isizwe ukuya emva naphambili, emva naphambili, emva naphambili. Yintoni okuhle ekwenzileyo lonto? U-Oral Roberts, amaphulo empiliso kuyo yonke indawo, kwaye iya isiba ngendawo ngakumbi ngalo lonke ixesha.

³⁴⁶ Ngokuba onke ngamaBhaptizi, amaRhabe, i-Assemblies of God, yonke le eminye imibutho eyahlukeneyo, yihlanganise yonke kunye, yintoni lonto? Omkhulu umatshini omkhulu wobucawa, kwaye uThixo uwuzalisile uzele umsi ngenxa yenu. Ngoku uyagcuma nje, “gcu,” mpompa, mpompa, mpompa, “gcu,” mpompa, mpompa, mpompa, kancinci apha naphaya. Yenzile! Iphelile! Ipetroli iphelile, nigalele amanzi kuyo. Yonke into

imkile (ewe, mhlekazi), amatayala ehlile kumacala omabini. Sikwimo embi kakhulu. Umatshini wobucawa umile.

³⁴⁷ Kwaye, mzalwana, isiciko siphume esihogweni. Kunjalo oko. Kwaye imisinga yamandla eedemoni iyagaleleka ukusuka kuyo yonke indawo. Yoyise izizwe. Yoyise ezopolitiko zade zabola ukuya emnqonqweni. Yoyise amabandla ade angazi nto ngaphandle kwehlelo.

Uthi, “Ingaba ungumKristu?”

“NdingumWisile.”

“Ingaba ungumKristu?”

“Ndi—ndingumPentekoste.”

³⁴⁸ Loo nto ayithethi nangaphezulu, njengokuba ndathi ngenye imini, kunokuba yihagu, okanye ihagu, okanye ihashe, okanye enye into. Loo nto ayinanto yakwenza naYo. UngumKristu xana uzelwe ngokutsha kwaye uzaliswe nguMoya oyiNgcwele, kude kube ngoko, kwaye uzinikezele ngokugqibeleleyo kuMoya. Ukuba awuzinikezelanga kuMoya, ngoko awuzalwanga ngokutsha kwaye awunaye uMoya oyiNgcwele. Usenokuthetha ngeelwimi ungcangcazele, kwaye uxhume uze ubaleke, kwaye wenze zonke iintlobo ze . . .

³⁴⁹ UPawulos wathi, “Ndinokushenxisa iintaba ngokholo, ndingaphilisa abagulayo, ndinganolwazi lweBhayibhile, Ndingaya kwisikolo sakwalizwi kwaye ndifunde zonke ezi zinto, yonke into,” wathi, “Andiyonto nangoko!” Haleluya!

³⁵⁰ Owu, bethu, thetha malunga nesiciko sisukile eketileni! Iidemoni ziyajikeleza, amandla kamtyholi, phantsi kwegama lobuKristu, “befundisa iMfundiso eziyimithetho yabantu,” iimfundiso sezikolo zenkolo, beyeka iBhayibhile.

³⁵¹ Haleluya! Ngubani na onako uku, ngubani na owomeleleyo ngokwaneleyo, ngubani na osisilumko ngokwaneleyo? Ngubani onamandla ngokwaneleyo okuthambisa lo mkhosi ukhulula iimpahla kubafazi bethu, egameni labashumayeli, amaWisile, amaBhaptizi, kwaye nkqu namaPentekoste? Beziqaba ubuso babo njengoJezebhele, baze banqothule inwele zabo, kwaye banxibe iibhulukhwe njengamadoda. Abashumayeli bethu, akwanelanga ukuphakama malunga nabo ukubaxelela malunga nayo. Babanjwe nguMtyholi! Yayingumkhosi lowo owakrazula iingubo zakhe wazihluba kuye. Ngubani lo mtyholi ugqumayo?

³⁵² Ngubani owomelele ngokwaneleyo? Loluphi uhlobo lwe—lwehlelo elinako ukumoyisa enyuka esihla kula matye amangcwaba amahlelo, ekhwaza, “Iintsuku zemimangaliso zidlulile, kwaye asiwudingi uMoya oyiNgcwele”?

³⁵³ Kwaye ngubani na onokuthomalalisa laa mtyholi? Thixo! Asinakukwenza oko ngehlelo. Asinakukwenza oko ngamandla obucawa. Kodwa kwakukho iZwi ngaxesha lithile elakwenzayo oko, amen, elathi lazithomalalisa ezodemoni,

lababeka ezingqondweni zabo eziphilileyo kwaye labanxibisa iimpahla. Elaa Zwi linye lisinika isithembiso, “Imisebenzi leyo eNdiyenzayo niyakuyenza nani ngokunjalo.” Awunakuze uyenze phantsi kwepetroli yobucawa kwinqwelo ebethwe ngumsi. Awunakuze uyenze lonto ukumbutho. Uya kukwenza oko xana uziqongqotha kwaye ubebuthathaka, zikhuphele wonke ngaphandle ngokwakho, kwaye uvumele uMoya oyiNgcwele ungene ngaphakathi kwaye uphekuze yonke inxalenye yakho, uzalise sonke isiciko somzimba wakho. Yiloo nto kuphela... yenze. Asiswele mbutho omtsha.

³⁵⁴ Into esiyisweleyo, Owu Thixo, ndiyaYiva igaleleka ngaphakathi ngeenxazonke apha ngoku. Into esiyisweleyo ngumprofeti kaThixo ukuba avuke ngombane wendudumo kaThixo, umbane wokomoya oya kuligungqisa eli hlabathi lihlazeke! Haleluya! Isitya esingenanto yiloo nto Ayisweleyo, kunjalo oko, iBandla elibiziweyo, igcuntswana elo eliyakwamkela amandla kaThixo kunye neentsikelelo noMyalezo Wakhe. Haleluya! Yiloo nto esiyisweleyo.

³⁵⁵ Yiba buthathaka ukuze ube nokomelela. Iyakoyisa wonke umtyholi. Iya kubeka abafundileyo kwihlazo. Iyakuzisa amadoda kunye nabafazi abo uThixo ababizileyo, kwaye oko kuphela.

³⁵⁶ Khumbulani, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, ke kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu, imiphefumlo esibhozo yasindiswa.” Ngemihla ka-Eliya kwakukho amawaka asixhenxe kuphela awayenaYo. Owu, khawucinge nje apho siphila khona ngoku. Xana uYohane weza ekubonakaleni, ibandla elincinane ngokuqinisekileyo lalikiwigcuntswana, kodwa kwakukho izitya ezingenanto zokugalela i-Oli. Haleluya!

Thixo, sivumele siziqongqothe ngokwethu.

³⁵⁷ Yibani ngabangenanto, bahlobo. Yibani buthathaka! Delani esenu isakhono! Kwaye nina baphandle kunomathotholo... hayi unomathotholo, kodwa ngaphandle kwi... abo bazivayo ezi teyiphu, naphi na apho zifika khona, ziqongqotheni ngokwenu. Zigaleleni phezu kwesibingelelo sikaThixo njengombingelelo. Vumelani iNgelosi ize nelahle loMlilo, izalise eso sitya ngamandla kaThixo Onamandla onke. Fumana... Ngoko Uyakukwenza womelele, Uyakukunika ubabalo lokuma.

Masithobiseni iintloko zethu umzuzu.

³⁵⁸ Owu Nkosi, enye intsasa yangeCawe igqithile, kwaye besihleli kule ntlngano indilisekileyo, apho amadoda kunye nabafazi abakwaziYo, apho uMoya Wakho uhlala ezintliziyweni zabo, kwaye bayaKukholwa kwaye baye benza phezu kwalo lonke iLizwi elo U—elo Usiyalele lona ukuba silenze. Kwaye siyaKubulela ngaba bantu.

³⁵⁹ Kwaye kusenokubakho abanye ngaphandle elizweni apho ezi teyiphu ziyakuya khona, apho abafazi abathobekileyo

kunye namadoda baya kuzithabathela kumakhaya nasezizweni nangaphandle kwamanye amazwe. Kwaye banga bangeva, Nkosi, baze baqonde, baziqongqothe ukuze uMoya oyiNgcwele ubazalise.

³⁶⁰ Kusenokubakho nabanye nkqu apha kusanje, Nkosi, abo abayaku... baziqongqothileyo ukususela saqalisayo ukuthetha, abo bathe baqaphela ukuba bayebathembela kakhulu kwezabo iingcinga, ezizezabo, bona... esabo isakhono, bathembela ku—kubuqili bengqondo yabo elula yobuntu, engeyonto ngaphandle kokungcola phambi koThixo. Owu Thixo, banga nje bangaziqongqothela ngaphandle ngokwabo ngoku, ngokuzithoba bazinikele kwaye beze ekuzalisweni nguMoya. Siphe oko, Nkosi.

Yatsho eBhayibhileni, “Bonke abakholwayo babhaptizwa.”

³⁶¹ Phaya kuhleli kwesi sakhiwo ngale ntsasa, Bawo, umfazi omncinane, uhleli emva apha ngasemva, kwaye ndikhumbula uNksk. Hicks esiza emva kwam ngobunye ubusuku kwaye phaya elele nje kungekho nto ngaphandle kwamathambo, umsipha, ufele oluncinane lomsipha lunwebekile ukunqumla kuye, umhlaza wawusele umtyile; umyeni wakhe, ongenguye umKristu okwangoko. Kwaye ndikhumbula umthandazo endawuthandazayo ngobo busuku: “Thixo, Wathumela uDavide omncinane emva kwengonyama ngesilingi esincinane esilula, waze wayibuyisa imvana.” Ndathi, “Lo mhlaza ubambe udade wethu; ungumtyholi. Ndiyazi ukuba UnguThixo. NdiKubonile, Nkosi, kwaye ndiyazi. Ndiye ndathetha naWe, kwaye Wathetha uphendula.” “Ndiza emva kwemvu kaThixo; mhlaza, uyamkhulula!” Ngoko ndamyalela eGameni likaYesu Kristu ukuba “Ahambe aqhubeke aye ekhaya.” Kwaye umyeni wakhe, lowo owayengekanikezeli, walikholwa elo Lizwi kwaye wamthabathela ekhaya unkosikazi wakhe. Nanku ulapha ngale ntsasa, umfazi omkhulu owomeleleyo osempilweni, umhlaza uhambile, uyeza ngale ntsasa ukuza kubhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Owu Thixo, ndiyaKubulela ngeso sitya singenanto silungele ukuzaliswa. Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyakuwusikelela laa mphefumlo.

³⁶² Nkosi, lowo ngumzekelo nje wabanye abaninzi. Ndiyathandaza ukuba iintsikelelo Zakho ziphumle phezu kwesi sihlwele, ngokundilisekileyo, Thixo, ngokundilisekileyo. Ukuba...

³⁶³ Inye kuphela into eseleyo, Bawo, leyo endiyibonayo, oko, kukuthi mhlawumbi Uvuka ndaweni ithile kunye nezitya ezingenanto kwaye ulenze eli hlabathi libe neentloni ngokwalo, okanye uthumele uYesu kanye ngokukhawuleza. Ukuba isiphelo silapha, Nkosi, zimbini kuphela izinto eziseleyo ukuba zenziwe (kwaye kufuneka sizibone kwangoko) kuba siyazi ukuba

kusekupheleni; mhlawumbi siyakubona into enamandla ivuka kwangoko, okanye siyakubona uKuzi kweNkosi.

³⁶⁴ Zonke iziprofeto zizalisekile. Into yokugqibela ngaphambi kokuba iBandla livuswe, ngaphambi kokuba Lithatyathelwe phezulu kwiSityhilelo isahluko se-3, yayikukuzi komthunywa esiya kwiSigaba seBandla laseLawodike, oko kwakuya “kubuyisela intliziyo zabantu emva kooyise basekuqaleni,” ababuyisele emva kwiPenekoste eqhelekileyo, loo nto babanga ukuba banayo. Kuyakubakho amawaka aphindwe ngamawaka, njengokuba kwakunjalo ngomhla kaNowa, Nkosi, bayakulahleka. Abaninzi babo baya kulahleka. Siyakubona oko sele kuzalisekile, Bawo.

³⁶⁵ Yiza, Nkosi Yesu, lithabathe iBandla Lakho. Kwaye ukuba yintando Yakho, Nkosi, nje ngaphambi kokuba elaa Bandla lixwilwe, kwanga kungavuka aMandla. Owu Thixo, zalisa ezi zitya. Bavuse, Nkosi! Ligungqise eli hlabathi kwakhona! Siyazi ukuba kuyakuba lixesha elidlulileyo, akusayi kubakho nguquko ngoko, kuyakuba kude kakhulu kubo ngoko. Kodwa bonisa Amandla Akho, Nkosi, gcwalisa ezo zitya kwaye ugungqise eli hlabathi ngendlela elingazange lagugqiswa ngayo ngaphambili! Thabatha iBandla Lakho ngoko. Shiya ihlabathi kwisiphithiphithi salo eso lihleli kuso, Owu Thixo, bayasokola.

³⁶⁶ Ngoko siyazi ukuba uMoya oyiNgcwele omkhulu uyakuza kumaYuda ngoko. Xana sabona ikhulu elinamanci mane anesine lamawaka limi phezu kweNtaba yeSinayi, limi kunye neMvana, kodwa uMtshakazi wayesele eseZulwini. Wayesele ethatyathelwe phezulu, kwaye iMvana yayi sele ibuyile (uYosefu) ukuzazisa Yena kubantu bakowaBo. Kwaye iBhayibhile yathi kuyakubakho ukwaphuka phakathi kwabo xana beyakukhangela baze baMbone emi phaya. Xana Ezenza ukuba Aziwe, bayakuthi, “UWafumene phi loo manxeba?”

Wathi, “Endlwini yabahlobo baM.”

Ngoko bayakuthi, “YayinguYe lowo esambethelela emnqamlezweni.”

³⁶⁷ Kwaye Uya kuthi njengoko uYosefu wenzayo, “Musani ukuba nexhala, ngokuba uThixo wakwenza oku ukuze asindise ubomi beeNtlanga. Yayingeyompazamo yenu.” Ngoko bathi baya kuzahlula, usapho olunye ukusuka kolunye, bayakuazila ngokungathi ngunyana okuphela kwakhe othabathiweyo ukusuka ekhaya.

³⁶⁸ Owu Bawo, olo suku lukufuphi, oko kukuphela kwezoVeki zingamashumi aSixhenxe. Ukuba ixesha lisondele, Nkosi.

³⁶⁹ Owu Thixo, langa izwi—izwi labaprofeti bokwenyani bakaThixo likhwaze nxamnye neli nenekazi langoku lomhla, eli bandla langoku, le mfundiso yezakwalizwi yebandla langoku.

370 Bashukumise aba bashumayeli boyikayo ukuthetha iNyaniso. Owu Thixo, thabatha la madoda uwashukumise ngendlela angazange ashukunyiswa ngayo ngaphambili, wenze abe neentloni ngeziqu zawo.

371 Kodwa sazi le nto inye, kwaye sinokuphumla ngokuzithemba okuzeleyo, ukuba, “Akukho mntu uya kuza engathanga uBawo amtsale. Kwaye bonke uBawo abanikileyo baya kuza.” Baya kufikelela kanye njengoko Unqwenela ukuba bafikelele ngako. Kodwa Wathi, “Musani ukoyika, mhlambi mncinane, kukuthanda kukaYihlo ukuninika ubuKumkani.” Siyazi ukuba Leyo yinyani. Usilumkisile ngalo lonke ixesha ukuba kuyakubakho nje kakhulu, abambalwa kakhulu abaya kuba belungele xana elo xesha lifika. Ngoko kuyakubakho uvuko olukhulu, kwaye bonke abahlangulweyo abo ababehlangulwe kuzo zonke izigaba bayakuvuka. Kodwa kulo mhla wokugqibela, nje ekupheleni kwexesha, phaya iBandla ngokuqinisekileyo liyakuba kwigcuntswana.

372 Ke siyakubona oko, Bawo, sibona uMyalezo wosuku. Sibona ukwaliwa kwaWo, sibona ukuzahlula, sibona zonke ezi zinto.

373 Sifumana abantu Bakho bevuma ukuba abanjalo... abayo “nto.” Bafuna nje ukuzaliswa ngaWe, Nkosi. Ngoku, ndiyathandaza ukuba Uyakuligungqisa ihlabathi ngabo, nje kwiintsuku ezimbilwa ngaphambi koKuza kweNkosi.

374 Ngoku phakathi kwethu kukho ukugula, kukho abantu abaswele impiliso yasemzimbeni. Asinakubashiya ngaphandle, Nkosi, kuba kuthiwa, “Musa ukuyilibala yonke impatho Yakhe entle: Uloxoleta bonke ubugwenxa bakho; kwaye Ulophilisa zonke izifo zethu.” Siyathandaza ukuba amandla Akhe amakhulu empiliso abe phezu komntu ngamnye olapha. Ukuba Unokusindisa umphefumlo phandle phaya ngaphandle kokwenza intshukumo, kuphela intliziyo yakhe iguqukele kuWe, kukangakanani na Unganako okuphilisa umzimba!

375 Nazi iitshefu zilele apha. Ndiyazisikelela eGameni leNkosi uYesu, njengokuba uMpostile omkhulu uPawulos wenzayo. Wanga angaphila nabani na onxibe ezi tshefu. Yanga amakhaya aqhekekileyo angamiselwa kwakhona. Banga abantwana abancinane, abangenayise, abangenanina, nabo bahlukeneyo, langa elo khaya lingamanyana kwakhona. Siphe oko, Nkosi. Philisa bonke abagulayo ngoku, kunye nabaxhwalekileyo, Zifumanele uzuko.

376 Kwaye, Nkosi, thina bazama ukugcina izitya zethu ziphezulu, amehlo ethu ephezulu, iintliziyo zethu ziphezulu zibhekise kuWe, sikhanyela ukuba nkqu sihlukanisiwe kweli hlabathi. IBhayibhile yathi ukuba “U-Abraham wemka ukusuka ekhayeni lakhe, wahamba ukusuka kwisixeko sakhe, ukuba abengumphambukeli kwilizwe ledinga, evuma ukuba waye ‘ngenguye oweli hlabathi’ kodwa waye ‘ngumkhenkethi

nowasemzini.” U-Abraham no-Isake noYakobi, bonke abanobu bungqina bokuba bona “abangabo abeli hlabathi,” basuka ngokulula baxele ukuba kukho iSixeko OMakhi noMenzi waso nguThixo, kwaye bahamba ngaloo ndlela.

³⁷⁷ Yanga iintliziyiyo zingaguqulwa ngoku ngelithuba ndithandaza, Bawo, kwaye kwangathi isimo sengqondo singathatyathwa. Kwaye xana iinkonzo zobhaptizo zifika, kwanga kungakho olo xhokonxo phakathi kwabantu, kwanga kungabakho abantu ababengazange bacinge ngayo ngaphambili, yanga ingatyhilwa. Kwaye Wathi bonke abo Ubabizileyo, U—Uya kubathuma.

³⁷⁸ Ngoku, ndinikela konke kuWe, Nkosi, ngalo myalezo mncinane uqhekekileyo uphuma kwisitya esihluphekayo esingenanto phakathi kwaso, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba Uthabathe nje loo Mazwi uze uwanyibilikise ezintliziyweni zabantu, kwaye yanga bangebinako ukubuya basuke kuWo. Siphe oko, Nkosi. Ndiwunikela kuWe ngoku, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

[Umzalwana unika umyalezo—Mhl.]

³⁷⁹ Ngelithuba usenza isigqibo sakho, uyagqiba. “Kutheni nimi phakathi kweembono ezimbini?” Niyivile loo nto Ayithethileyo. Ukuba uThixo unguThixo, Mkhonzeni; ukuba ihlabathi nguthixo, qhubekani nje. Yabona? Ukuba indlela yehlelo ilungile, qhubela phambili nayo; kodwa ukuba iBhayibhile ilungile, ngoko yiza kuYo. Yabona? Zinyuleleni kule yure ngubani eniyakumkhonza.

³⁸⁰ Masikhe nje, sikuMoya, sicule iculo ngoku. IBhayibhile yathi, “Bacula iculo baze baphuma.” Makhe sicule eli culo lakudala lodumo, *NdiyaMthanda*, ngentloko kunye neentliziyiyo zethu zithotywe kuYe.

NdiyaMthanda,

Ngoku thabatha isigqibo sokuba yintoni oya kuyenza.

NdiyaMthanda

Ngokuba Wandithanda kuqala

Kwaye wahlawulela usindiso lwam

Emthini waseKhalvari.

³⁸¹ [UMzalwana uBranham ungqumshela, u*NdiyaMthanda*—Mhl.] Ingaba ungasenza isigqibo sakho ngenxa kaKristu? Hayi isigqibo, kanye, ziqongqothe nje ngokwakho, “Nkosi, andilunganga. Akukho nto kum nayiphi na elungileyo. Makhe ndilibale konke endakha ndakwazi. Ngoku yiza, Nkosi Yesu, musa ukuvumela oku kudlule phezu kwentloko yam. Ndenze ndiKwamkele ndizaliswe nguMoya Wakho, Nkosi. Ukusukela namhlanje ukuya phambili, ndivumele ndibe ngoWakho ngokupheleleyo.” Thandaza nje ngoku, nje umthandazo omncinane kuThixo; lula, lo mthandazo, bantwana, nonke.

Wena Mvana yaseKhalvari,
Msindisi oNgcwele;

Guquka nje entliziyweni yakho.

... ndive ngelithuba ndithandaza,
Susa zonke izono zam,
Owu ndivumele ukususela namhlanje
Ndibe ngoWakho ngokupheleleyo!

Ngelithuba ndinyathela ubomi bumnyama
obuphixeneyo,
Kwaye iintlungu ezindingqongileyo
zendlaleka,
Yiba NguMkhokeli wam;
Yalela ubumnyama bujike bube yimini,
Sula usizi, uloyiko kumke,
Ungaze undivumele ndibhadule
Ukusuka ecaleni kuWe.

³⁸² [UMzalwana uBranham unqumshela *uKholo Lwam Lukhangela Phezulu KuWe*—Mhl.] Aba bathe bakholwa, abaziqongqothileyo phambi koThixo, kwaye bagqiba kwelokuba akukho nto eyakubathintela kwakhona, awunakuze uvume nasiphi na isakhono, kwaye unqwenela ukusenza sicace, sicace ngokwenyani kunye noThixo, iqula linamanzi kulo, ukulungiselela ubhaptizo. Mabathi abafazi baye ngakwesokunene sam, amadoda ngakwesokhohlo sam. Inkonzo yobhaptizo iya kubakho nje emzuzwini. Abo baqongqothiwewo, abangakulungele ukungakholwa koko abalungiseleli abakuthethayo, loo nto ubucawa buyithethayo, loo nto amahlelo ayithethayo, kodwa bayakuthabatha indlela yeNkosi, bayakukholwa u-ITSHO INKOSI, yizani ngoku.

Ngelithuba ndinyathelela ubomi obumnyama
obuphixeneyo,

Kuyakuba ngabafazi ngapha, amadoda ngapha. Olo lubizo lwakho lwasesiguqweni, “Ngokobuninzi ababekholiwe, beza kwaye babhaptizwa.”

... uMkhokeli wam;
Yalela ubumnyama bujike bube yimini,
Sula iinyembezi zosizi zimke,
Ungaze undivumele ndibhadule
Ukusuka ecaleni kuWe.

³⁸³ Bangaphi abafazi abalapha ngale ntsasa.. Ndikuthetha oku eGameni leNkosi uYesu! Bangaphi kuni abaneentloni ngezo nwele ezimfutshane enizinxibileyo, funa uThixo, ngobabalo Lwakhe, ukuba azivumele zikhule ngenxa yakho? UThixo anisikelele.

384 Mangaphi amadoda aneentloni zokuba avumele abafazi bawo batshaya imidiza, kwaye banxibe iibhulukhwe ezo eneneni kuzezenu?

385 Kwaye iBhayibhile yathi, “Kulisikizi emehlweni kaThixo.” Ingaba niyazi ukuba uThixo akanako ukutshintsha? Akanako ukutshintsha. Unemvelo enye, obo bubungwele. Akanako ukutshintsha. Ukuba awuyikufana naYe, awuyi kuMbona, “Ngaphandle kobungwele akukho mntu uya kuyibona iNkosi.” Kwaye ukuba ukunxiba iibhulukhwe ku. . . menza uThixo agule esiswini Sakhe aze ahlanze, Uyagula, *namasikizi*, “ukungcola,” yeyiphi indlela oyakuze. . . ube nomoya ololo hlobo kuwe kwaye uyakuze ufike eZulwini? Uyakufika njani eZulwini ngeenwele ezimfutshane, xana uThixo wathi, “Kulihlazo ukuba umfazi achebe iinwele zakhe”? Uyayikhanyela imigaqo yokuba ungu—ungunkosikazi. UThixo akatshintshi. Elo liLizwi Lakhe, mhlobo, kungcono uphulaphule.

386 Kwaye nina madoda eniyakuvumela abafazi benu benze oko, aninazintloni ngeziqu zenu? Aninazintloni na?

387 Musani ukuba njengeNenekazi lokuQala lelizwe. Yibani njengoThixo! Yabona? Ziqongqotheni nisuke kule ndlela yesiqhelo sangoku sehlabathi, ukuze uKristu abe nokuzigalela ngoKwakhe kuwe kwaye ube nokuzaliswa ngokwenene ngaye uMoya oyiNgwele.

388 Akanako ukukwenza oko, Akanako ukukwenza oko, ku—kunxamnye nemigaqo Yakhe; Kuyakufuneka ukuba ahambe nxamnye neLizwi Lakhe, kwaye oko Akayi kukwenza; Akayi kukwenza okoko nje—njengoko unгахambelani neLizwi Lakhe. Kufuneka ukuba uze. . . Kufuneka ukuba size Koku ngaphambi kokuba nantoni na eyenye yenziwe. Niyakwazi oko, nonke ngabanye niyakwazi oko. Bangaphi abakukholwayo oko, phakamisa isandla sakho. Ngokuqinisekileyo, niyakukholwa oko, ngoku masenzeni into malunga nako.

389 Thixo, yiba nenceba kuthi! Indlela esiMdinga ngayo! Naku apho sikhoyo, sonke kunye ngoku. Khumbulani ngoku, eMgwebeni, ukuba ndi. . . Kuya kufuneka ukuba ndime (kwaye oko kunokuba ngaphambi kobusuku) kwaye ndijongane neLizwi lonke endilithethileyo. Yabona, kuya kufuneka ukuba ndikhangelane naLo. Ngoku, khumbulani ukuba ubugwenxa abukho ezandleni zam, abukho kwisazela sam, abukho emphefumleni wam, abukho kuThixo.

390 Ukuba awunjalo. . . Ukuba umi kwezo meko kwaye awuziva ugwebekile (whew!), yintoni—yintoni—yintoni oyakuyenza? Ngoko uyazi ukuba uThixo akasebenzi nawe, uyazi ukuba udlulile Koko. Yabona? Ugqithile kuLonto. Usenokuba ungowonqulo kakhulu, usenokuba ngowamabandla na njalo njalo, kodwa udlule kuLoo nto. ILizwi likaThixo liyahamba lihle lize likhuphele umntu ngaphandle. Nantso ke into leyo

ebabuyisela umva. Yabona? Ke elo liLizwi. Ndibuza nawuphi na umlungiseleli, nawuphi na umntu, naphi na, ukuba akhanyele. Oko nxamnye neLizwi likaThixo. Kunjalo oko. Akunjalo, yabona.

³⁹¹ Ke makhe sibe ngamaKristu okwenene. Nkqu nathi abo sizamayo, abo bazamayo, kufuneka sigawulwe kwaye sibiliswe kwakhona. Ewe, mhlekazi, sonke siyakudinga oko.

³⁹² Thixo, yiba nenceba kum. Thixo, ndithabathe kwaye undibumbe. Yinjongo yam, emva kwale veki, ukuya phambi koThixo, ukufumanisa ukuba yintoni emandiyenze ngokulandelayo. Thixo, ndithabathe. Intoni... Konke—konke kumalunga nam, kwaye kunokuninzi, oko okungalunganga, Thixo, kunqumle, ngumthandazo wam ngale ntsasa. Yaluse intliziyo yam, iindlebe, ubuqu bam. Ndenze, Nkosi, ndenze into ethile leyo... nantoni na Afuna ukuba ndibe yiyo. Lowo ngumthandazo wam.

³⁹³ Nantoni na endiswele ukuba yiyo, nqunqa, ndinqunqu, Nkosi. Ndibonise eLizwini, ndixelele, ndiya kuya ndiyenze. Makhe iNkosi iyitsho loo nto, kwaye ndiyaku... ndiphaya kanye ndikulungele ukumelana nalo. Nantoni na iLizwi likaThixo eliyithethayo, yiloo nto endifuna ukuba yiyo. Ndifuna ukuba ngu—ngumKristu kwiLizwi likaThixo, “Ndivumela lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye elikaThixo libe yinyani.” Ingaba oko bekungayi kuba ngumkhwa wexesha, bekungekhe oko kube nguwo? Oko yindlela okukholwa ngayo?

³⁹⁴ Ukhangelana indawo ngenxa yobhaptizo, nyana? Ehe, emva ngaphaya, mzalwana, musa ukulinda. Kulungile oko, kanye ngale ndlela.

³⁹⁵ Abaninzi benu kumelwe kukuba bayeza, amadoda kunye nabafazi lawo ngamakholwa, lawo athe a... azivuma izono zawo, ukuba babhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu. (Ngale ndlela, mzalwana.) “EGameni likaYesu Kristu ukuze baxolelwe izono zabo, kwaye baya kuzaliswa ngoMoya oyiNgcwele.”

³⁹⁶ Ngoku, kuni bantu abamaKatolika apha, yiloo nto uxolelo lwesono luyiyo. Nithi ibandla linamandla okuxolela izono, lazixolela njani ibandla izono? UThixo... uYesu walixolela ibandla, “Naye wonke ubani enisukuba nimxolela izono, kubo zixolelwe. Nabani na enibabambeleyo, kubo zibanjiwe.” Babezixolele njani ezokuqala, izono kwibandla lokuqala? Bababizela enguqukwani, baza bababhaptizela eGameni likaYesu Kristu ukuze baxolelwe izono zabo. Hayi phantsi kwendawo yokuvuma izono; hayi, ngenene. Kodwa babeguquka phambi koThixo, ezintliziyweni zabo xana babemi phaya, kwaye bakholwa. “Kwaye nje abaninzi babhapti... bakholwayo babhaptizwa eGameni likaYesu Kristu, kwaye bazaliswa nguMoya oyiNgcwele.” Amen. NiyaMthanda?

Ngoku makhe sime.

³⁹⁷ Ngoku, bayakuba baninzi abafuna ukulinda inkonzo yobhaptizo. Ingaba ukhona usafuna ukuza, ongomnye okholiweyo? Yizani, nakweliphi na icala; amadoda ngasekhohlo; ngasekunene, abafazi. Kholwa kwiNkosi uYesu ngentliziyo yakho yonke, ngako konke okukuwe.

³⁹⁸ Ngoku makhe sithobiseni iintloko zethu kunye, ngelithuba siphinda lo mthandazo ungumzekelo kunye, njengoko ndiziva ndikhokelwa ngendlela engaqhelekanga kakhulu ukuba ndenze oku kanye ngoku. Njengoko sithobisa iintloko zethu, nithandaze kunye nam:

Bawo wethu oseZulwini, Malingewaliswe
iGama lakho.


UbuKumkani bakho mabufike. Intando yakho
mayenziwe emhlabeni, njengokuba isenziwa
eZulwini.

Siphe namhla isonka sethu semihla ngemihla.

Usixolele izigqitho zethu, njengokuba nathi
sibaxolela abo banezigqitho nxamnye nathi.

Uze ungasikhokeleli ekuhendweni, kodwa
usihlangule ebubini. Ngokuba boBakho
ubuKumkani, namandla, kunye nozuko,
kuse ephakadeni. Amen.

³⁹⁹ Ngoku makhe sigcine iintloko zethu zithotyisiwe. Kwaye ndiza kucela uMzalwana Neville ukuba eze athethe intsikelelo, atsho loo nto isentliziyyeni yakhe, kwaye ngoko azise ngenkonzo yobhaptizo leyo yenziweyo yalungela ngoku.

⁴⁰⁰ UThixo anisikelele, ngumthandazo wam.
Ndiyakunithandazela, nindithandazele. Ndiyayidinga kakhulu imithandazo yenu. 

61-1119 Amandla Agqibeleleyo
NgobuThathaka Obugqibeleleyo
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org